



**URhulumente
weNtshona Koloni**

EzeMfundo

INgxelo yoNyaka 2013/2014

ISebe EzeMfundo

IZIQULATHO

ICandelo A: Ingcaciso ngokubanzi

1.	INGCACISO YESEBE NGOKUBANZI	1
2.	ULUDWE LWEZIFINYEZO/LWEZISHUNQULELO	2
3.	IMBULAMBETHE EYENZIWA NGUMPHATHISWA	3
4.	INGXELO YEGOSA ELIMELE UKUPHENDULA NGOSETYENZISO LWEMALI	5
5.	INKCAZO YEMISEBENZI NENGQINISEKISO YOKUCHANEKA KWENXELO YONYAKA.....	13
6.	INKCAZO YESICWANGCISO SOBUCHULE (STRATEGIC OVERVIEW)	14
6.1.	Umbono	14
6.2.	Injongo ephambili	14
6.3.	Iimfundiso eziziseko	14
7.	IMITHETHO NEZINYE IZIGUNYAZISO	14
8.	UKUMA KWESTRAKSHA SEZIKO ELI	15
9.	AMAQUMRHU ANIKA INGXELO KUMPHATHISWA	15

ICANDELO B: Ingcaciso ngentsebenzo (Performance Information)

1.	INGXELO YOMPHICOTHI-ZINCWADI JIKELELE: IINJONGO EZICACISWE KWANGAPHAMBILI (PRE-DETERMINED OBJECTIVES)	17
2.	INKCAZO NGENTSEBENZO YESEBE	17
2.1.	Imeko engqonge ukwenziwa kweenkonzo	17
2.2.	Isicwangciso soPhuculo loKwenziwa kweNkonzo	19
2.3.	Okuqhubeka kwiziko	34
2.4.	UPhuhliso lweMigaqo-nkqubo ePhambili neeNguqu kwiMithetho	37
3.	IINJONGO EZICWANGCISWE NGOBUCHULE NEZIJOLISE KWIZIPHUMO ZOKUFUNDA (STRATEGIC OUTCOME ORIENTED GOALS)	42
4.	INGCACISO YENTSEBENZO NGEPROGRAM NGANYE (PERFORMANCE INFORMATION BY PROGRAMME)	45
4.1.	Iprogram 1: Ezolawulo	46
4.2.	Iprogram 2: Imfundo kwiZikolo zikaRhulumente eziQhelekileyo	56
4.3.	Iprogram 3: Iinkxaso-mali kwiZikolo eZizimeleyo	75
4.4.	Iprogram 4: Imfundo kwiZikolo zikaRhulumente zeMfundo eneeMfuno eziZodwa	80
4.5.	Iprogram 5: Imfundo noQeqesho oluQhubekayo	90
4.6.	Iprogram 6: Imfundo noQeqesho lwaBadala	96
4.7.	Iprogram 7: Imfundo nophuhliso lwaBantwana aBasaqalayo	100
4.8.	Iprogram 8: UPhuculo lweziseko zophuhliso	105
4.9.	Iprogram 8: Iinkonzo eziNcedisayo neziNxulumene noko	110
5.	Iintlawulo ezenziwe ngoomatshini	116
5.1.	Iimali ezenziwe ngoomatshini kuyo yonke imibutho engengomaqumrhu karhulumente	116
5.2.	Iintlawulo ngebhanki eziya kuwo onke amaqumrhu angengawo amaziko karhulumente	116

ICANDELO B: Ingcaciso ngentsebenzo (Performance Information)

6.	IIGRANTI EZIKHUTSHWA PHANTSI KWEMIQATHANGO.....	118
6.1	Iigranti ezikhutshwa phantsi kwemiqathango neemali ii- <i>earmarked funds</i> ezihlawulwe liSebe	118
6.2	Iigranti ezikhutshwa phantsi kwemiqathango neemali ii- <i>earmarked funds</i> ezifunyenwe liSebe	118
7.	INKXASO-MALI YEZIPHO-MALI (<i>DONOR- FUNDING</i>)	124
7.1	Inkxaso-mali efunyenweyo	124
8.	UTYALO-MALI KWIIPROJEKTHI ZOLWAKHIWO (<i>CAPITAL INVESTMENT</i>)	125
8.1	Utyalo-mali kwii projekthi zolwakhiwo (<i>capital investment</i>), isicwangciso solondolozo nee-asethi	125

ICANDELO C: EZOLAWULO

1.	INTSHAYELELO	131
2.	ULAWULO LWEMIBA EYINGXAKI (<i>RISK MANAGEMENT</i>)	133
3.	INKOHLISO NOBUQHOPHOLOLO (<i>FRAUD AND CORRUPTION</i>)	135
4.	UKUNCIPHISA UKUNGQUBANA KWEEMFUNO	135
5.	UMGAQO WOKUZIPHATHA	136
6.	IMIBA YEZEMPILO, UKHUSELEKO NEMIBA YOKUSINGQONGILEYO	136
7.	IIKOMITI ZEEPOTIFOLIYO	136
8.	IZIGQIBO ZE-SCOPA	136
9.	UTSHINTSHO LWANGAPHAMBILI KWIINGXELO ZOPHICOTHO-ZINCWADI	144
10.	IYUNITHI YOLAWULO LWANGAPHAKATHI	145
11.	IKOMITI YOPHICOTHO LWANGAPHAKATHI NEKOMITI YOPHICOTHO -ZINCWADI	145
12.	INGXELO YEKOMITI YOPHICOTHO-ZINCWADI	147

ICANDELO D: ULAWULO KWICANDELO LEZABASEBENZI (HUMAN RESOURCE MANAGEMENT)

1.	INTSHAYELELO	150
2.	INKCAZO NGECANDELO LEZABASEBENZI	150
3.	IINKCUKACHA-MANANI EZIPHOSAKELEYO ZEMICIMBI YOLAWULO LWABASEBENZI	153

ICANDELO E : INGCACISO NGEZEMALI

1.	INGXELO YOMPHOCOTHI-ZINCWADI	184
2.	IINGXELO-MALI ZONYAKA	190

IZIHLOMELO

1.	ISIHLOMELO A: ISICWANGCISO ACTION PLAN 2014 NEZALATHI-NKQUBELA ZEEMVUMELWANO ZOKWENZIWA KWEENKONZO (KUZWELONKE)	237
2.	ISIHLOMELO B: ISISHWANKATHELO SEEMILINGANISELO YENTSEBENZO YEEPROGRAM EZIMISELWE KUZWELONKE	239
3.	ISIHLOMELO C: IZALATHI-NKQUBELA ZENTSEBENZO YEEPROGRAM (II-TECHINICAL INDICATORS)	243



ICandelo A
Ingcaciso ngokubanzi

1. INgcaciso ngokubanzi yeSebe leMfundo leNtshona Koloni (WCED)

ISebe leMfundo leNtshona Koloni (WCED) lithwele uxanduva lwezemfundo kwizikolo zikarhulumente kwiphondo ukususela kwiBakala 1 ukuya kwiBakala 12. ISebe iWCED lisebenza kwiZithili zeMfundo ezisibhozo ezinoNdlunkulu oseKapa.

Indawo	Idilesi yeposi	IFoni	Inombolo yefeksi
WCED Head Office	Private Bag 9114, Cape Town, 8000	021 467 2000	021 467 2996
Metro Central	Private Bag X4, Athlone, 7760	021 514 6700	021 659 4413
Metro East	Private Bag X23, Kuilsriver, 7579	021 900 7000	021 903 9484
Metro North	Private Bag X45, Parow, 7500	021 938 3000	021 938 3180
Metro South	Private Bag X2, Mitchell's Plain, 7785	021 370 2000	021 372 1856
Cape Winelands	Private Bag X3102, Worcester, 6849	023 347 6000	023 342 4138
Eden & Central Karoo	Private Bag X6510, George, 6530	044 803 8300	044 873 2253
Overberg	Private Bag X08, Caledon, 7230	028 214 7408	028 214 7400
West Coast	Private Bag X3026, Paarl, 7620	021 860 1200	021 860 1231

IZiko leeFoni leSebe iWCED:

Imibuzo engeMicimbi yaBasebenzi neyezeMali : 0861 923 322; IZikolo eZikhuselekileyo: 0800 45 46 47

Iziko lewebhu: WCED Online <http://wced.school.za>

Uluhlu lwee-imeyili : WCEDnews <http://list.pgwc.gov.za/mailman/listinfo/wcednews>.

Twitter (micro-blogging)

WCEDnews <http://twitter.com/wcednews> (for news-in-education-related tweets); WCEDlearn <http://twitter.com/wcedlearn> (for education-related tweets)

Tumblr (blog)

WCED/News/Home <http://wcednewshome.tumblr.com/> ; WCEDnews <http://wcednews.tumblr.com/>

Posterous (blog)

WCEDnews <http://posterous.com/wcednews>

2. Uludwe lwezifinyezo/lwezishunqulelo

A(B)ET: Adult (Basic) Education and Training	IMG: Institutional Management and Governance
ACE: Advanced Certificate in Education	LSEN: Learners with Special Education Needs
ANA : Annual National Assessment	LTSM: Learning and Teaching Support Materials
ASIDI: Accelerated School Infrastructure Development Initiative	MTEF: Medium-Term Expenditure Framework
ASS : Annual School Survey	NCS: National Curriculum Statement
CAPS: Curriculum and Assessment Policy Statement	NC (V): National Curriculum (Vocational)
CEMIS: Central Education Management Information System	NEPA: National Education Policy Act
CTLI: Cape Teaching and Leadership Institute	NQF: National Qualifications Framework
DHET: Department of Higher Education and Training	NSC : National Senior Certificate
DBE: Department of Basic Education	NSNP: National School Nutrition Programme
DEMIS: District Education Management Information System	PFMA: Public Finance Management Act
DIP: District Improvement Plan	PILIR: Policy and Procedure on Incapacity Leave and Ill-Health Retirement
ECD: Early Childhood Development	PPI: Programme Performance Indicator
EIG: Education Infrastructure Grant	PPM: Programme Performance Measure
EMIS: Education Management Information System	RCL: Representative Council of Learners
EPWP: Expanded Public Works Programme	SAQA: South African Qualifications Authority;
FAL: First Additional Language	SASA: South African Schools' Act
FET: Further Education and Training	SETA: Sector Education and Training Authority
GET: General Education and Training	SGB: School Governing Body
GHS : General Household Survey	SIM: School Improvement Monitoring
GIS: Geographic Information System	SIP: School Improvement Plan
Gr : Grade	SMT: School Management Team
HEI: Higher Education Institution	U-AMP: User Asset Management Plan
HL : Home Language	WCED : Western Cape Education Department
ICT: Information and Communication Technology	WSE: Whole-School Evaluation

3. IMBULAMBETHE EYENZIWA NGUMPHATHISWA



Donald Grant

Kule minyaka mihlanu idlulileyo ibe lilungelo elilodwa kum ukusebenza kwiSebe leMfundo leNtshona Koloni (WCED) nokuphucula iziphumo zemfundo kweli Phondo. Ndinelunda ngempumelelo esiyizuzileyo sibambisene.

Ngeli thuba, senze inkqubela ebonakalayo ngokumalunga neenjongo zethu ezicwangciswe ngobuchule ekuzezi :

- ukuphucula uLwimi neMathematika kwiZikolo eziziiPrayimari
- ukuphucula amanani abafundi apasayo nomgangatho wokupasa kwiSatifikethi seMatriki sikaZwelonke
- ukunciphisa inani lezikolo eziqhuba kakubi

Ukusebenzela ukufikelela kwezi njongo zintathu kukhokelele ekwandeni okusivuyisayo kwereyithi yokugcinwa kwabafundi ezikolweni.

Xa sijonga inkqubela kwezi nkalo, ndinako ukutsho ngaphandle kwamathandabuzo ukuba inkqubo yezemfundo ikwimeko ebhetele kunento ebiyiyo kwiminyaka emihlanu edlulileyo. Oku kusisiphumo samalinge entsebenziswano ngamagosa eSebe iWCED, zii-SGBs, abazali nootitshala kwakunye namanye amaSebe ePhondo nee-arhente zezemfundo ezingamahlakani ethu.

Lo gama iNtshona Koloni isenendlela ende ekufuneka iyihambile ukufikelela kuzo zonke iinjongo zayo ezimiselwe kwisicwangciso esenziwe ngobuchule, sinako ukuyalatha inkqubela ebonakalayo ukuza kuthi ga ngoku.

Ngo-2010/2011, sabeka isiseko esifunekayo ekugqibeni esi sicwangciso, yaye ngo-2011/2012 nango-2012/2013, siye sakhela phezu kwesi siseko, sijolise ngokukodwa kuncedo esilunika izikolo zethu ezihlupheke kakhulu nakwiSigaba seSiseko.

Ngo-2013/2014, sasibethelela kwakhona esi siseko ngokuqinisekisa uzinzo olungaphezulu kwinkqubo yezemfundo.

Eminye imiba eqaqambileyo kunyaka ka-2013/2014 ibandakanya ukuqaliswa kwe-*e-Recruitment System* nevumela ootitshala ukuba bafake yaye bazigcine ii-Sivi zabo kwikhompyutha kwakunye nokwenza izicelo zomsebenzi kwizithuba zootitshala ezingenamntu. Bangaphezu kwe-20 000 ootitshala ababhalisa kule sistim kunyaka ophelileyo.

Siyazidla ngokukodwa ngamaphulo ahluka-hlukeneyo esiwenzileyo ukwenzela ukuncedisa abafundi nezikolo zethu ezihlupheke kakhulu. Amanye amaphulo aqaqambileyo ibe kukuqaliswa kwesidlo sakusasa sabafundi, ukongeza kwisidlo sasemini abasifumana ngosuku ngalunye; ukunyusa inkxaso-mali kwizikolo ezingaphezu kwe-300 ezibiza iifizi ezenza iinkonzo kubahlali abangathathi ntweni, intlawulo yezigidi zeerandi eziyi-42 kwimbuyiselo yeefizi ukunceda izikolo ekunciphiseni eminye yale mingeni zijongene nayo izikolo ngenxa yokungahlawulwa kweefizi zesikolo.

Izikolo ezibiza iifizi ezingamakhulu amabini aneshumi elinesithandathu (216) ezenza iinkonzo kubafundi abangathathi ntweni zakhetha ukuba zizikolo ezingabizi zifizi kunyaka wesikolo ka-2014 xa zazinikwe eli thuba.

Kunyaka-mali ka-2013/2014 kwamiselwa ngokusemthethweni iphulo elilingwayo eliyi-School Resource Officer (SRO) pilot, elinjongo ikukwenza indawo engqonge isikolo ibe yekhusekileyo, nokwakha kunye/okanye nokucwangcisa ukwakha izikolo ezitsha eziyi-15 nokutshintshwa kwezikolo eziyi-33. Iiprojekthi zolondolozo eziyi-108 nazo zagqitywa ezikolweni.

Ngoku namhlanje sinenkqubo yezemfundo yephondo evelisa iziqhamo nethe yanika iimpendulo ezinika ithemba ekuphuculweni kweesistim eziliqela.

Kunyaka-mali ka-2013/14 senza izicwangciso zokuzinzisa nokomeleza ezi zicwangciso ukuqinisekisa uzinzo ngakumbi nokwenzela ukuphumeza ukuzimisela kwethu ekuphuculeni ubomi babona bantu babaluleke kakhulu kuthi – abafundi. Apho kufuneka sitshintshe iimeko neendlela zokwenza, siya kuphinda sizichaze ngokutsha yaye sizimise ngenye indlela ezi zicwangciso zobuchule zethu.

Ukugxininisa ekuphuculeni umgangatho nasekugcinweni kwamanani abafundi kuya kuba negalelo elinika ithemba ekukhuleni koqoqosho nasekuncitshisweni kwentswelo-ngqesho.

Sijonge ngethemba ekwenzeni iMfundo 'Bhetele ngokuBambisana', ngokuphucula iziphumo zokufunda nenkqubo yezemfundo kwiminyaka ezayo.



Donald Grant
UMphathiswa weSebe leMfundo
2013/14

4. INGXELO YEGOSA ELIMELE UKUPHENDULA NGOSETYENZISO LWEMALI (ACCOUNTING OFFICER)

Isishwankathelo semisebenzi yesebe:



Ukupasa kwizifundo

ISebe iWCED likubeka esweni ukupasa kwabafundi kuvavanyo lwangaphakathi nolwangaphandle. Ngokumalunga novavanyo lwangaphakathi, imisebenzi yovavanyo ijongisiswa (*scrutinised*) zii-HODs naBacebisi beZifundo. Ukongeza apho, kumiselwe iithagethi zamanani abafundi abapasa onke amabakala nolwimi nemathematika. Iimvavanyo zangaphandle zisetelwa amaBakala 1-6 no-9 zikwimo yeeMvavanyo zoNyaka zikaZwelonke (*Annual National Assessments*). ISebe iWCED lilawula ngokuzimeleyo iimvavanyo ezisetiweyo zamaBakala 3, 6 no-9 kulwimi nakwimathematika yaye iSebe iDBE liseta iimvavanyo zeSatifikethi sikaZwelonke.

PA Vinjevod
INTsumpa-Jikelele

Kubekho ukuphucuka okuthe chu kumanani nomgangatho wabafundi abapasayo kwiSatifikethi seMatriki sikaZwelonke. Zakuba zibandakanyiwe iziphumo zokumakishwa kwakhona nezeemviwo zokuxabangela kwiziphumo ngokubanzi, bayi-651 abafundi ukongeza abaye bapasa iNSC, yaye oko kuyandisile ireyithi yepesenti yokupasa ukusuka ku-85.1% ekuqaleni yaya ku- 86.5%.

Ngokufanayo kubekho ukuphucuka kwereyithi yokupasa kwamanye amabakala, ngokukodwa kumabakala 10 no-11.

Iprogram yovavanyo lwangaphandle yeeLwimi neMathematika yanika inkxaso amaphulo ongenelelo ngoncedo ethu nezikolo, kubandakanywa iiprogram zoqeqesho lootitshala ezimiselweyo.

Inkxaso

Ingcaciso ngenkxaso yokwandisa amanani abafundi (*learner population*), kuquka abo basele kwinkqubo yezemfundo kwakunye nabo babhalise okokuqala ngqa, ibonelelwe ngeenkukacha ezithile kule ngxelo ngokubanzi. Oku kuquka izicwangciso zeziseko zophuhliso (*infrastructure planning*) nokubonelelwa ngeencwadi zezifundo neencwadi zomsebenzi, ukutya, izithuthi, inani elandileyo lezikolo ezingabizi zifizi neprogram yokuxolelwa ekuhlawuleni iifizi.

Iisistim nokuphendula ngokusebenza kwazo (Systems and accountability)

Kumaphepha achaza ngeProgram nganye kule ngxelo, sibandakanye ingcaciso ethile engokwabelwa kwamaziko izithuba ngo-2009/10 xa kuthelekiswa namanani ango-2013/14. La manani kufuneka aqondwe ngokunxulumene neenjongo esizimisele ukufikelela kuzo, ngeli thuba ukwandisa iinkalo eziyimpumelelo.

Okubaluleke gqitha kukuba zincitshisiwe iindleko zokuqeshwa kwabasebenzi (*staffing costs*) ngokunciphisa izithuba zemvumelwano (*contract posts*); ukunciphisa amanani abasebenzi abangaphezu kwemfuneko; ukuqwalasela ukungasetyenziswa ngendlela kwexesha lokufundisa ezikolweni nokujongana neemeko zabo bakwikhefu amathuba amade (*extended periods of leave*). Ukusetyenziswa kwesistim yoku-odola ngekhompyutha (*online ordering systems*), ukuthenga izibonelelo ezininzi ngaxeshanye nesistim yokugaya abasebenzi ngekhompyutha (*online recruitment*), kuye kwawaphucula amaxesha okuguqula ezi meko yaye oko kube luncedo ekubekweni esweni nasekulandelelweni kweesistim. Ucazululo lwedatha nolawulo lwayo lusinike ingqiqo yokuba senze izigqibo ezibhetele ngayo yonke into kwinkqubo yezemfundo. Kwinkqubo empawu zayo ikukomeleza ukuphendula ngokwenzekayo, siye sagxila ekuboneleleni abona bantwana basemngciphekweni kakhulu.

Isishwankathelo seziphumo zemali zesebe:

Iimali ezifunyenwe liSebe (Departmental receipts)

Iimali ezifunyenwe liSebe	2013/2014			2012/2013		
	Eqikelelweyo	Isixa kanye esiqokelelweyo	Inkcitho engaphezulu/engaphantsi yeQokelelweyo	Eqikelelweyo	Isixa kanye esiqokelelweyo	Inkcitho engaphezulu/engaphantsi yeQokelelweyo
	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000
Ukuthengiswa kweempahla neenkonzongaphandle kwee-capital assets	11,906	11,959	(53)	10,974	13,172	(2,198)
Iifayini, izohlwayo neemali ekuphulkenwe nazo	228	774	(546)	228	761	(553)
Inzala, izahlulo nerenti yemihlaba	1,998	1,818	180	1,998	3,530	(1,532)
Ii-Financial transactions kwii-assetini nasematyaleni (assets & liabilities)	26,698	19,003	7,695	11,333	24,418	(13,085)
ITotali	40,830	33,554	7,276	24,533	41,881	(17,348)

Ingeniso yeSebe ngokwalo eyenziwe lisebe ifikelela kwi-0.3 % yebhajethi iyonke. Imithombo (*sources*) yeSebe ephambili yemali yesebe ngokwalo yile –

- Ukuqokelelwa kwamatyala abanjwa isebe lemfundo.
- Ikomishini kwiintlawulo zee-inshorensi kunye neemali ezixhuzulwayo zomyalelo we-*garnishee*.
- Iimali ezihlawulelwa iinkonzo ezinxulumene neemviwo ezinjengokumakishwa kwakhona kweencwadi zeempendulo, izicelo zeekopi zezatifikethi zematriki kunye nezinye izatifikethi. Ezi ntlawulo zimiselweyo ziqingqwa liSebe leMfundo esiSiseko likaZwelonke
- Iinkonzo zokufotokopa izinto kwamanye amasebe ephondo

Zonke iintlawulo zidwelisiwe kwirejista yeentlawulo egcinwa kwikhompyutha. Iintlawulo zijongiswa qho ngonyaka ukulungiselela ukuhla nokunyuka kwamandla emali. Imali eqokelelweyo ebengaphantsi kuleyo iqokelelwe lisebe ngo-2013/14 zizigidi eziyi-R7 million yaye oko kubangelwe yinto yokuba ambalwa amatyala athe acinywa apho iimali ezifunyenweyo zithe zachaphazeleka ngaphezu kwezo beziqikelelwe.

Onke amatyala acinywa ngokomgaqo-nkqubo wesebe wokucima amatyala yaye oku kufuna amanyathelo aliqela abandakanya amalinge okulandelela abo banamatyala.

Inkcitho ngeeprogram

Igama leprogram	2013/2014			2012/2013		
	Ulwabiwo –mali lokugqibela	Inkcitho eyiyo kanye	Inkcitho (eNgaphezulu/ engaphantsi)	Ulwabiwo –mali lokugqibela	Inkcitho eyiyo kanye	Inkcitho (eNgaphezulu/ engaphantsi)
	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000
1. Ezolawulo	579,744	571,149	8,595	546,911	536,988	9,923
2. Imfundo kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo	11,381,365	11,362,779	18,586	10,467,295	10,450,520	16,775
3. Iinkxaso-mali zezikolo ezizimeleyo	84,648	84,648	-	72,321	72,321	-
4. Imfundo kwizikolo zikarhulumente zemfundo eneemfundo ezizodwa	910,338	910,338	-	824,291	820,101	4,190
Imfundo noQeqesho oluQhubekayo	353,097	353,078	19	597,589	597,523	66
Imfundo yaBadala noQeqesho	37,898	37,898	-	36,920	36,920	-
7. Uphuhliso lwemfundo yabasaqalayo	465,637	465,535	102	383,894	383,894	-
8. Uphuculo lweziseko zophuhliso	1,192,946	1,054,312	138,634	790,987	750,672	40,315
IiNkonzo ezincedisayo nezinxulumene nazo	663,112	662,459	653	640,035	639,171	864
ITotali	15,668,785	15,502,196	166,589	14,360,243	14,288,110	72,133

ISebe lichithe i-98.94 pesenti yebhajethi ehlanga-hlengisiweyo (*adjusted budget*) ngo-2013/14. Inkcitho engaphantsi iye yafikelela kwizigidi eziyi-R166.589, okanye i-1.06 % yebhajethi ehlanga-hlengisiweyo nethi ke ibe kumlinganiselo omiselweyo kazwelonke (*national benchmark*) ozipesenti ezi-2.

Izizathu zokungayichithi yonke imali zezi zilandelayo:

- *Izigidi eziyi-R8.593 zesixa i-Equitable Share*. Isixa esiyi-R6.1 yezigidi sibekelwe umatshini oyi-*wrapping machine* othengelwe iCandelo loLawulo lweeMviwo. Ngenxa yokulibaziseka kwixesha lenkqubo yokwenziwa kwawo phesheya, awubanga nako ukwenziwa yaye ufakwe (*installed*) umatshini ungadlulanga owe-31 kaMatshi 2014. Intsalela eseleyo eyi-R2.819 yezigidi engachithwanga yonke kwiProgram yoLawulo ibangelwe ngamanyathelo ayimpumelelo aphunyezwe apha kwisebe ngaphakathi.
- *Yi-R10.181 izigidi zokuxhaswa ngemali kwakhona kweeSekondari zoBugcisa i-Technical Secondary School Recapitalisation Grant*. Oku kubangelwe lulibaziseko ekwaxhiweni kweendawo zokusebenzela ii-mechanical and civil technology workshops kwizikolo zobugcisa ezibini, kwakunye nolibaziseko lokuziswa kwe-ICT hardware neekiti zezixhobo ii-mechanical, electrical and civil technology toolkits kwizikolo zobugcisa. Isixa esizizigidi eziyi-R9.706 esabelwe i-ICT hardware and mechanical, electrical and civil technology toolkits. Isixa esingasetyenziswanga esizizigidi eziyi-R0.475 siza kunikezelwa kuNondyebo kaZwelonke.
- *Yi-R138.635 izigidi ze-Education Infrastructure Grant (EIG)*. Inkcitho engaphantsi ibangelwe lulibaziseko kwiiprojekthi zeziseko zophuhliso ii-Accelerated School Infrastructure Development Initiative (ASIDI) capital infrastructure projects kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo. Isixa esipheleleyo sezigidi eziyi-R138.635 sabelwe inkcitho engabanga nakuhlawulelwa ungadlulanga owe-31 Matshi 2014.

- Yi-R0.653 izigidi ezabelwe iGranti i-HIV/AIDS (Life Skills Education) Grant. Isixa esipheleleyo sezigidi eziyi-R0.653 sabelwe iinkonzo ezenziwa ngabathengisi/ziikhontraka ngethuba elisusela ku-2013/14, kodwa azingeniswanga ngexesha ii-invoyisi ukulungiselea intlawulo yaye azabinako ukuhlawuleka ungalulanga owe-31 Matshi 2014.
- Yi-R6.775 izigidi zeGranti yeProgram yoKutyisa aBantwana yeZikolo (National School Nutrition Programme). Iphulo lokunika abafundi ubisi (milk pilot) belimele ukuqhutywa kwasekuqaleni kunyaka-mali ka-2013/14. Isicwangciso ibikukuba abafundi banikwe isingxobo sobisi (sachet of milk) kanye ngeveki. Ngenxa yolibaziseko ekufumaneni umthengisi wezinto zokufaka ubisi (packaging material), eli phulo liya lalibaziseka yaye liqale ngoNovemba 2013. Isixa esipheleleyo semali engasetyenziswanga siyakubuyiselwa kuNondyabo kaZwelonke (National Treasury).
- Yi-R1.498 izigidi ze-Dinaledi Schools Grant. Kwakhutshwa iithenda ngo-April 2014 yaye isixa esipheleleyo asisebenzanga yaye siza kunikezelwa isixa kuNondyabo kaZwelonke.
- Yi-R0.234 yezigidi eyabelwe i-Social Sector EPWP Incentive Grant for Provinces. Amabango ambalwa afunyanwa kwiikholeji zeFET namalunga nokuxhotyiswa ngezakhono kwee-data capture noqeqesho loNcedo lokuQala (First Aid training) nabandedisi abaziipraktishina ze-ECD. Isixa esipheleleyo asisebenzanga yaye siza kunikezelwa kuNondyabo kaZwelonke.
- Yi-R0.020 yezigidi eyabelwe i-Further Education and Training Grant. Isixa esipheleleyo asisebenzanga yaye siza kunikezelwa kuNondyabo kaZwelonke.

Makuqwalaselwe ukuba ngaphandle kwezi mali zingasetyenziswanga zinikezelwe kuNondyabo kaZwelonke, ezi mali zingasetyenziswanga zezeprojekthi ebezabelwe zona ngokwento yonke yaye isicelo sokugqithiselwa kunyaka-mali olandelayo kwezimali safakwa kuNondyebno kaZwelonke. Kubekho ifuthe elingabhekanga phi kuzo naziphi na iiprogram okanye ukwenziwa kweenkonzo.

limali ezikhutshwa kwamanye amacandelo ukuya kwamanye kwibhajethi (Virements/roll overs)

UNondyabo wePhondo uvume ezi ntlawulo zilandelayo phakathi kwamacandelo amakhulu kwiMali eyabiweyo:

- Ukutshintshwa kwe-R12 024 000 kwiprogram 1 isiwe kwiprogram 4 ekuphunyezweni kwe-Occupation Specific Dispensation (OSD) kwii-Education Therapists, kwii-Counsellors neePsychologists kwizikolo ze-Elsen.
- Ukutshintshwa kwe-R8 925 000 kwi-program 1 isiwe kwi-program 7 kwinkxaso yezemali kwizikolo zeBakala R ezikwiNqanaba leNtlupheko 4 no-5 kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ezanikwa iwonga lokuba zizikolo ezingabizi zifizi ukususela kuJanuwari 2014.
- Ukutshintshwa kwe-R11 303 000 kwiprogram 1 isiwe kwiprogram 8 ukuhlaziya iziseko zophuhliso zeeholo zezikolo namabala ezemidlalo kwizikolo zikarhulumente.
- Ukutshintshwa kwe-R1 399 000 kwiprogram 1 ukuya kwi-program 9 kwenzela iintlawulo ze-GG-daily ngenxa yokuhlelwa ngokutsha kwe (reclassification) kwe-Standard Chart of Accounts (SCOA).

- Ukutshintshwa kwe-R24 196 000 kwi-program 2 isiwe kwiprogram 8 ukulungiselela ulondozo lweziseko zophuhliso, uhlaziyo lweeholo zezikolo namabala ezemidlalo neeklasi kwizikolo zikarhulumente.
- Ukutshintshwa kwe-R284 000 kwi-program 3 isiwe kwiprogram 8 ukulungiselela ulondozo lweziseko zophuhliso, uhlaziyo lweeholo zezikolo namabala ezemidlalo neeklasi kwizikolo zikarhulumente.
- Ukutshintshwa kwe-R9 755 000 kwi-program 4 isiwe kwiprogram 8 ukulungiselela ukuhlaziya iziseko zophuhliso, oko kukuthi uhlaziyo lweeholo zezikolo namabala ezemidlalo neeklasi kwizikolo zikarhulumente.
- Ukutshintshwa kwe-R14 000 kwi-program 6 isiwe kwiprogram 8 ukulungiselela ulondozo lweziseko zophuhliso, kwizikolo zikarhulumente.

Bekufunwe ezi mali zigqithiselwe komnye unyaka (*rollovers*) zilandelayo :

- Isixa esiyi-R6.1 sezigidi se-*Equitable Share* sifunelwa umatshini oyi-*wrapping machine* othengwe kwiCandelo loLawulo lweeMviwo. Ngenxa yokulibaziseka kwenkqubo yokwenziwa kwawo phesheya, awubanga nako ukwenziwa yaye ufakwe umatshini ungalulanga owe-31 kaMatshi 2014.
- Yi-R9.706 yezigidi ze-*Technical Secondary School Recapitalisation Grant* efunelwe i-*ICT hardware* neekiti zezixhobo i-*mechanical, electrical and civil technology toolkits* nokwakhiwa kweendawo zokusebenzela ii-*mechanical and civil technology workshops* kwizikolo zobugcisa ezibini
- Yi-R138.635 izigidi ze-*Education Infrastructure Grant (EIG)* efunelwe inkcitho engahlawulwangwa ungalulanga owe-31 Matshi 2014 kwiiprojekthi ze-*ASIDI capital infrastructure projects* kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo.
- Yi-R0.653 yezigidi kwi-*HIV/AIDS (Life Skills Education) Grant* efunelwe ii-invoyisi zeenkono ekungakwazekanga ukuba zingeniswe ngexesha ukulungiselela intlawulo ngabathengi/ziikhontraka ungalulanga owe-31 Matshi 2014.

Inkcazo yezizathu zenkcitho engagunyaziswanga, engenanzuzo nokudyakraza ngemali nezixa ezichaphazelekayo kwakunye namanyathelo amakathathwe ukuthintela ukwenzeka koku kwakhona.

Isebe alikhange lenze nayiphi na inkcitho engagunyaziswanga ngeli thuba liphantsi koqwalaselo. Ukunciphisa inkcitho engahambi ngokomgaqo, isebe likhethe amagosa oqhagamshelwano nabathengi nabathengisi (*supply chain champions*) kwicandelo ngalinye. Aye aqeqeshwa kwiinkalo zonke ze-SCM. Kwaqaliswa iithemplethi zeSCM, zokwenza nokulawula inkqubo nemigaqo efunekayo. Ukunciphisa izehlo zenkcitho engahambi ngokomgaqo, iyunithi yolawulo yangaphakthi yenza uphicotho-zincwadi lwasemva koku. Le yunithi inika inkcazo ngokuqhubekayo kumagosa oqhagamshelwano nabathengi nabathengisi eSC nakumacandelo awo malunga neqondo lenkcitho engahambi ngokomgaqo enokubakho. La manyathelo akhokelele ekuncitshisweni kwenkcitho engahambi ngokomgaqo.

Izicwangciso zexesha elizayo zesebe

I-Action Plan yezemfundo kaZwelonke ecetywayo ukuya ku-2019 icacisa ukuba ukukhuthaza ukugxininisa apha kwinkqubo yezemfundo, kuthathelwe ingqalelo iinjongo ezintlanu kweziyi-27 **njengeenjongo eziyiprayorithi**. Ezi njongo zijongene neBakala R, uphuhliso lootitshala, izibonelelo ezixhasa ukufunda, ulawulo lwezikolo nenkxaso zii-ofisi zezithili. Ezi zinto ziya kubanefuthe kwizicwangciso zeSebe iWCED zexesha elizayo.

Iinjongo ezi-3 zeSebe iWCED (Ukuphucula uLwimi neMathematika kwiZikolo eziziPrayimari ukuphucula amanani abafundi abapasayo nomgangatho wokupasa kwabo iSatifikethi seMatriki sikaZwelonke; ukuncitshiswa kwenani lezikolo eziqhuba kakubi) ziya kugcina ngokuthi kugxininise ukuqhubekela phambili ngokuphucula ukugcina amanani abafundi.

Iinjongo egxininisa ngakumbi kwizikolo zabahlali abangathathi mntweni (*pro-poor emphasis*) kuya kuqhutyekwa nayo, yaye kuqwaselwe ukhuseleko nempilo-qete yabafundi ukwenzela ukuba kuqinisekise ukuba bafumana imfundo ebhetele ngandlela zonke.

Kuya kujongwana neemfuno zoqeqesho lootitshala yaye kuya kubonelwa ngezona ndawo zibhetele zingqonge ukufunda nokufundisa nokuba zilawulwa ngeyona ndlela ibhetele.

Amaphulo obambiswano phakathi kukarhulumente namaqumrhu abucala

Isebe alikhange lingene kuwo nawaphi na amalungiselelo ngethuba lokunika ingxelo.

Imisebenzi eyekiweyo / imisebenzi ekungasazi kuqhutyekwa nayo

Ayikho

Imisebenzi emitsha ecetywayo

Ayikho

Ulawulo loqhagamshelwano lwabathengi nabathengisi

Iibhidi ezicetywayo ebezingeyomfuneko ezigqitywe kunyaka ophantsi koqwalaselo

Azikho

Iinkqubo zeSCM neesistim

ISebe iWCED lithembele kwisistim i-Accounting Officers' System, Standard Operating Procedures (SOPs) nakumgaqo-nkqubo wenkcitho esetyenziswe gwenxa (*Irregular Expenditure policy*) ezikhutshwe apha ngaphakathi kwiSebe iWCED.

Imingeni yeSCM nendlela esonjululwe ngayo

Isebe libambe iseshoni yocwangciso lobuchule neyavumela ukuba kujongwane nemisebenzi engundoqo ngokubaluleka kwayo. Oku kubangele isebe liveze isicwangciso sokuthenga iimpahla neenkonziso seminyaka emihlanu. Ukucwangcisa kwangaphambili kungundoqo kwezo mpahla neenkonziso zifuna ukuthengwa. Imiba yezemithetho nemigaqo ifuna ukuqwalaselwa ngokuqhubekayo.

Izipho neminikelo efunyenweyo elolunye udidi evela kumaqela ekunganxulumangwa nawo (non-related parties)

Azikho

Uxolelo (exemptions) nokutenxa kwimigaqo (deviations) okuvela kwi-Ofisi kaNondyebo kaZwelonke

Akukho

Iziganeko zasemva komhla wokufakwa kwengxelo

Akukho ziganeko zehle phakathi kwe-31 Matshi 2014 nomhla wokuvunywa kweengxelo-mali ngowe-31 Meyi 2014 ezifune ukuba kuhlenga-hlengiswe iingxelo-mali.

Okunye

Imiba engeziseko zophuhliso: Ityala likaMagqwaka

Umba weMagqwaka uwela kwiSebe lezoThutho neMisebenzi kaRhulumente (*Department of Transport and Public Works (DTPW)*) njenge-*Implementing Agent (IA)*. Nakuba kunjalo kubekho intsebenziswano phakathi kwe-DTPW neSebe i-WCED ukusombulula lo mba. ISebe iDTPW liwugqithisele lo mba kwi-Ofisi yeGqwetha likaRhulumente (*State Attorney*) ngenjongo yokufumana iingcebiso. Ngokwe-DTPW, akukho mpendulo ifunyenweyo kwiGqwetha likaRhulumente de kwaba yi-31 Matshi 2014.

I-arhente (Agency)/Imisebenzi ePhambili (Principal Activities)

ISebe lithathe inxaxheba kwezi arhente/ kule misebenzi iphambili ilandelayo:

- Kunye neSebe i-*Department of Transport and Public Works (DTPW)* kwimisebenzi enxulumene neziseko zophuhliso, apho iSebe i-DTPW ibiyi-arhente ephumeza oku ukulungiselela iSebe iWCED.
- Kunye neSebe leMfundo esiSiseko (*Department of Basic Education (DBE)*) kwi-*Accelerated School Infrastructure Development Initiative (ASIDI)* ukwakha izikolo neeklasi, apho isebe lisebenza njenge-arhente ye-DBE.
- Kunye neSebe leMfundo esiSiseko (*Department of Basic Education (DBE)*) kwii-*Annual National Assessments (ANA)* ukwenzela ukulawula ii-ANAs egameni leSebe iDBE, apho isebe lisebenza njenge-arhente ye-DBE.

Akukho zifizi zifunyenweyo okanye zihlawulwe i-arhente /iinkonzo ezingundoqo ezenziweyo ngaphezu kwenkxaso-mali ebonelelwe ekwenziweni kwemisebenzi ekuvunyelwene ngayo.

Imibulelo

Siwuqaphele sizele ngumbulelo umsebenzi wootitshala abakhutheleyo kwakunye neenkokeli zabo nenkxaso enikwa ngabo bonke abathathi-nxaxheba nabo badlala indima ekuqinisekiseni ukuba umsebenzi wethu kukuzenza idini kubafundi nokuphucula amathuba obomi babo.

Isiphelo

Ngalo nyaka ophantsi koqwalaselo ezona zinto zibe ziimpawu eziphambili zawo kukugxila ngodlamko oluhlaziyiweyo ekuphuculeni iziphumo zokufunda njengoko kubonakalayo kwi-*School Improvement and District Improvement Plans*. Komeleziwe uKwenziwa kweenkonzo ngokuthi kuqeshwe abasebenzi abaphambili nangokuphuculwa kweenkqubo zolawulo eziziintlobo ngeentlobo. Ukuhlawulwa kwemali ukuncedisa izikolo ezixolela abazali ekuhlawuleni iifizi yinkqubela ebalulekileyo. ISebe i-WCED lijonge ngethemba kwimpumelelo ehlala iqhubeka okokoko nakwinkqubo yezemfundo ezinzileyo.

Ukuvunywa nokusayinelwa kwengxelo

NjengeGosa eliMele ukuPhendula ngoSetyenziwo lweMali, ndiyazivuma ezi Ngxelo-mali zoNyaka (*Annual Financial Statements*) zikwiphepha elahlukileyo ngeli thuba.



PA Vinjevold

IGosa eliMele ukuPhendula ngoSetyenziso lweMali

ISebe leMfundo

31 Meyi 2014

5. INGXELO ENGOXANDUVA NENGINISEKISO YOKUCHANEKA KWENGXELO YONYAKA

Ngokolwazi lwam nenkolelo yam, ndiyakungqina oku kulandelayo:

Yonke ingcaciso nezixa ezichaziweyo kule Ngxelo yoNyaka zihlala zingatshintshanga.

INgxelo yoNyaka iphelele, ichanekile yaye ayinazimpazamo.

INgxelo yoNyaka ilungiswe ngokungqinelana nesikhokelo sengxelo yonyaka njengoko sikhutshwe nguNondyebo kaZwelonke.

liNgxelo-mali zoNyaka (*Annual Financial Statements (Part E)*) zilungiswe ngokungqinelana nomgangatho wezemali *i-modified cash standard* nemigaqo-sikhokelo echaphazelekayo ekhutshwe nguNondyebo kaZwelonke.

IGosa eliMele ukuPhendula ngoSetyenziso lweMali luxanduva lwalo ukulungisa iingxelo-mali zonyaka (*annual financial statements*) zesebe kunye neembono ezinikwe kule ngcaciso -

IGosa eliMele ukuPhendula ngoSetyenziso lweMali luxanduva lwalo ukuseka nokuphumeza inkqubo yolawulo lwangaphakathi eyenzelwe ukunika ingqinisekiso efanelekileyo malunga nokuthembeka kwengcaciso yentsebenzo, ingcaciso yecandelo lemicimbi yabasebenzi, neeNgxelo-mali zoNyaka.

Abaphocothi-zincwadi bangaphandle badlala indima yokuvakalisa uluvo lwabo oluzimeleyo ngeeNgxelo-mali zoNyaka.

Ngokoluvo lwam, iNgxelo yoNyaka ibonisa ngokwenene ingcaciso yokwenziwa komsebenzi, ingcaciso yentsebenzo, ingcaciso yemicimbi yabasebenzi nemicimbi yezemali yesebe kunyaka-mali ophela ngowe-31 Matshi 2014.

Owenu ngenene



IGosa eliMele ukuPhendula ngoSetyenziso lweMali
PA Vinjevold
31 Meyi 2014

6. INKCAZO YESICWANGCISO SOBUCHULE

6.1 Umbono

Ukudala amathuba amahle omntu wonke ngokuphucula iziphumo zokufunda.

Oku kunokubonakaliswa kukufikelela kwezi njongo zintathu zongameleyo:

1. Ukuphucula ulwimi nemathematika kwizikolo eziziprayimari
2. Ukuphucula amanani abafundi apasayo nomgangatho wokupasa kwiSatifikethi seMatriki sikaZwelonke
3. Ukunciphisa inani lezikolo eziqhuba kakubi

6.2 Eyona njongo iphambili

Ukubonelela ngemfundo esemgangathweni kubo bonke abafundi kwiphondo ngokwenza oku kulandelayo:

- Ucwangciso nolawulo lwenkqubo yemfundo iphela
- Imfundo kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo
- Ukunika inkxaso kwizikolo ezizimeleyo
- Imfundo kwizikolo zikarhulumente zemfundo eneemfuno ezizodwa
- Imfundo noQeqesho oluQhubekayo kwiikholeji ze-FET zikaRhulumente
- Imfundo yaBadala noQeqesho (AET) kumaziko emfundo oluntu
- UPhuhliso lweMfundo yaBantwana aBasaqalayo ukuFunda (ECD) kwiBakala R
- Amathuba oqeqesho olwenzelwa ootitshala nabo bangezotitshala
- Iprogram yokutya ethagethiweyo namanye amanyathelo okunciphisa ubuhlwempu nawokhuseleko Ukunika inkxaso ootitshala ngokubabonelela ngezona meko zengqesho zisisiseko, ngezikhuthazi (*incentives*) nangeprogram yempilo-qete yabaqeshwa

6.3 Iimfundiso eziziseko

- Ukubaluleka kakhulu komfundi
- Iimfundiso eziziseko zoMgaqo-siseko waseMzantsi Afrika noMqulu waMalungelo oluntu
- Ukwenza umsebenzi ogqwesileyo ngokuthi kubonelelwe yaye kunikwe inkxaso abasebenzi abangootitshala, abaxhotyiswe ngokwenene, abanenkqubela abaqeqeshiweyo nabazinikeleyo emsebenzini wabo
- Ukwazi ukuphendula kwabo baphetheyo ngoxanduva lwabo nokwenzela izinto elubala
- Intembeko nokugqwesa kwimisebenzi yolawulo nakuleyo enika inkxaso

7. IMITHETHO NEZINYE IZIGUNYAZISO

UMgaqo-siseko weRiphabliki yoMzantsi Afrika, 1996 (uMthetho 108 ka-1996)

UMgaqo-siseko wePhondo leNtshona Koloni, 1998 (uMthetho 1 ka-1998)

UMthetho weMfundo weZikolo zePhondo leNtshona Koloni, 1997 (uMthetho 12 ka-1997)

UMthetho weZikolo zaseMzantsi Afrika, (SASA) 1996 (uMthetho 84 ka-1996);

UMthetho woMgaqo-nkqubo weMfundo kaZwelonke (NEPA), 1996 (uMthetho 27 ka-1996)

UMthetho weMfundo noQeqesho oluQhubekayo kwiikholeji, 2006, (uMthetho 16 ka-2006)

UMthetho wokuQinisekiswa koMgangatho weMfundo noQeqesho ngokuBanzi, 2001 (uMthetho 58 ka-2001).

UMthetho wezeNgqesho wooTitshala ka-1998, (UMthetho 76 ka-1998)

UMthetho woLawulo lweMali kaRhulumente, 1999 (uMthetho 1 ka-1999)

UMthetho woKwahlulwa kweNgeniso yoNyaka, 2012, (uMthetho 5 ka-2012) (*Annual Division of Revenue Act, 2012 (Act 5 of 2012)*)

UMthetho weNkonzo kaRhulumente, 1994 (IsiBhengezo 103 sika-1994)

UMthetho weGunya eliLawula iZiqinisekiso waseMzantsi Afrika, 1995 (uMthetho 58 ka-1995)

UMthetho weBhunga looTitshala laseMzantsi Afrika, 2000, (UMthetho 31 ka-2000) (*South African Council for Educators Act, (Act 31 of 2000)*)

UMthetho weMfundo noQeqesho lwaBadala, 2000 (uMthetho 52 ka-2000)


8. UKUMA KWESTRAKSHA SEZIKO ELI

Makujongwe kwiphepha elilandelayo

9. AMAQUMRHU ENZA INGXELO KUMPHATHISWA

AWANGENI NDAWO

INGxelo yoNyaka yoNyaka-mali ka-2013/14
 IBhajethi eVunyiweyo yesi-5: yeSebe leMfundo
 lePhondo leNtshona Koloni





ICandelo B
Ingcaciso ngentsebenzo

1. INGXELO YOMPHICOTHI-ZINCWADI JIKELELE: IINJONGO EBEZIMISELWE KWANGAPHAMBILI

I-AGSA kungokunje yenza iinkqubo eziyimfuneko zokuphicothwa kweencwadi zengcaciso yentsebenzo ukunika ingqinisekiso efanelekileyo eya kuba ziingxelo zophicotho-zincwadi. Iziphumo zengxelo zophicotho-zincwadi ngentsebenzo zithelekiswa neenjongo esele zimiselwe kwangaphambili zibandakanyiwe kwingxelo eya kubaphathi eneeziphumo ii-*material findings* ezichazwa phantsi kwesihloko seeNjongo ebezimiselwe kwangaphambili (*Predetermined Objectives*) kwicandelo leNgxelo engeemfuno ezimiselweyo zomthetho nemimiselo kwingxelo yomphicothi-zincwadi.

Makufundwe iphepha 184 leNgxelo yoMphicothi-zincwadi epapashwe njengenxalenye yeCandelo E : Ingcaciso yezemali

2. INKCAZO NGENTSEBENZO YESEBE

2.1 Imeko eNgqonge uKwenziwa kweeNkonzo

Isicwangciso sezemfundo eMzantsi Afrika *South African education sector plan* siqulethwe kwi-*Action Plan 2014, towards Schooling 2025*. Isicwangciso siqulethe iinjongo eziyi-27. Eziyi-13 zokuqala zijongene neziphumo zokufunda, yaye ezinye iinjongo eziyi-14 zijongene nokuba kunokufikelelwa njani kwezi ziphumo zokufunda.

Inkqubo yokumelwa kukuphendula ngoxanduva lwakho (*accountability system*) kwesi sicwangciso iqhagamshelene neenjongo zezemfundo zaseMzantsi Afrika (*South African education goals*), izalathi zazo, **neethagethi** zazo kunye **nezigaba ezibalulekileyo** zazo. Inani leenjongo liqingqiwe, izalathi-nkqubela zinako ukulinganiselwa. Iithagethi mazibe 'kanye kwezo nkalo kujoliswe kuzo' yaye injongo mayibe kukuphucula iziphumo zokufunda ngokungaphezulu. Zahlula-hlulwe ngokwamaphondo yaye mazingathathwa njengemida ekungenakudlulwa kuyo. Lo gama iithagethi zikazwelonke sele zimiselwe nezizethuba elide eliye kufikelela ku-2025, izigaba ezibalulekileyo zigxininisa ngokubanzi kwiziphumo ezinqwenelekayo kwithuba eliphakathi (ukuya kwiminyaka emihlanu ezayo). Kumiselwe izigaba ezibalulekileyo kwiinjongo 1-13 kodwa akukamiselwa zigaba kwiinjongo 14 - 27 ezimalunga nokuba kufikelelwa njani kwezi ziphumo zokufunda.

IMvumelwano yoKwenziwa kweeNkonzo (*Delivery Agreement*) yitshatha ekwagqitywa ngayo ngo-2010, yasayinwa ngaba, phakathi kwabanye, uMongameli, uMphathiswa weMfundo esiSiseko naBaphathiswa bamaphondo (MECs). Iinjongo eziyi-27 zidweliswe apha ngezantsi. Iinjongo eziphambili ezintlanu (**five priority goals**) zeMvumelwano yoKwenziwa kweeNkonzo, zethuba elifikelela ku-2014, ziboniswa ngombhalo ongqindilili.

Iinjongo **zeziphumo zokufunda** zezi:

- 1 ►Ukwandisa inani labafundi kwiBakala 3 abaya kuthi ekupheleni konyaka babe sele beqabele kolona lwazi lusezantsi lolwimi nakulwazi lokubala kwiBakala 3.
- 2 ►Ukwandisa inani labafundi kwiBakala 6 abaya kuthi ekupheleni konyaka babe sele beqabele kolona lwazi lusezantsi lolwimi nakulwazi lwemathematika kwiBakala 6.
- 3 ►Ukwandisa inani labafundi kwiBakala 9 abaya kuthi ekupheleni konyaka babe sele beqabele kolona lwazi lusezantsi lolwimi nakulwazi lwemathematika kwiBakala 9.
- 4 ►Ukwandisa inani labafundi beBakala 12 abakufaneleyo ukungenela iprogram yesiDanga sokuQala eyunivesithi.
- 5 ►Ukwandisa inani labafundi beBakala 12 abapasa imathematika.

linjongo **zeziphumo zokufunda** (zisaqhutywa):

- 6 ►Ukwandisa inani labafundi beBakala 12 abapasa i*physical science*.
- 7 ►Ukuphucula umndilili (*average*) wokupasa kwabafundi beBakala 6 kwiilwimi.
- 8 ►Ukuphucula umndilili (*average*) wokupasa kwabafundi beBakala 6 kwimathematika.
- 9 ►Ukuphucula umndilili (*average*) wokupasa kwabafundi beBakala 8 kwimathematika.
- 10 ►Ukuqinisekisa ukuba bonke abantwana bahlala beqhubeka ngokwenene nesikolo ubuncinane ukuya kunyaka abagqiba ngawo iminyaka eyi-15.
- 11 ► **Ukuphucula ukufikelela kwabantwana kwimfundo yophuhliso lwabantwana abasaqalayo ukufunda esemgangathweni (ECD) abangaphantsi kweBakala 1.**
- 12 ►Ukuphucula ukupasa kwabafundi nokugqithela kwamanye amabakala ukuqala kwiBakala 1- 9.
- 13 ►Ukuphucula ukufikelela kolutsha kwiMfundo noQeqesho oluQhubekayo (*FET*) ngaphaya kweBakala 9.

linjongo zokuba kuya kufikelelwa njani na kwiziphumo zokufunda ekuzezi:

- 14 ►Ukugaya kunyaka ngamnye iqela elitsha lootitshala abasebatsha, abanomdla abaqeqeshwe ngokufanelekileyo ukuba bajoyine umsebenzi wobutitshala.
- 15 ►Ukuqinisekisa ukubakho nosetyenziso lootitshala ngohlobo lokuba kuthintelwe ubukho beeklassi ezinamanani amakhulu.
- 16 ► **Ukuphucula ulwazi lomsebenzi nokwenza umsebenzi ngokuchubekileyo kootitshala (professionalism), izakhono zokufundisa (teaching skills) ulwazi ngezifundo (subject knowledge) nabanolwazi lokusebenzisa ikhompuyutha kuyo yonke imisebenzi yabo yokufundisa.**
- 17 ►Ukwenza konke okusemandleni ukuqinisekisa ukuba abasebenzi abangootitshala baphile qete, banelisekile yaye bayawuthanda umsebenzi wokufundisa abawenzayo.
- 18 ►Ukuqinisekisa ukuba abafundi bafikelela kuzo zonke izihloko nenkalo zezakhono ekufanele bazifunde kunyaka wesikolo oqhubekayo.
- 19 ► **Ukuqinisekisa ukuba umfundi ngamnye unako ukufikelela kweyona sethi ibubuncinane yeencwadi zezifundo nencwadi zomsebenzi (minimum set of textbooks and workbooks) ezifunekayo ngokomgaqo-nkqubo kazwelonke.**
- 20 ►Ukwandisa ukwazi ukufikelela kwabafundi kwiintlobo ngeentlobo zemidiya (*range of media*), kuqukwa neekhompuyutha, eziphucula umgangatho wemfundo yabo.
- 21 ►Ukuqinisekisa ukuba iinkqubo zolawulo ezisisiseko zonyaka (*annual management processes*) ziyaqhubeka kwizikolo zonke kweli lizwe ngendlela enegalelo nekhokelela kwisikolo esiqhuba kakuhle.
- 22 ►Ukuphucula uthatho-nxaxheba lwabazali nabahlali kulawulo kwezikolo, ngokuphucula ukwazi ukufikelela kwingcaciso ebalulekileyo ngokusetyenziswa kwesicwangciso se-e-Education strategy.
- 23 ►Ukuqinisekisa ukuba zonke izikolo zixhaswa ngemali ngokwawona manqanaba asezantsi ngomfundi ngamnye nabalwa ngokwemimiselo kazwelonke nokuba imali isetyenziswa ngokungafihlisiyo nangendlela eyiyo (*transparently and effectively*).
- 24 ►Ukuqinisekisa ukuba iziseko zophuhliso ezizizakhiwo zezikolo (*physical infrastructure*) nendawo engqonge isikolo ngasinye, ziyabakhuthaza abafundi ukuba bafune ukuza esikolweni yaye bafunde, nootitshala bafundise.
- 25 ►Ukusebenzisa izikolo njengezixhobo zokukhuthaza ukwazi ukufikelela kwiindidi zeenkonzozikarhulumente kwabafundi kwimiba efana nezempilo, ukunciphisa intlupheko, inkxaso yasengqondweni neyezintlalo (*psychosocial support*), ezemidlalo nezenkcubeko.
- 26 ►Ukwandisa inani lezikolo eziwuphumeze ngempumelelo umgaqo-nkqubo wemfundo ebandakanya bonke abafundi (*inclusive education policy*) nokwazi ukufikelela kumaziko abonelela ngeenkonzozeeengcali (*specialist services*).
- 27 ► **Ukuphucula ukwandiswa kwamaxesha nomgangatho weenkonzozokubeka esweni nenkxaso ebonelelwa zii-ofisi zezithili zemfundo ezikolweni ngokusetyenziswa bhetele kwemfundo i-e-Education.**

Intsebenzo yeSebe iWCED kwizalathi eziqhagamshelaniwe neenjongo zikazwelonke ichazwe kwisiHlomelo A. (Iphepha 240),

Isebe iWCED lenza umsebenzi weNjongo 2 eCwangcise ngoBuchule yePhondo (*The Provincial Strategic Objective 2*), eyapapashwa ngoNovemba 2009. Nakuba ibekho phambi kwesicwangciso sikazwelonke, le njongo iqulethe izalathi ezininzi kolo xwebhu. Isicwangciso sephondo sicacisa ukuba uRhulumente waseNtshona Koloni uya kuphucula amathuba okuphila abo bonke abantwana balo kwiphondo ngokubabonelela ngemfundo esemgangathweni. Ngenxa yoku, bonke abantwana baya kuhlala besesikolweni kangangelo thuba linokwenzeka baze bazuze iziphumo eziqawesileyo. Kuza kujoliswa, nangakumbi, ngeli thuba lika-2010 ukuya ku-2019, ekuphuculeni izakhono zokufunda, zokubhala nezokubala zabafundi. Kwithuba eliqalela ku-2010 ukuya ku-2014 liya kubeka isiseko sezi nkono ziphuculweyo. Kwithuba eliqalela ku-2014 –2019, abantwana beli phondo baya kuvuna iziqhamo zale nkqubo esele ilungisiwe yaphantsi kolawulo ukulungiselela ukufikelela kwiithagethi ezimiselweyo.

IsiCwangciso seNtsebenzo soNyaka (*Annual Performance Plan*) sango-2012/13 simisele ezi Nkalo zintlanu ziPhambili (*Key Focuses*). Ezine zokuqala ibe zezo zicaciswe kwinqanaba likazwelonke: i) lincwadi kubandakanywa neencwadi zokwenza umsebenzi zikazwelonke ii) amanyathelo okomeleza ikharithulam ukunika inkxaso i-*Curriculum and Assessment Policy Statements (CAPS)* iii) li-*Annual National Assessments*, iv) Iziseko zoPhuhliso, v) neeSistim nenkxaso ekuphuculeni iziphumo zokufunda. Inkqubela ngeenCwadi zeZifundo, ngeKharithulam nee-ANAs ziphantsi kweProgram 2 kwiNgxelo. Inkqubela ngeziseko zophuhliso ichazwa kwiProgram 8 naphantsi kwengongoma 8.1 (iphepha 96). “**li-Capital investment, maintenance and asset management plan**”. Iisistim nenkxaso kuxoxwa ngazo phantsi kweProgram 1 neProgram 2.

U-2013/14 ibingunyaka ozinzileyo malunga nemiba yezabasebenzi. Oku kubangele iSebe iWCED ukuba ligxininise kumsebenzi walo ongundoqo wokuphucula iziphumo zokufunda. Izibonelelo ezingabasebenzi neziyimali, nawo onke amaphulo ongenelelo ngoncedo, zasiwa kwezo zikolo zinemfuno engaphezulu yenkxaso.

Ubundlobongela, ulwaphulo-mthetho neemeko zentlalo-qoqosho ziyaqhubeka nokubeka uxinzelelo lweemfuno ezimandla ezikolweni, ekuhambeni isikolo nakwiSebe iWCED.

Kubekho iinkalo ezithile ezithe zanengxaki yoxinzelelo ebelungalindelekanga malunga nendawo yokufundela (*accommodation for learners*) ngoJanuwari 2014. Amagosa abelwa umsebenzi wokunceda abafundi bafumane iindawo ezikolweni. Kumiselwa inkqubo entsha yokwenza ukuba abafundi abakhangele iindawo ezikolweni babhalise isicelo sabo ngenombolo yobhaliso eyodwa (*unique registration number*) ukuqinisekisa ukuba licacile elona nani kanye labafundi abangekho ezikolweni ukwenzela ukuba le nkqubo icokiswe yaye akhawuleziswe. Umba wokuba lilungelo lesikolo ukuqinisekisa umthamo waso kwanokucacisa umgaqo-nkqubo wokubhalisa abafundi baso, ngumngeni kule meko.

Ukwanda kwemfuno yendawo yokufunda ezikolweni igxininiswa kwiProgram 2.

2.2 Isicwangciso soPhuculo loKwenziwa kweenkono

Isebe lisigqibile isicwangciso sokuphucula ukwenziwa kweenkono. Iitheyibhile ezingezantsi zigxininisa isicwangciso sokwenziwa kweenkono neenkqubo eziphunyeziweyo ngeli thuba.

linkonzo eziphambili nemigangatho

linkonzo eziphambili	Abenzelwa iinkonzo	Umgangatho weenkonzo wangoku/onguwo kanye	Umgangatho wenkonzo onqwenelekayo	Impumelelo kanye
<p>Ukubonelela ngenkonzo yonxibelelwano ngefoni i-Telecommunication Service kuNdlunkulu weSebe iWCED</p>	<p>Abafundi Ootitshala Amagosa akwaNdlunkulu Abantu basekuhlaleni</p>	<p>a) Kungokunje ii-Opareyitha zeSwitshibhodi ziphendula yaye zithumele iifoni ezingenayo eziyi- 211 432 (DDI) neefoni zangaphakathi qho ngonyaka</p> <p>b) Kungokunje ziyi-60 762 iifoni ezingaphendulwanga ngamagosa qho ngonyaka</p> <p>c) Kungokunje yi-1% yeekholi ezibekwa zingaphendulwanga qho ngonyaka</p> <p>d) I-ofisi i-Telecommunications support office kungokunje ilawula iimfuno zamagosa akwandlunkulu ayi-1 060, akuzo zozibini izakhiwo</p>	<p>1. Ii-Opareyitha zeSwitshibhodi ziphendula yaye zithumele iifoni ezingenayo eziyi- 211 432 (DDI) neefoni zangaphakathi qho ngonyaka</p> <p>b) Ukulawula ukuncitshiswa kweekholi ezingaphendulwanga ngamagosa ukuya kweziyi- 57 724 qho ngonyaka</p> <p>c) Ukugcina i-1% yeekholi ezibekwa zingaphendulwanga qho ngonyaka</p> <p>d) I-ofisi i-Telecommunications support office ilawula iimfuno zamagosa akwandlunkulu ayi-1 060, akuzo zozibini izakhiwo *Kucelwa niqaphele: Inani lamagosa akwaNdlunkulu linokuhla linyuka ngokuxhomekeke ekuqeshweni kwamagosa amatsha namagosa ayekayo ukusebenza kwiSebe iWCED.</p>	<p>a-d) Ingcaciso ngempulelo eyiyo kanye engafumanekiyo ngenxa yokulahleka kwengcaciso njengeko ii-buffer ezigcina ingcaciso bezizele. ISebe iWCED kungokunje lisingethe inkqubo yokuthengwa kwe-PABX system entsha.</p>

Iinkonzo eziphambili	Abenzelwa iinkonzo	Umgangatho weenkonzo wangoku/onguwo kanye	Umgangatho wenkonzo onqwenelekayo	Impumelelo kanye
<p>Ukubonelela ngenkxaso esiseko (first line of support) kumaxhoba empatho-gadalala, ubundlobongela nolwaphulo-mthetho ezikolweni kumaziko eSebe iWCED</p>	<ul style="list-style-type: none"> • 900 000+ abafundi • 31 000 + ootitshala • 7 000+ abasebenzi benkonzo karhulumente • Abafundi abavela kwizikolo ezityi-1500+ nezikolo ezizimeleyo eziyi-203. • AmaLugu amaBhunga oLawulo eZikolo (SGB) • AmaLungu omphakathi kubandakanyiwa nabazali 	<p>a) Yi-19% yeekholi zizonke ezifunyenweyo nezibekwe zingaphendulwanga</p> <p>b) Kungokunje iziko leefoni lijongana malunga namatyala (cases) ayi-12 267</p> <p>c) Ziyi-2 355 iifoni ezazifuna ukulandelelwa nenkxaso</p>	<p>a) Ukunciphisa ireyithi yezibekwe zingaphendulwanga iye ku-14%</p> <p>b) Yi-80% yazo zonke iifoni eziphendulwa kugqitywe ngazo kwakwifoni yokuqala</p> <p>c) Yi-12% yekholi ezathunyelwa kubaququzeleli beZikolo eZikhuselekileyo ukuze zilandelelwe</p> <p>d) Yi-8% yekholi a ezagqithiselwa kwiingcali ukufumana iingcebiso</p>	<p>a) Isistim i-Cyber Call system ayikahlaziywa okwangoku.</p> <p>b) Iziko leeFoni leZikolo eZikhuselekileyo lafumana iifoni eziyi-14 854. (I-77% kwagqitywa ngazo kwakwikholi yokuqala)</p> <p>c) Zyi-3 433 iifoni (23%) ezafuna uncedo olungaphezulu nenkxaso .Ziyi-612 iifoni ebezinxulumene neziganeko zolwaphulo-mthetho, lo gama ziyi-1 055 iifoni ezaphendulwayo zengxelo ngokuqhekezwa nokonakaliswa kwezakhiwo</p> <p>d) Ziyi-394 iifoni zempatho-gadalala ezaxelwayo yaye eziyi-52 zazinxulumene nokubhulishwa ukuze eziyi-228 zazifuna iingcebiso nenkxaso ngokwasengqondweni (counselling and psychological support). Ziyi-524 ezinye iifoni ezaziyimibuzo yamaBhunga oLawulo eZikolo</p>

Amalungiselelo eBatho Pele naBenzelwa iinkonzo (Ukufumana iingcebiso njl.njl.)

Amalungiselelo angoku/kanye kanye	Amalungiselelo anqwenekayo	Iimpumelelo kanye kanye
ISiqendu 14 sijiongene nezemali ezinxulumene nokwabiwa kweeGranti eziKhutshwa phantsi kweMiqathango (*Conditional Grant*), yaye iZiqendu 11, 12, 13, 28(3) no-32(b) zijongene nokutshintshwa kwabasebenzi ukususwa kumaSebe eMfundo amaPhondo (*Provincial Education Departments*) ukuya kwi-DHET ngokuxhomekeka kwimigaqo yesiqendu 197 soMthetho wezoBudlelwane eMsebenzini, 1995 (uMthetho 55 ka-1995). Ezi nkqubo mazigqitywe phambi kokuba kuqaliswe iziqendu ngalo mhla uya kucaciswa nguMphathiswa zize zipapashwa kwesinye iSaziso kwiGazethi kaRhulumente. Nakuba kunjalo, nge-26 Matshi 2014, UMphathiswa weMfundo ePhakamileyo noQeqesho wapapasha iSaziso (*Notice No. 209*), kwiGazethi kaRhulumente No. 37470, esapapasha ukuba iziqendu 13, 28(3) no-32(b) ezimalunga nabasebenzi, ziya kuqala ukusebenza nge-1 Apreli 2014, lo gama amacandelo amalunga nabasebenzi abakulawulo, ngokukodwa, iziqendu 14, 11 no-12 zaqala ukusebenza nge-1 Apreli 2013.

Imimiselo neMigangatho yeNkxaso-mali yeKholeji zeFET (*Norms and Standards for the funding of FET Colleges*) yaphunyezwa ukususela nge-1 Apreli 2010. Imimiselo nemigangatho isekelwe kwiindleko zokubonelela nge-National Certificate: Vocational Programmes. Ifomula yeenkxaso-mali inamacandelo amathathu angala: *personnel, capital ne-non-personnel/non-capital*. Ukuxhaswa ngezimali kweekholeji zeFET yinkqubo yegranti ekhutshwa phantsi kwemiqathango ethile, nehlawulwa qho ngenyanga.

Imimiselo emalunga neZona Mfuno ziSezantsi zoKwaxhiwa kweBhunga loLawulo leZiko le-ABET (*Regulations relating to the Minimum Requirements for the Constitution of a Governing Body of a Public ABET Centre*), yapapashwa ngokwesiqendu 8(7) soMthetho weMfundo noQeqesho lwaBadala (uMthetho 52 ka-2000) (*Adult Education and Training Act, 2000 (Act 52 of 2000)*), kwiGazethi yePhondo yeSikhawu No. 6952, yomhla we-23 Februwari 2012. Ibonelela phakathi kwezinye, ngokwaxhiwa, iintlanganiso nonyulo nokutshitshiswa kwebhunga lolawulo leziko loluntu le-ABET.

c. Imingeni ebangelwe yimiba yemigaqo-nkqubo

IZikolo :

Imimiselo *Regulations relating to Minimum Uniform Norms and Standards* (Novemba 2013) ibe nefuthe kwizicwangciso zezakhiwo zexa elizayo. Ifuthe elinokubakho kule mimiselo liya kufuna ixesha noko lokuhlangana ngokumalunga nezakhiwo ezikhoyo nobungakanani (size) bezikolo.

Ikholeji zeFET ne-AET:

Ubude bexesha elandisiweyo lokugqiba ukutshintshwa kweekholeji kuthwalise ubunzima abasebenzi abachaphazelekayo. Kwangaxeshanye, ngenxa yemfuno yephulo lokuphucula izakhono zabasebenzi bephondo, ubudlelane obuqhubekayo bamkelekile.

Kwimeko yeengxoxo ze-AET ezimalunga namabanga emfundo, oko kuye kwakhokelela kwiipatheni zamanani obhaliso angenakuqikelelwa nokungaqiniseki okuthile kweli candelo. ISebe iWCED liyazamkela izalathi zenkqubela ngokumalunga noku.

3. IINJONGO EZICWANGCISWE NGOBUCHULE NEZIJOLISE KWIZIPHUMO ZOKUFUNDA ²

Injongo 1 eCwangciswe ngoBuchule neJolise kwiZiphumo zokufunda	Ukuphucula ulwimi neMathematika kwiZikolo eziziiPrayimari
INKcazo yeNjongo	<p>Makuphuculwe umgangatho wokupasa kuLwimi nakwiMathematika ukwenzela ukuba abafundi baqhube ngokomgangatho weminyaka yobudala babo ngo-2014 ngolu hlobo lulandelayo³: IBakala 3 : ULwimi : yi-40% yabafundi ukuze kwiMathematika ibe yi-60% yabafundi.</p> <p>IBakala 6 : ULwimi : yi-40% yabafundi ukuze kwiMathematika : ibe yi-50% yabafundi.</p> <p>IBakala 9 : ULwimi : yi-55% yabafundi ukuze kwiMathematika : ibe yi-20% yabafundi.</p> <p>Amanqaku makalandelelwe ngovavanyo qho ngonyaka aze amaphulo ongenelelo ngoncedo ahlenga-hlengiswe ngokungqinelana nawo.</p>

² lithagethi zahlaziywa kwi- Annual Performance Plan ka- 2013/14. lithagethi zentsusa zigcinelwe kule ngxelo.

³ Amanqaku okupasa ngu- 50%. lithagethi mazifundwe ngolu hlobo "KwiBakala 3 yi-40% yabafundi amabapase ngo-50% kwiLwimi no-60% amabapase ngo-50% kwiMathematika" njl.njl.

Injongo 2 eCwangciswe ngoBuchule neJolise kwiZiphumo zokufunda	Ukuphucula amanani abafundi apasayo nomgangatho wokupasa kwiSatifikethi seMatriki sikaZwelonke
INKcazo yeNjongo	Ukuphucula ireyithi yokupasa kwiimviwo zeNSC ngokubonelela ngeencwadi zezifundo, ngeeprogram zoqeqesho lootitshala, ulawulo nenkxaso. Iithagethi zika-2014 ngabafundi abayi-43 000 abapase iNSC ne-17 500 abapesele ukungena kwisiDanga sokuQala (<i>Bachelor's degrees</i>); abafundi abayi-11 000 amabapase iMathematika nabayi-8 000 amabapase i-Physical Science.
Injongo 3 eCwangciswe ngoBuchule neJolise kwiZiphumo zokufunda	Ukunciphisa inani lezikolo eziqhuba kakubi
INKcazo yeNjongo	Ukupheliswa kokuqhuba kakubi kwabafundi kwiSatifikethi seMatriki sikaZwelonke kwizikolo eziphakamileyo: oko kukuthi, makungabikho sikolo sinereyithi yokupasa engu-<60% ngo-2014. Ukuphelisa ukuqhuba kakubi kwabafundi kwamanye amabakala njengoko kunokulinganiselwa ngee-Annual National Assessment (ANA) kumabakala 1 – 6 no-9 neemvavanyo zeSebe iWCED zamabakala 3, 6 no-9

Inkqubela ngokumalunga neethagethi ezicaciswe kwisiCwangciso soBuchule

ISebe iWCED lenze inkqubela ngokumalunga neethagethi ezicaciswe kwisiCwangciso soBuchule. Ukuhlenga-hlengiswa kweethagethi kwacaciswa njengoko oku kuyimfuneko kwisiCwangciso zeNtsebenzo zoNyaka ezichaphazelekayo.




Injongo : Ukuphucula ulwimi neMathematika kwizikolo eziziiPrayimari

Ezi theyibhili zingezantsi zibonisa ukuhla komgangatho (*decline*) kwiziphumo. Umgangatho weemvavanyo zolwimi walungiswa apha naphaya emva kweminyaka emibini ukuzenza zibe kumgangatho noko ofuna abafundi bacinge ngokuphangaleleyo. Ngo-2009, kwakungengakabikho manqaku okwandlalela (*baseline score*) ukulungiselela iBakala 9, ngoko ke kwalungiswa iithagethi zasekuqaleni akuba amanqaku okwandlalela efumaneka.

		Yr 2010	Yr 2011	Yr 2012	Yr 2013	Ithagethi
IBakala 3	Ithagethi yeMaths	40	45	50	55	Angatshintshwanga
	Angawo kanye kwiMaths	48.3	47.2	51.5	55	
	Ithagethi yoLwimi	55	60	33	40	Atshintshiweyo emva kokutshintshwa kovavanyo
	EyoLwimi kanye	54.9	30.4	38.9	37	
IBakala 6	Ithagethi yeMaths	15	20	25	30	Angatshintshwanga
	Angawo kanye kwiMaths	24.4	23.4	26.4	28	
	Ithagethi yoLwimi	45	50	35	37	Atshintshiweyo emva kokutshintshwa kovavanyo
	EyoLwimi kanye	52.3	31.5	36.9	30	
IBakala 9	Ithagethi yeMaths	40	42	12	15	Atshintshwe emva kolulingwa (<i>pilot</i>)
	Angawo kanye kwiMaths	9.4	10.4	13.9	14	
	Ithagethi yoLwimi	45	50	45	50	Atshintshwe emva kolulingwa (<i>pilot</i>)
	EyoLwimi kanye	51.8	44.2	48.2	48	

Injongo 2 no-3: "Ukuphucula amanani abafundi apasayo nomgangatho wokupasa kwiSatifikethi seMatriki sikaZwelonke" "noKuncitshiswa kwenani lezikolo eziqhuba kakubi "

lithagethi zeNjongo 2 no- 3 ezazimiselwe indlela eliqhube ngayo iBakala 12 ngokwento yonke kwithuba leminyaka emihlanu (2009 – 2014) ziboniswa apha ngezantsi kunye namanani kanye okwenene.




4. PERFORMANCE INFORMATION BY PROGRAMME

Programme 1: Administration



2009 and 2013: Programme 1 as a % of the whole budget



2009 Personnel expenditure as a % of the total Programme Budget	2013 Personnel expenditure as a % of the total Programme Budget	2009 Pr 1 Average personnel expenditure per employee (R'000)	2013 Pr 1 Average personnel expenditure per employee (R'000)	2009 Pr 1 Number of employees	2013 Pr 1 Number of employees
2.15	1.92	231	339.38	989	878

4.1 IProgram 1: Ezolawulo

Injongo

Ukubonelela ngolawulo lwamacandelo ephela nenkxaso kwinkqubo yezemfundo ngokungqinelana noMthetho woMgaqo-nkqubo wezeMfundo kuZwelonke (*National Education Policy Act*), uMthetho woLawulo lweeMali zikaRhulumente (*Public Finance Management Act*) neminye imigaqo-nkqubo efanelekileyo

Iprogram yezolawulo iqulethe ezi program zisekelayo zilandelayo⁴:

Iprogram esekelayo 1.1: I-Ofisi yoMphathiswa

ukulungiselela ukwenziwa kwemisebenzi ye-ofisi yeLungu leBhunga leSigqeba (Member of the Executive Council (MEC) kwezemfundo

Iprogram esekelayo 1.2: Iinkonzo zeZiko

ukubonelela ngeenkonzolawulo ezingajolisanga ngqo nezemfundo kwinkqubo yezemfundo

ukwenza amalungiselelo asikelwe imida nolondolozo lweemfundo zeendawo yokusebenzela

Iprogram esekelayo 1.3: Ulawulo lwezeMfundo

ukubonelela ngeenkonzolawulo lwezemfundo kwinkqubo yezemfundo

Iprogram esekelayo 1.4: Uphuhliso lwaBasebenzi

ukubonelela ngophuhliso lwezakhono zabasebenzi kubasebenzi abasezi-ofisini

Iprogram esekelayo 1.5: I-Education Management Information System (EMIS)

ukubonelela ngengcaciso yolawulo lwezemfundo ngokungqinelana noMgaqo-nkqubo weNgcaciso yezeMfundo kaZwelonke (National Education Information Policy)

Iinjongo ezicwangciswe ngobuchule (*Strategic Objectives*)

Injongo 1.1 ecwangciswe ngobuchule	Ukusa izibonelelo ezingabantu nezizimali kwezo zithili zemfundo nakwizikolo ezithe ngokwembali zafumana inkxaso-mali esezantsi nokuqinisekisa ulawulo lwezemali nolwabasebenzi luphela nolawulo lwezemali nolwabasebenzi (<i>HR management</i>).
Injongo 1.2 ecwangciswe ngobuchule	Ukuphucula ukuba kuphendulwe ngokukhawuleza kwiimfundo zabenzelwa iinkonzo nokwenza umsebenzi kakuhle nangokukhawuleza kweSebe iWCED ngokugxininisa ekuphuculeni iinkqubo zemicimbi yesebe neesistim.
Injongo 1.3 ecwangciswe ngobuchule	Ukubonelela abakulawulo abathagethiweyo ngoqeqesho lwamagosa, amalungu eekomiti zolawulo zesikolo namaBhunga oLawulo eZikolo (SBGs).

Iinjongo ezicwangciswe ngobuchule, izalathi zentsebenzo, iithagethi ezicwangcisiweyo nezo thagethi kufikelelelweyo kuzo

Ezemali

ISebe iWCED lichithe i-98.9% yebhajethi ehlenga-hlengisiweyo evunyiweyo ka-2013/14.

Iimali zasetyenziselwa ukuhlangabezana neenjongo ze-*Action Plan 2014* neenjongo ezintathu zeSebe iWCED. Yi-73.8% yebhajethi eyayabelwe imbuyiselo yabaqeshwa (*compensation of employees*) (CoE), nangaphezu kweebhiliyoni eyi-R1.6 billion eyabelwe iiGranti eziKhutshwa phantsi kwemiqathango ezisi-8 nezinye iintlawulo ezichithiweyo ezibalulekileyo. ISebe iWCED

⁴ Iiprogram ezisekelayo ziyinxalenye yetemplethi kazwelonke yaye zizindidi zenkxaso-mali kaNondyabo. Iimali kwiProgram 1 zijongene neendleko ezimalunga nolawulo kwisistim.

lizibophelele ekuchitheni imali ngengqiqo ukwenzela ukuba liyisebenzisele ukuhlangabezana nezona mfundo zinkulu kakhulu.

Kwaba nokongiwa imali kwiCoE, ngenxa yamanyathelo aphunyezwe ngempumelelo, anjengokunciphisa inani labasebenzi abangesosigxina ii-*temporary and relief staff*. Imali eyongiweyo kwi-CoE yabelwa ikakhulu ukuphucula iziseko zophuhliso zezikolo (ngaphezu kwezigididi eziyi-R45m). Ulawulo lwemali ngobulumko oluqhubekayo lwenza iSebe iWCED lanako ukubekela bucala malunga nezigididi eziyi-R30m ukuncedisa izikolo ngetyala leenkongo zikamasipala.

Amanyathelo okonga iindleko abandakanya uku-odolwa kweencwadi zezifundo zeCAPS ezininzi kakhulu ngaxeshanye kumaBakala 7-9 no-12. Ukongeza apho, amanyathelo empumelelo abangele ukuba ukuthengwa kwee-*readers* ezininzi kakhulu ngaxeshanye zamaBakala 1-3 ngo-2013/14, nezazicwangciselwe ukuthengwa kunyaka-mali ka-2014/15.

ISebe iWCED laqatshelwa yi-*South African Institute of Government Auditors* "njengelona sebe linentsebenzo esemgangathweni engatshintshiyo kulawulo lwezemali leNtshona Koloni".

ICandelo lezaBasebenzi

Ulawulo lwamanani ezithuba ezabelwe amaziko zeSebe iWCED lubaluleke gqitha kwimpumelelo yezemfundo ezikolweni. ISebe iWCED labe izithuba eziyi-85 ngaphezulu ukulungiselela unyaka wokufunda ka-2014. ISebe iWCED liyaqhubeka nokuphucula umlinganiselo ophuculweyo wenani labafundi abafundiswa ngutitshala (*improved learner/educator ratio*). Kuba iSebe iWCED linootitshala abasisigxina abaninzi kakhulu, ngokubanzi inkqubo yezemfundo inokuzinza okungaphezulu. ISebe iWCED liwugcinile umlinganiselo katitshala nomfundi ongu 1 :36 kwizikolo eziyiprayimari nongu-1 :34 kwizikolo eziphakamileyo.

Kukho ootitshala abambalwa abangaphezu kwemfuneko ngenxa yesicwangciso sokusa ootitshala kwezinye izithuba. Ukufakwa kwizithuba zengqesho ngeyona ndlela ibhetele kootitshala abangaphezu kwemfuneko kubaluleke gqitha ekuqinisekiseni ukuba izakhono zabo zisetyenziswa gqitha yaye abafundi bazuba ngeyona ndlela ibhetele inokubakho. Ukuba imali ziya kwimivuzo yootitshala abangaphezu kwemfuneko, oko kuya kuba nefuthe ekuqeshweni kootitshala ababefuneka kwamanye amaziko. Ngethuba elisusela kwi-1 April 2013 ukuya kwi-31 Disemba 2013, iSebe iWCED lanciphisa inani lootitshala abangaphezu kwemfuneko ngo-113. Abanye abayi-16 ootitshala abangaphezu kwemfuneko bafakwa kwizithuba kwikota yokuqala ngo-2014.

ISebe iWCED lilawulwa imiba ye- *Policy on Incapacity Leave and Ill-health Retirement (PILIR)*. Oku kubandakanya ukuqinisekisa ukuba kuvunyelwa kuphela abo bafanelekileyo kwikhefu elihlawulelwayo yaye akukho kulibaziseka kungeyomfuneko okanye akukho zintlawulo zingaphezulu.

Ngethuba elisusela kwi-1 Apreli 2013 ukuya kwi-31 Disemba 2013, bayi-384 ababenikwe ibhasari yeFunza Lushaka kwabayi-671 abafakwa ngokuyimpumelelo kwizithuba ezisisigxina, ezethutyana okanye ezababambeleyo.

Kwaqwalaselwa ngokukodwa ngo-2013 ukupapashwa nokuzaliswa kwezithuba zamaSekela-eeNqununu nezeeNqununu. Ezi zithuba zapapashwa kudidi ngalunye kwizintlu zezithuba yaye kwaqalwa ngazo ukuqinisekisa inkqubo yokusingatha izicelo ekhawulezileyo. Le nkqubo yanciphisa amathuba apho ootitshala babekwizithuba zokubambela nokusetyenziswa

kwabasebenzi bethutyana yaye zibenegalelo kuzinzo ezikolweni. Iikhrayitheriya zokuqeshwa neenkqubo zokukhethwa zeenqununu nazo zaphuculwa.

Idatha engokuqeshwa kweenqununu ezintsha kule theyibhile ingezantsi yeyethuba elisusela kwi-1 Apreli 2013 ukuya kwi- 31 Matshi 2014 yaye iquka abo baqeshwe kuzo zonke izikolo zikarhulumente.

IiNqununu ezintsha ngoNyaka ngamnye							
Izithili	Izithuba zee-Nqununu 2013	2009	2010	2011	2012	2013/4	ITotali
Cape Winelands	287	13	22	20	10	19	84
Eden & Central Karoo	227	14	13	12	9	27	75
Metro Central	234	12	30	14	6	24	86
Metro East	153	9	21	6	10	12	58
Metro North	220	15	16	10	16	14	71
Metro South	202	14	18	8	8	5	53
Overberg	85	3	9	5	4	9	30
West Coast	134	8	13	11	5	15	52
ITotali	1 542	88	142	86	68	125	509

Ingcaciso noNxibelelwano

I-Central Education Management System (CEMIS)

Ngo-2013/14, i-CEMIS yaphuculwa nangakumbi ukulungiselela ukusetyenziswa kwayo. Yaphuculelwa ukuba inike inkxaso kwiinkqubo zokwenziwa komsebenzi kusetyenziswa ikhompuyutha nokusetyenziselwa ukulawula ngempumelelo enkulu inkqubo yokulandelela ubhaliso lwabafundi. I-CEMIS ke ngoko idlale indima enkulu ekuxhaseni, ekukhokeleni nasekomelezeni ukwenziwa kwezigqibo ngobuchule. Njengoko bekunjalo kwithuba eladlulayo, i-CEMIS yazixhasa ngqo iinkqubo zeemviwo, nolawulo lovavanyo neenkqubo zobhaliso yaye yabonelela ngedatha yokubalwa kwezithuba ezabelwa amaziko nokwenza iisaveyi ngekompuyutha kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo nakwizikolo zemfundo eneemfundo ezizodwa. Ukulandelelwa rhoqo kwamanani obhaliso abafundi ezikolweni kwanceda zonke iinkqubo zokucwangcisa.

Ngo-2013, i-CEMIS yaphinda kwakhona yasetyenziselwa uku-odola iincwadi zezifundo zizikolo (CAPS and workbooks). Le nkqubo yokusetyenziswa kwekhompuyutha yaba yimpumelelo ngokumalunga nexesha nendleko kwakunye nokubeka esweni inkqubela kusetyenziswa ikhompuyutha nokulungiselela ukunika ingxelo. Ii-automated applications zokubuyiswa kweentlawulo zokuxolelwa ekuhlawuleni iifizi kwizikolo, zenziwa ngekompuyutha yaye oko kubangele ukwenzela izinto ekuhlani ngakumbi, ukulawula nokunika ingxelo ngokungaphezulu. Ii-Online notification zeMimiselo neMigangatho, ulwabiwo lwamanani ezithuba ezabelwe amaziko, kunye neziphumo zovavanyo, nazo zaphucula unxibelelwano nezikolo zaza zazanceda kwizicwangciso zazo. Isixhobo i-quarterly school monitoring tool sasetyenziswa ngamagosa ezithili ukulandelela inkqubela ngemiba ekhethekileyo exhalabisayo ngokusebenzisa i-EduInfoSearch. Ifasilithi yokufaka izicwangciso zophuculo ezikolweni sango-2013 (schools' improvement plans) yenziwa yafumaneka kwiCEMIS.

I-District Management Information System (DEMIS) nayo isebenza ngokupheleleyo kuzo zonke izithili zemfundo eziyi-8. Amagosa ezithili asebenzisa le sistim ukwenza izicwangciso, ukufaka kwikhompuyutha nokujonga iingxelo nokulungiselela amaphulo ongenelelo ngoncedo azo zonke izikolo.

Ngo-2013, iSebe iWCED lalinga ukusetyenziswa kwe-automated e-Recruitment system. Isistim i-on-line application system: E-Recruitment for Educators: "Recruiting the Best" ngo-2012. ULuhlu lweZithuba 1 luka-2013 lwapapashwa kule on-line system. Ngenxa yoko bayi-24 600 abasebenzisi ababhalise iiprofayili zabo kwisistim nabayi-14 985 abasebenzisi abazalise iiprofayili zabo kwisistim.

EzoNxibelelwano

Amajelo eendaba (media) apapasha ngaphezu kweengxelo eziyi-4 800 kwiifomathi ezahlukeneyo (okushicilelweyo, kwirediyo, kwithivi nakwikhompyutha) ngezemfundo eNtshona Koloni, oko kubonisa umdla ongaphaya kumsebenzi weSebe iWCED.

ISebe iWCED laqhuba amaphulo apha ekuhambeni konyaka ukukhuthaza abazali nabafundi bathathe inxaxheba ekuphuculeni iziphumo zokufunda nokunika inkxaso kwiinzame zesebe zokuphucula ufikelelo kwimfundo esemgangathweni.

Bekukho i) iphulo loBhaliso lika-2014 (*Enrolment 2014*) lokucenga abazali ukuba babhalise abantwana babo ukuba bayaqala ukuya kwisikolo esiyiprayimari okanye kwisikolo esiphakamileyo okanye ukuba batshintsha isikolo. ii) Ngephulo i-Back-to-School 2014 campaign kwaxelelwa abazali ngeeproyorithi zeSebe iWCED ngo-2014 nokuba banga ntoni na ukuxhasa imfundo yabantwana babo. iii) Ngephulo loLwazi lokuFunda nokuBhala noLwazi lokuBala ngo-2014 (*Literacy and Numeracy 2014 campaign*) kwacaciselwa abazali ngezinto abanokuzenza emakhaya ukuncedisa baphucule izakhono zabantwana babo ekufundeni, ekubhaleni nakwimathematika. ISebe iWCED lihambise ngaphezu kwe-110 000 yeZikhokelo zaBazali beBakala 1 (*Grade 1 Parents' Guides*) njengenxalenye yephulo loLwazi lokuFunda nokuBhala noLwazi lokuBala (*Literacy and Numeracy campaign*)

Unxibelelwano lwemidiya kwiphulo lwabandakanya irediyo, iibhilibhodi neephowusta, izaziso kumaphephandaba, izibhengezo ngaphakathi eziteksini nangaphandle kuzo.

ISebe iWCED lavelisa iindidi ezininzi zezinto ezipapashiweyo ngo-2013/14, kubandakanywa isikhokelo "Tips for Success" kumaBakala 10-12; izongezelelo ezancedisa ukufunda zeNSC zokuzihlaziya kwabaviwa; izongezelelo zokunika inkxaso iBakala 10 kwimibuzo ebuzwa qho neekhonsepthi ezingundoqo; i-Citizen's Report eqhutywayo ukuza kuthi ga ngoku; iphephandaba leSebe iWCED, i-Education Update; Isikhokelo saBazali seBakala 1; nephethshana leendaba i- bi-weekly newsletter yabasebenzi, iWCED@work.

Inani labangena kwiziko lewebhu leSebe iWCED liqhubekile nokukhula. I-avareji yaqho ngenyanga yagqitha kumda we-100 000 okokuqala ngqa apha enyakeni (109 312). Iziko laba nomtsalane kwabayi-1 311 752 ngo-2013/14, ukuya kufikelela ku- 179 074 ngo-2012/13. Yi-14% yezikolo ezilichaze iziko lewebhu njengeligqwesileyo "njengeligqwesileyo", ngokwe-2013 Customer Satisfaction Survey. I-98% yalichaza njengelanelisayo okanye elisemgangathweni.

ISebe iWCED laqalisa iziko i-online Matric Support web elineelinki zezifundo kwi-YouTube from kwi-WCED's Telematics programme. ISebe lafaka iividiyo eziyi-171 ezinengcaciso kwiziko lewebhu ngethuba lokuqala koviwo kwimatriki ngo-Oktobha 2013. Ezi vidio ziyi-171 zibe nomtsalane kwabayi - 25 637 abazibukeleyo ukususela ku-Agasti ukuya ekupheleni kwethuba loviwo. ISebe iWCED ukususela okoko lifake kwiziko lewebhu iividiyo eziyi-324 ezine-Geography, Mathematics, Physical Sciences ne-Life Sciences.


IZiko laBenzelwa iNkonzo leSebe iWCED lisebenza kwi-Walk-in Centre, iZiko leeNdwendwe (Visitors' Centre) neZiko leeFoni (Call Centre). IZiko i-Walk-in Centre lafumana iindwendwe eziyi-1 827 ngenyanga, lo gama i-Visitors' Centre lafumana malunga iindwendwe eziyi-1 375 ngenyanga. IZiko leFoni lisingethe iifoni eziyi-8 346 i-avareji ngenyanga. ISebe iWCED lagqiba ukuhlaziywa (refurbishment) kwe-Walk-in Centre ngo-2013, laza lagqiba iZiko i-Contact Centre elenzelwe kanye iMviwo neMvavanyo, ngakumbi ukuncedisa abaviwa ngemibuzo yeNSC.

ISaveyi i-Customer Satisfaction Survey yaqhutywa ukususela kunyaka wesihlanu ngo-2013. Isampula eyaphononongwayo yaba yiseti yokugqibela yezikolo kwiphondo ebeziphonongwa kwisaveyi kweli thuba. Ngamanye amazwi, isikolo ngasinye sinikwe ithuba lokuvavanya ukwenziwa kweenkonzo liSebe iWCED ngelo thuba lithile phakathi ko-2009 no-2013. Kunyaka ngamnye, kuqukwa no-2013, ootitshala abahlanu ngesikolo ngasinye, kumanqanaba ahlukeneyo ezithuba zengqesho bazizalisile iikhweshine kuqukwa neenqununu.

Abaphenduleyo ngesikhundla ngasinye somsebenzi ngo-2013		
Isikhundla somsebenzi	ITotali	%
INqununu	259	24%
ISekela-nqununu	124	12%
HOD.	197	19%
Utitshala oneqhuzu	110	10%
Utitshala	317	30%
Okunye	54	5%
ITOTALI	1 061	100%

Abaphenduleyo ngokweminyaka yaMava		
Udidi lwamava	Abasebenzi:	%
Angaphantsi kweminyaka emi-5	86	8%
5-10 iminyaka	108	10%
11- 19 iminyaka	195	18%
20- 30 iminyaka	407	38%
Engaphezu kweminyaka eyi-30	265	25%
Itotali iyonke	1 061	100%

Ngaphezulu, iireyithingi zibonise ukuphucuka komgangatho kumanqanaba okwenziwa kweenkonzo ngokwembono zabesaveyi ukususela kwisaveyi yokuqala eyagqitywayo.



Umelwa kukuPhendula

Onke amagosa athweswe uxanduva lokumelwa kukuphendula ngeemvumelwano zeenkcazo zomsebenzi nangeemvumelwano zentsebenzo. AmaGosa akwaNdlunkulu athweswe uxanduva lokumelwa kukuphendula ngenkxaso yobungcali ekufuneka inikwe kwangexesha kwizithili zemfundo. Izikolo nezithili zemfundo zithweswe uxanduva lokuphendula malunga nenkxaso emayinikwe nangendlela abaqhuba ngayo abafundi. Ukuhamba isikolo kootitshala nabafundi nokusetyenziswa kosuku lwesikolo ngeyona ndlela inenzuzo enkulu, ibe zezona nkalo kujoliswe kuzo ngo-2013.

NgoFebruwari 2013 nango-2014, zonke izikolo zagqiba ii-School Improvement Plans (SIPs) kwikhompyutha, neethagethi zeminyaka emithathu (3) zokupasa kwizifundo (*academic performance*); impumelelo kulawulo (*management efficiencies*) (olufana nokungabikho esikolweni kootitshala nabafundi (*teacher and learner absenteeism*); uqeqesho lootitshala, ukucwangcisa ithayimthebhile nezifundo (*timetabling and academic planning*); izibonelelo nolondolozo. Izalathi-nkqubela zingqinelana nezinye zeethagethi zikazwelonke phantsi kwe-Action Plan 2014 (Makufundwe isiHlomelo). Ixabiso lesicwangciso sophuculo lwesikolo kwikhompyutha esinjenges, kukuba zonke izikolo zijolise ekuqhubeni ngamandla amaphulo ongenelelo ngoncedo aphambili. I-SIP inokuba yinkxalenye yenkqubo yokumelwa kukuphendula, njengoko abanelungelo lokusayina kwisicwangciso bebandakanya inqununu, iSGB neSebe iWCED. Isicwangciso sibandakanya ii-Action Plans ukucacisa amanyathelo eziza kuwathatha ukufikelela kwiithagethi ezimiselweyo kwii-SIPs zazo.

Ngo-2012, iSebe iWCED laqalisa inkqubo i-School Improvement Monitoring, eqhagamshelene ne-School Improvement Plans. I-SIM ka-2013/14 yandelela ukusetyenziswa kweencwadi zezifundo neencwadi zokwenza umsebenzi nemiba ephambili yokufumana izibonelelo ezincedisa ukufunda nokufundisa nokusebenza kwezikolo. Ngenxa yokuba iingxelo zifakwe kwikhompyutha, idatha inokufunyanwa yaye isetyenziselwe ukunika inkxaso ekhawulezileyo. Ngakumbi, idatha yenza ukuba iSebe iWCED lihlale linolwazi ngokusiwa kweencwadi zokwenza umsebenzi.

Ukuthweswa uxanduva lokumelwa kukuphendula kwandiswe ngeendima zokongamela ezidlalwa yi-Ofisi kaNondyabo wePhondo nokaZwelonke (*Provincial and National Treasury*) ngokwemfundo ezinyanzelekileyo zemijikelo yezicwangciso neyokwenza ingxelo (*planning and reporting cycles*) nejongene nayo yomibini imibandela yezemali nengeyiyo eyezemali. Amathuba okunika ingxelo asusela kwawaqho ngenyanga (umz. engezemali) ukuya kweyaqho ngekota okanye ngonyaka. Onke amacandelo akwiSebe iWCED anamacandelo asebenzisana nawo kwiSebe leMfundo esiSiseko okanye iSebe leMfundo ePhakamileyo noQeqesho) (*Higher Education and Training*) apho kugcinwa khona iingxelo ezilandelelanayo, ingcaciso ngocazululo lwentsebenzo noqikelelo. ISebe leNkulumbuso lenza umsebenzi wokongamela iiprojekthi eziphambili zeWCED ezithi zilandelelwe ngenkqubo ye-Provincial Dashboard. Iinkqubo zophicotho lwangaPhakathi nolwangaPhandle (*Internal and External Audit processes*) zilawula ukongeza iinkqubo zolawulo zize zincedise ekuqinisekiseni ukusebenza ngendlela eyiyo nolawulo ngobulumko.

Ukuthweswa uxanduva lokumelwa kukuphendula kuhleli kubudlelwane obumiselweyo obuphakathi kweSebe iWCED no-UMALUSI, oliqumrhu loqinisekiso lomgangatho likazwelonke leziphumo zokufunda. Obu budlelwane bungqinisiswa ekumodareyithweni kwangaphakathi kweenkqubo zovavanyo nokubonelelwa kwenkqubo yovavanyo eyamkelekileyo.

Ngokufanayo nawo onke amanye amasebe karhulumente kwilizwe ngokubanzi, iSebe iWCED lathatha inxaxheba kwisixhobo sokubeka esweni se-Ofisi kaMongameli (*Presidency*), i-Management Performance Assessment Tool (MPAT) eyaphanda ngamacandelo amane

olawulo, angala: *Strategic Planning, Human Resources, Governance and Accountability and Financial Management*. Lo msebenzi wawubalulekile yaye iSebe iWCED labonisa ukuphucuka komgangatho phakathi kwemisebenzi yokuqala neyesibini ngokumalunga noku ngamanqaku angawona maninzi.

Iprogram yoVavanyo lweSikolo Siphela (*Whole School Evaluation (WSE)*) iyaqhubeka nokubonisa ngokunzulu okuqhubekayo nokuluncedo kakhulu, kungekuko kwiimfuno zenkxaso kwisikolo ngasinye kuphela, koko nakwimiba emalunga nenkqubo yezemfundo. Uvavanyo oluziintsuku ezi-3 okanye ezi-5 ngokuxhomekeke kubungakanani besikolo, lusekelwe kwiinkalo ezi-9 zovavanyo ezicaciswe kumgaqo we-WSE: Ukusebenza kweSikolo okungundoqo; Ubunkokheli, ulawulo nonxibelelwano (*management and communication*); Impatho nobudlelane (*Governance and relationships*); uMgangatho wokufundisa nokufunda nophuhliso lootitshala (*Quality of teaching and learning and educator development*); uKufundiswa kweKharityhula nezibonelelo; Ukupasa kwabafundi; Ukhuseleko lweZikolo, Ukhuseleko nokuziphatha; iziseko zoPhuhliso naBazali nabahlali (*Parents and community*). Iyantlukwano kubude bamaxesha okutyelelwa ivumele ukuba kutyelelwe izikolo ezingaphezulu. Izikolo zinikwa ikhowudi ngokweereyithingi ze-WSE. Kwabelwana ngeziphumo namagosa eSebe iWCED zokuqhubekayo ii-trend reports ukongeza kwiingxelo ezibanzi ezinikwa izikolo ezichaphazelekayo.

IBhunga lezeMfundo (*Education Council*), lokunika uMphathiswa wezeMfundo eNtshona Koloni iingcebiso malunga nezemfundo, elanyulwa ngokwale Mimiselo *Regulations relating to the Education Council for the Province of the Western Cape*, lihlalane amaxesha amane yaye lanika iingcebiso umphathiswa wephondo nakwiSebe iWCED ngokumalunga nemiba ephathelele kwezemfundo, kubandakanywa imithetho neemimiselo.

linjongo ezicwangciswa ngobuchule (Strategic Objectives)

Iprogram 1					
Umlinganiselo weNtsebenzo yeProgram	Impumelelo kanye kanye 2012/2013	Ibhagethi ecwangcisiweyo 2012/13	Impumelelo kanye Ngo-2013/2014	Iyantlukwano kwibhagethi ezicwangcisiweyo ukuya kwibhagethi zempumlelo kanye kanye zango- 2013/2014	Ikhomenti ngomahluko
► PPM PPM101: Inani lezikolo zikarhulumente ezisebenzisa i-SASAMS ukubonelela idatha kwisistim yokulandelela abafundi kazwelonke (<i>national learner tracking system</i>)	1 458	1 459	1 459		

Umlinganiselo weNtsebenzo yeProgram	Impumelelo kanye kanye 2012/2013	Ihagethi ecwangcisiweyo 2012/13	Impumelelo kanye Ngo-2013/2014	Iyantlukwano kwiithagethi ezicwangcisiweyo ukuya kwiithagethi zempumelelo kanye kanye zango- 2013/2014	Ikhomenti ngomahluko
► PPM102: Inani lezikolo zikarhulumente ekunokuqhagamshelwana nazo ngekhompyutha (nge-imeyili)	1 458	1 459	1 459		
► PPM103 : Ipesenti yenkcitho yangoku (<i>current expenditure</i>) kwezemfundo emalunga nezinto ezinganxulumene nabasebenzi (<i>non-personnel items</i>)	21.76%	25.51%	21.52%	- 3.99%	Akufikelelwanga kwiithagethi ngenxa yesixa esikhulu sebhajethi esisetyenziselwe ukubuyiselwa kweentlawulo ebangelwe ubukhulu becala luphuculo lohlanga-hlengiso lweemeko zengqesho nolubengaphezulu kunolo belulindelekile. Esinye isizathu ibe kukuhlelwa kwakhona kwemisebenzi ngokwebhajethi.

Izalathi-nkqubela zeNtsebenzo

Iprogram 1					
Isalathi-nkqubela seNtsebenzo yeProgram	Impumelelo kanye kanye 2012/2013	Ihagethi ecwangcisiweyo 2012/13	Impumelelo kanye Ngo-2013/2014	Iyantlukwano kwiithagethi ezicwangcisiweyo ukuya kwiithagethi zempumelelo kanye kanye zango- 2013/2014	Ikhomenti ngomahluko
PPI 1.1. Ukuqinisekisa ulawulo lwezemali	Uphicotho olunganama khwiniba	Uphicotho olunganama khwiniba			
PPI 1.2 Iyantlukwano malunga neziniki-maxabiso ezingaphezu ko-500 000	12	6	16	-10	Iyantlukwano yavunyelwa ngumgaqo-nkqubo yaye iyimfuneko ngenxa yemfuno yokunika inkxaso kwizibonelelo zekharithulam eneemfuno ezizodwa neemfuno zezibonelelo zezakhiwo

Isicwangciso sokoyisa ezoo ndawo ziqhuba kakubi kuzo izikolo

Oku kulandelayo zizicwangciso eziphambili zeSebe iWCED zokulungisa ezo ndawo ziqhuba kakubi kuzo izikolo:

- Ukubonelelwa ngezithuba eziqinisekisa ukuba ootitshala bafakwa kwizikolo ukubamata-nisa neemfuneko zezo zikolo.

- Ukuqeshwa kweenqununu (uqwalasela ukuphucula iikhrayitheriya noqeqesho lweSGB ngokumalunga noku; amathuba oqeqesho abo banqwenela ukuba ziinqununu)
- Ukuqwalasela ukuqeshwa nokunikwa inkxaso kweeNtloko zeZifundo namaSekela-Nqununu ezikolweni
- Uqeqesho kuwo onke amacandelo namagosa njengoko kuyimfuneko
- IziCwangciso zoPhuculo lweZikolo ne-School Improvement Monitoring
- Ukusetyenziswa ngokupheleleyo kweenkqubo zekhompyutha ukulungiselela ukukhawulezisa ukuqeshwa ngokukhawuleza kwizithuba zazo zonke iindidi
- Ukulinganiswa kwenkxaso-mali ngomfundi ukuxhasa izikolo ezikumaNqanaba 1 – 3 eNtlupheko
- Inkqubo yokuxolelwa kwintlawulo yeefizi kwizikolo ezikumaNqanaba 4 no- 5
- Uncedo kwizikolo ngokumalunga netyala likamasipala
- Iyunithi yolawulo lwangaphakathi emayibonelele ngengxelo ngokuqhubekayo kubaphathi ngokumalunga nokungathotyelwa kwemiga
- Ukujongiswa kweenkqubo zokwenziwa komsebenzi njengoko kuyimfuneko
- Ukuqinisekisa uphuculo lomgangatho oluqhubeka okokoko ekusetyenzisweni
- Ukuqinisekisa uphuculo lomgangatho oluqhubeka okokoko ekusetyenzisweni kweenkqubo zokuthengwa kweempahla neenkonzozizikarhulumente
- Ukuhlaziywa kwazo zonke iirejista zee-asethi qho kwiminyaka emibini

Utshintsho kwiithagethi ezicwangcisiweyo

Alukho

Ukunxulumanisa intsebenzo nebhajethi

Inkcitho eyenzeke kwiProgram 1 ibenegalelo kwimpumelelo yezi ziphumo zingundoqo zilandelayo zeSebe iWCED:

- IsiCwangciso soBuchule seSebe iWCED, iingxelo zekota ngokuma kweziko eli, nendlela eziqhuba ngayo izikolo neNngxelo yoNyaka yeSebe iWCED
- Ukwenziwa kwamaxwebhu ezicwangciso zezemali nawokunika ingxelo, kuqukqa ii-*Estimates of Provincial Revenue and Expenditure (EPRE)*, neengxelo i-in-year monitoring (IYM), neengxelo-mali zethutyana nezonyaka (interim and annual financial statements).
- Ukuthengwa kwee-asethi, iimpahla neenkonzozizikarhulumente, nolawulo lwekhontrakthi
- Ulondolozo lweerejista zee-asethi zeSebe iWCED
- Iintlawulo eziya kubathengi zingadlualnga iintsuku eziyi-30
- Ulawulo lokubonelelwa kwamaziko ngamanani ezithuba zengqesho zeSebe iWCED, ukugaywa kwabasebenzi benkonzo karhulumente, uphuhliso lwabasebenzi nolawulo lwentsebenzo, impilo-qete yabasebenzi, nobudlelane emsebenzini.
- Ulondolo nokuphuculwa kwe-Central Education Management Information System

Inkcitho yeprogram esekelayo

Igama leProgram esekelayo	2013/2014			2012/2013		
	Ulwabiwo – mali lokugqibela	Eyiyo kanye Inkcitho	Inkcitho eNgaphezulu/e ngaphantsi	Ulwabiwo – mali lokugqibela	Eyiyo kanye Inkcitho	Inkcitho eNgaphezulu/engaphantsi
	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000
1.1 I-ofisi yoMphathiswa wezeMfundo (MEC)	6,117	6,117	-	6,340	6,340	-
1.2 Iinkonzo zeZiko	238,351	238,351	-	235,798	235,798	-
1.3 Ulawulo lwezeMfundo	285,673	277,078	8,595	273,618	263,695	9,923
1.4 Uphuhliso lwezakhono zabasebenzi	20,699	20,699	-	9,016	9,016	-
1.5 ISistim yoLawulo lweNgcaciso yezeMfundo (I-EMIS)	28,904	28,904	-	22,139	22,139	-
ITotali	579,744	571,149	8,595	546,911	536,988	9,923



Programme 2: Public School Education



2009 Pr 2 personnel expenditure as a % of the total	2013 Pr 2 personnel expenditure as a % of the total
67.38	62.12
2009 Pr 2 Average personnel expenditure per employee (R'000)	2013 Pr 2 Average personnel expenditure per employee (R'000)
200.39	279.58
2009 Pr 2 Number of employees	2013 Pr 2 Number of employees
35 696	34 440

42 % of the overall budget is located in Programme 2

There were 334 287 learners fed daily in 2009 and 438 883 in 2013



4.2 Iprogram 2: Imfundo kwiZikolo zikaRhulumente

Injongo

Ukubonelela ngemfundo kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ukususela kumaBakala 1 ukuya kwiBakala 12 ngokungqinelana noMthetho weZikolo zaseMzantsi Afrika, 1996 noMthetho weZikolo zePhondo leNtshona Koloni, 1997, njengoko ufakelwe izilungiso

Iprogram yezeMfundo kwiZikolo zikaRhulumente eziQhelekileyo iqulethe ezi program zisekelayo zilandelayo⁵ :

Iprogram esekelayo 2.1: Izikolo eziziiPrayimari zikaRhulumente ukubonelela izikolo eziziiprayimari ezikhethekileyo zikarhulumente ngezibonelelo ezifunekayo kumaBakala 1-7

Iprogram esekelayo 2.2: Izikolo eziziiSekondari zikaRhulumente ukubonelela izikolo eziziiSekondari ezikhethekileyo zikarhulumente ngezibonelelo ezifunekayo kumaBakala 8-12

Iprogram esekelayo 2.3: linkonzo zoqeqesho ukubonelela ngoqeqesho kootitshala nakubafundi kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ezineenkonzo zenkxaso ezilawulwa lisebe

Iprogram esekelayo 2.4: Uphuhliso lweCandelo laBasebenzi ukubonelela ngoqeqesho nolunye uphuhliso lootitshala nabangezotitshala kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo

Iprogram esekelayo 2.5: liGranti ezikhutshwa phantsi kweMiqathango

- ukubonelela abafundi abahlelekileyo nabaphethwe yindlala kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ngokona kutya kuncinane bakufunayo ukuze bafunde ngokubonakalayo esikolweni ngeeprogram iNational School Nutrition Programme (NSNP)
- Ukuxhobisa ngemali kwakhona izikolo zobugcisa
- ukubonelela ngenkxaso kwizikolo ze-Dinaledi

Iinjongo ezicwangciswa ngobuchule (*Strategic Objectives*)

Iprogram 2 : Injongo ecwangciswa ngobuchule	
Injongo 2.1 ecwangciswa ngobuchule	Ukuqinisekisa ukuba ootitshala baxhotyiselwe ukufundisa ngokuthi baye kuphuhliso loqeqesho oluqhubekayo
Injongo 2.2 ecwangciswa ngobuchule	Ukuqinisekisa ukuba ziyaphuculwa iziphumo zolwazi lokufunda nokubhala nolwazi lokubala ngokusa ezona zibonelelo ezizezona zininzi (ezingabantu nezeyimali) kwiminyaka emithathu yokuqala yokuhamba isikolo.
Injongo 2.3 ecwangciswa ngobuchule	Ukuqinisekisa ulawulo olugqwesileyo lwezikolo
Injongo 2.4 ecwangciswa ngobuchule	Ukuqinisekisa ukuba iklasi nganye inezibonelelo ezininzi ezizincwadi nokunye.
Injongo 2.5 ecwangciswa ngobuchule	Ukubonelela ngeeprogram zokutya namanye amanyathelo okunciphisa intlupheko nawokhuseleko athagethiweyo
Injongo 2.6 ecwangciswa ngobuchule	Ukuqinisekisa ukuba kubonelelwa ngezikolo nangootitshala ukwenzela ukuba kungqinelwane neempawu eziboniswa ngamanani abemi belizwe (<i>demographic trends</i>) kwezo ndawo bakuzo.

⁵ Iiprogram ezisekelayo ziyinkxalenye ye-national sector template neendidi zenkxaso-mali zikaNondyebo. Iimali kwiProgram 2 zabelwe ukujongana nebhajethi ephambili yeSebe iWCED yaye ziquka imivuzo yootitshala, iindleko zeziseko zophuhliso nezezibonelelo neeprogram zokutyisa abafundi.

linjongo ezicwangcise ngobuchule, izalathi-nkqubela zentsebenzo, iithagethi ezicwangcisiweyo nezo thagethi kufikelelweyo kuzo

Amanani obhaliso

Owona mba mkhulu unokuphemelela zonke izicwangciso nokubonelelwa kwamaziko ngezithuba kwezemfundo ngamanani obhaliso abafundi. ISebe iWCED lisebenzise ngokwandileyo idatha yeGeneral Household Survey data nezinye iinkcazo zokuqhubekayo ukuncedisa kuqikelelo-manani. Ukufundisa nokufunda okuyimpumelelo kuxhomekeke kumlinganiselo ofanelekileyo katitshala nomfundi, iifasilithi neencwadi zezifundo ezisetyenziswayo kwezona ndawo zizezona zinemfuno emandla. Ukwanda kwamanani obhaliso kule mimnyaka yakutshanje kukhokelele kuxinzelelo lwendawo yokufundela nolwabasebenzi kwiinkalo ezithile, Kwangaxeshanye kubekho ukuncipha kwamanani kwezinye iindawo zephondo.


Unyaka	Gr 1	Gr 2	Gr 3	Gr 4	Gr 5	Gr 6	Gr 7	Gr 8	Gr 9	Gr 10	Gr 11	Gr 12	Itotali
2002	86 969	77 026	64 134	83 022	93 188	86 786	80 865	75 601	80 450	69 752	51 618	40 468	889 879
2003	86 916	82 454	75 931	66 033	82 383	92 341	84 514	81 154	73 200	81 739	51 746	39 644	898 055
2004 ⁶	104 105	82 130	81 489	76 781	66 060	82 574	89 614	85 053	78 964	80 756	54 199	39 451	921 176
2005	93 515	94 231	80 695	80 809	74 984	66 141	81 953	88 778	82 169	81 577	56 657	39 303	920 812
2006	87 650	85 972	89 828	80 443	77 811	73 106	65 347	78 926	80 595	83 529	57 536	40 198	900 941
2007	92 818	82 562	83 914	89 973	78 674	78 021	72 733	66 406	80 697	86 495	61 938	42 624	916 855
2008	91 853	83 267	79 454	85 891	87 116	78 290	76 146	71 410	72 914	79 133	63 819	43 470	912 763
2009	93 601	82 158	80 385	83 150	82 382	85 621	76 262	75 227	79 795	68 405	60 812	45 692	913 490
2010	98 086	83 046	79 155	84 234	80 290	81 402	82 777	75 426	85 114	70 630	53 799	44 876	918 835
2011	100 423	85 216	79 489	83 490	80 205	79 022	78 207	81 312	84 957	73 470	56 995	38 990	921 776
2012	103 444	88 536	81 415	83 922	79 900	78 384	76 432	77 561	90 815	72 714	58 758	43 111	934 992
2013	104 678	93 506	85 762	85 599	79 210	78 437	76 238	75 528	87 132	78 812	56 109	46 035	947 046

Umthombo weDatha : 2013 : Annual Survey for Schools (Public Ordinary schools excluding LSEN unit learners)


Le theyibhili ingentla ibonisa ukwanda kwento yonke (overall increase) kwabafundi abayi- 57 167 kwithuba lomjikelo weminyaka eyi-12. Ibonisa ukukhula okubonakalayo kumanani obhaliso lwiBakala 1 nefuthe lokugcinwa kwamanani abafundi phakathi kwamaBakala 10 no-12.

Amanani kwisaveyi ze-SNAP survey ka-2014 abonisa ukwanda kwinkqubo “ngesigaba ngasinye”. Ngexesha lesaveyi, ayingabo bonke abafundi ababhalise kwiBakala 8 abakwisistim.


⁶ Iipatheni zamanani obhaliso zichatshazelwa kutshintsho kwinqanaba likazwelonke, kwiBakala 1 umgaqo-nkqubo wokwamkelwa kwabafundi esikolweni ngo-2000, owavumela izikolo zibhalise kuphela abaneminyaka esixhenxe kubhaliso lokuqala. Ngenxa yoku amanani obhaliso eBakala 1 aba ngaphantsi kuneminyaka edlulileyo. Ekubeni kutshintshwe iimfuno zeminyaka yobhaliso kwakhona ngo-2004 kubekho ukwanda kumanani obhaliso kwakhona . Oku kubonisiwe kule theyibhile.



Ukufudukela kwabantu kweli phondo kuhlala kusenza igalelo elibonakalayo kumanani obhaliso yaye iindawo abantu abakhetha ukuhlala kuzo nazo zibangela uxinzelelo kwindawo yokuhlala kwiindawo ezisakhulayo (*developing areas*).




Iitotali kumaBakala 1 no-9 zibonisa ukuba kukho amanani abafundi abaphinda la mabakala. Le yimiba ephantsi koqwalaselo namaphulo ongenelelo ngoncedo awodwa ukunciphisa iireyithi zokungapasi kwabafundi. Igrafu neetheyibhile engezantsi ishwankathela inkqubela yakutshanje ngokumalunga noku.



	Yr 2011	Yr 2012	Yr 2013
Ireyithi yokupasa Jikelele [Gr 1-11]	86.9%	88.1%	89.1%
Ireyithi yokupasa yeBakala 1	79.80%	83.30%	84.7%
Inani labapase iBakala 1	79 190	85 143	87 607
Ireyithi yokupasa yeBakala 9	71.1%	73.9%	77.0%
Inani labapase iBakala 9	54 310	61 542	60 866
Ireyithi yokupasa yeBakala 10	73.4%	71.9%	80.8%
Inani labapase iBakala 10	49 883	48 026	58 915
Ireyithi yokupasa yeBakala 11	80.3%	83.4%	87.8%
Inani labapase iBakala 11	42 685	46 058	46 599
Amanani obhaliso iBakala 10 - 12	169 455	174 583	180 385

Iitotali zamanani obhaliso kumaBakala 11 no-12 zibonisa iimpawu zokugcinwa kwamanani okubhetele. Ukuhla kwamanani kumaBakala 11 no-12 kuphantsi koqwalaselo ngokuthi kuphuculwe ukukhethwa kwezifundo ekupheleni kweBakala 9, ukunikwa ingcebiso ngeentlobo zamakhondo omsebenzi ezinokukhethwa kunye nezifundo ezikhethwayo nokomelezwa kwenkxaso kwizifundo okunikwa izikolo eziphakamileyo. Izikolo nezithili zimisele iithagethi ezithe ngqo zokwandisa amanani abafundi abapasayo namanani ababuyela esikolweni, kwisikolo ngasinye kunyaka olandelayo. Le grafu ingezantsi ibonisa ifuthe lesi sicwangciso.



Iziphumo zeeMvavanyo

Imfundo kwizikolo eziziprayimari: ULwimi neMathematika kumaBakala 3, 6 no-9 eNtshona Koloni


Ukususela ngo-2002 ukuya ku-2009, iSebe iWCED labhalisa iimvavanyo zolwimi nemathematika kubafundi bamaBakala 3 no-6 kwiminyaka ekushiya ube mnye phakathi (*alternate years*) ukwenzela ukulandelela inkqubela yabo nokufumanisa ingxaki. Ngo-2010 iSebe iWCED, lavavanya okokuqala ngqa, bonke abafundi bamaBakala 3, 6 no-9 ukuqinisekisa imeko yokufunda ulwimi nemathematika kwisikolo ngasinye kwiphondo. Kwakuloo nyaka mnye, ka-2010, abafundi beBakala 9 bavavanywa okuqala ngqa. Uvavanyo lweBakala 9 yayiliphulo lokulinga (*pilot exercise*) lokumisela uvavanyo lokwandlalela kulwimi nakwimathematika. Ngo-2011, iSebe iWCED landisa inqanaba

lemingeni efuna ingqondo ezikisayo ukucinga (*cognitive challenge*) kwiimvavanyo ngakumbi kwiimvavanyo zolwimi, ukwenzela ukubeka eyona milinganiselo isezantsi ingumzekelo kwiphondo. Ngakumbi, iiteksti ezinde nezintsonkothileyo ezaye zibandakanywa kwiimvavanyo zolwimi.

Ngo-2013 bangaphezu nama-70 000 abafundi ababechophele iimvavanyo kwibakala ngalinye kula iBakala 3, 6 no- 9. Ireyithi yokupasa ngamanqaku angu-50%. Ezi ziphumo ziboniswa apha ngezantsi.

Iziphumo zeNkqubo yeMfundo kumaBakala 3, 6 & 9 ngo-2013 IZikolo zikaRhulumente eziQhelekileyo						
	IBakala 3		IBakala 6		IBakala 9	
	IMathematika	ULwimi	IMathematika	ULwimi	IMathematika	ULwimi
Ababhalayo	81 883	81 888	73 908	73 900	79 699	74 534
Abapasayo	45 036	30 299	20 916	21 800	10 682	35 627
I-% Yabapa-sayo	55	37	28	30	14	48
Amanqaku angumyinge	51	43	39	39	29	51

Ukuhla kwiReyithi yokuPasa kuLwimi kumaBakala 3 no-6 kuya kucazululwa yaye kuya kuxhasa amaphulo ongenelelo ngoncedo kwizikolo ezithile.



Iimvavanyo zango-2013 zanikwa izikolo ngoJanuwari 2014 yaye sele zisetyenzisiwe ekunikeni inkxaso iziCwangciso zoPhuculo lweSikolo (*School Improvement Plans*) neethajethi zango-2013.

ISatifikethi seMatriki sikaZwelonke (*National Senior Certificate*)Unyaka ka-2013 yayingunyaka wesithandathu weemviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke (*NSC*). Kubekho inkxaso enkulu enikwe izikolo zaseNtshona Koloni ezineBakala 12. INtshona Koloni iphumelele ngereyithi yokupasa engu- 85.1%. Ngo-2013, bekukho abaviwa abayi-3 566 ngaphezulu abapasayo kunango-2012 nabayi-3 158 abangaphezulu abapasayo nababanako ukungenela izifundo zeprogram yeSidanga sokuQala. Bayi-12 216 abafundi abapasa iMathematika ngereyithi yokupasa engu- 73.3%. Kwi-Physical Science, ireyithi yokupasa ka-2013 yaba ngu-72.6%, ukunyuka ukusuka kwinqanaba lango-2012 elingu-70.9%. Inani labapasa i-Physical Sciences laba ngu-8 333.

Iziphumo ii-WCED Comparative NSC results 2009 - 2013										
Unyaka	Ababhalayo	Abapasayo	I-% yabapasayo	Abanoku- ngenela isiDanga sokuQala	I-% yabanoku- ngenela isiDanga sokuQala	Inani labapasayo beMaths	Ireyithi yokupasa yeMaths	Inani labapas ayo kwi- Phys Sc	Ireyithi yabapasileyo kwi-Phys Sc	Izikolo ezinereyithi yokupasa <60%
2009	44 931	34 017	75.7	14 324	31.9	12 467	64.9	7 064	52.9	85
2010	45 783	35 139	76.8	14 414	31.5	11 571	66	7 524	59.6	78
2011	39 988	33 146	82.9	15 215	38.1	9 820	68.7	7 137	65.3	30
2012	44 700	36 992	82.8	16 319	36.5	11 311	73.5	7 995	70.9	26
2013	47 636	40 558	85.1	19 477	40.9	12 216	73.3	8 333	72.6	23

IIMVAVANYO II-ANNUAL NATIONAL ASSESSMENTS (ANA)

Ngo-2013, izikolo zafumana isikhokelo sovavanyo, kwakunye neseti yamaphepha emibuzo ayimizekelo ngebakala ngalinye nangesifundo ngasinye ukwenzela ukulungiselela abafundi xa bebhala ii-ANAs. Amaphepha emibuzo ayimizekelo afakiwe ngokunjalo kwiziko lewebhu leSebe iWCED.

Ngo-2013 ii-Annual National Assessments zabhalwa ngabafundi abayi-615 326 kumaBakala 1 – 6 no-9. Izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo eziyi-1 455, izikolo ezizimeleyo eziyi-77 nezikolo eziyi-19 zemfundo eneneemfundo ezizodwa eNtshona Koloni, zathatha inxaxheba kolu vavanyo lukazwelonke. Iincwadi zeempendulo zamakishwa ngootitshala ezikolweni zaza emva koko iisampuli zeencwadi ezintathu ngesifundo ngasinye nangeklasi nganye kumaBakala 3, 6 no-9 ezivela kwisikolo ngasinye zaphindwa zamakishwa kwakhona ngootitshala ndaweninye kwisithili ngasinye njengomsebenzi wokumodareyitha wephondo.

ISebe i-DBE linyule i-arhente zovavanyo zangaphandle ukumodareyitha isampulu yeencwadi zeempendulo zamaBakala 3, 6 no- 9 kwizikolo eziyi-244 ezikhethiweyo kwiSebe iWCED. Ziyi-25 iincwadi zeempendulo zabafundi kumaBakala 3, 6 no-9 ezenziwa isampula zaza zangeniselwa ukumakishwa nokumodareyitha kwangaphandle. Umsebenzi wokumodareyitha wabonisa iqondo eliphezulu lokungqinelenana phakathi kwamanqaku okumodareyithwa namanqaku anikwe ngootitshala. Oku kube yingqinisekiso yokuba imigangatho esetyenzisiweyo ezikolweni ibifanelekile.

Iziphumo zango-2013 ziboniswe kule theyibhile ingezantsi :

	WCED Ulwimi ngo-2013	Ulwimi lweeNkobe ngo-2013	WCED iMathematika ngo-2013	KuZwelonke ngo- 2013 iMathematika
IBakala 1	65	60	61	60
IBakala 2	62	57	62	59
IBakala 3	49	42	58	49
IBakala 4	54	49	42	37
IBakala 5	56	46	40	33
IBakala 6	63	64	47	38
IBakala 9	50	50	17	13

Uphuhliso looitshala

Uphuhliso looitshala oluqhubekayo kwiSebe iWCED luhlala lungumba ophambili ekujoliswe kuwo. Uqeqesho lokulungiselela iNkcazo yoMgaqo-nkqubo weKharithulam novavanyo (*Curriculum Assessment Policy Statements (CAPS)*) lwaqhutywa ngo-2013 okukugqibela, lwahlahla indlela kwithuba elitsha lokubethelela iCAPS kwinkqubo yezemfundo emva

kweminyaka emi-3 yoqeqesho nophunyezo ngokwezigaba okube yimpumelelo kumabakala ngokubanzi, kwazo oko kwaphelela kuphunyezo kumaBakala 7-9 no- 12 ngo-2014.

Ootitshala

CAPS:

I-Nkcazo yeKharithyulam kaZwelonke (*National Curriculum Statement*) yaphuculwa yaza yenziwa iNkcazo eyi-Curriculum and Assessment Policy Statements (CAPS). I-CAPS ichaza ngesifundo ngasinye, ixesha lokufundisa, ikhontenti, izakhono, iZibonelelo eziXhasa ukuFunda nokuFundisa (*LTSM*) eziyimfuneko nobungakanani bamanqaku amakanikwe nemigqaliselo yovavanyo (*weightings and prescriptions*). Olu xwebhu lunenzuzo ngokuba luqulethe zonke ezi mfundo zingummiselo kuxwebhu olunye. Iinguqu eziphambili ezenziwe yi-CAPS zezokuba kufanele kubekho umthwalo wolawulo onganeno kootitshala, iinkcazo ezicace gca ngekhontenti yezifundo neenkqubo ezinamandla zokufundisa nezovavanyo.

NgoJulayi 2013, iSebe iWCED laqeqesha ootitshala kumaBakala 7-9 ukulungiselela ukuqaliswa kweCAPS ngo-2014. Oku kwenziwa ngoqeqesho loqheliso losuku olupheleleyo lwezifundo ezisibhozo. Bamalunga ne-9 000 ootitshala ababeye kusuku olunye ubuncinane kwezi zine. Ngosuku kwesihlanu, ziyi-1 816 iinqununu / amasekela-nqununu aya kuqeqesho loqheliso lokulawula ukuphunyezwa kweCAPS. Bangaphezu kwe-2 700 ootitshala beBakala 12 abaya kuqeqesho lweCAPS olufana nolu 12 ngeeholide zezikolo.

Lonke uqeqesho lootitshala luxhaswa yiiprogram yenkxaso eqhubekela eklasini.

Ulwimi neMathematika

Ngo-2009 iSebe iWCED liqalise uqeqesho lweminyaka eyi-8 nescwangciso senkxaso ukuxhasa uphuhliso loLwimi neMathematika. Le program, eyenziwa ngababoneleli-nkonzo abaziingcali kootitshala abakumaBakala 1 – 6 iqhutywa ngolu hlobo lulandelayo.

Unyaka 1 (2009): izikolo eziyi-250 zokuqala	IQela 1 (izikolo eziyi-125) Uqeqesho kuLwazi lokuBala ngeholide kaJuni IQela 2 (izikolo eziyi-125) Uqeqesho kuLwazi lokuFunda nokuBhala ngeholide kaJuni Inkxaso eqhubekela ezikolweni (izikolo eziyi-250) Iincwadi zokufunda neLTSM (izikolo eziyi-250)
Unyaka 2 (2010): izikolo eziyi-250 kunyaka wesibini woqeqesho	IQela 1 (izikolo eziyi-125) Uqeqesho kuLwazi lokuFunda nokuBhala ngeholide kaJuni IQela 2 (izikolo eziyi-125) Uqeqesho kuLwazi lokuBala ngeholide kaJuni Inkxaso eqhubekela ezikolweni (izikolo eziyi-250) Iincwadi zokufunda neLTSM (izikolo eziyi-250)
Unyaka wesi-3 (2011): izikolo eziyi-250 zeqela lesibini – ngokwenkqubo efanelekileyo beziyi-258 izikolo	IQela 3 (izikolo eziyi-129) Uqeqesho kuLwazi lokuBala ngeholide kaJuni IQela 4 (izikolo eziyi-129) Uqeqesho kuLwazi lokuFunda nokuBhala ngeholide kaJuni Inkxaso eqhubekela ezikolweni (izikolo eziyi-258) Iincwadi zokufunda neLTSM (izikolo eziyi-250)
Unyaka 4 (2012): izikolo eziyi-258 zeqela lesibini kunyaka wesibini woqeqesho	IQela 3 (izikolo eziyi-129) Uqeqesho kuLwazi lokuFunda nokuBhala ngeholide kaJuni IQela 4 (izikolo eziyi-129) Uqeqesho kuLwazi lokuBala ngeholide kaJuni Inkxaso eqhubekela ezikolweni (izikolo eziyi-250) Iincwadi zokufunda neLTSM (izikolo eziyi-250)

Unyaka 5 (2013): izikolo eziyi-250 zesithathu	IQela 5 (izikolo eziyi-125) Uqeqesho kuLwimi ngeholide kaJuni IQela 6 (izikolo eziyi-125) Uqeqesho kwiMathematika ngeholide kaJuni
Unyaka 6 (2014): izikolo eziyi-250 zesithathu	IQela 5 (izikolo eziyi-125) Uqeqesho kwiMathematika ngeholide kaJuni IQela 6 (izikolo eziyi-125) Uqeqesho kuLwimi ngeholide kaJuni
Le ndlela yokwenza iya kuphindwa kude kube ngu-2016, ukwenzela ukuba zonke izikolo eziziprayimari ziqeqeshwe yaye zinikwe inkxaso kwizikim zokufunda nezibonelelo zokufunda kwithuba leminyaka esi-8.	

Iprogram yoLwimi neMathematika (*Language and Mathematics Programme*) ngo-2013 yabonelela izikolo eziziprayimari eziyi-250 ngoqeqesho olumandla (*intensive training*) nangenkxaso eqhubekela kumaziko kootitshala bamaBakala 1-6.

Uqeqesho nophuhliso lo gama usenkonzweni lwenziwa e-CTLI. Ikhosi zoqeqesho eziyi-37 zaqhutyelwa ootitshala kwiSigaba seSiseko, kwiSigaba esiPhakathi nakwiSigaba saBadala, abeFET namalungu eeKomiti yoLawulo yeSikolo. Uqeqesho lwe-School Management and Leadership Development (SMLD) lwabandakanya uqeqesho lwaBaphathi beze-IMG. Bayi-1 491 ootitshala ababeye kwezi khosi zethuba elingangeveki ukuya kwezimbini kulo nyaka-mali. Ngako oko bayi- 2 482 bebonke ootitshala abafumana uqeqesho kwiikhosi ze-CTLI kulo nyaka-mali.

Iinqununu

Ugxininiso kulo nyaka belusekuboneleleni ngozinzo oluphuculweyo ezikolweni nakuphuhliso nenkxaso kwiinqununu ebezingenawo amava, okanye ebezifuna ukunikwa ingcebiso engaphezulu, okanye ezinomdla wokuphucula amabanga emfundo yoqeqesho. Ikhosi zabaphathi bezikolo, zagxininisa kwizihloko ezabandakanya iiNdima neMisebenzi yamaSekela-nqununu (*Roles and Responsibilities of Deputy Principals*), iNdima neMisebenzi yeeNtloko zazeZifundo, iiNqununu ezibonisa umdla nolangazelelo (*Aspiring Principals*), iiNkokeli zeZikolo ezibonisa umdla nolangazelelo (*Aspiring School Leaders*), uQhelilano lweNqununu ezisanda kuqeshwa (*Newly Appointed Principals*), uqeqesho lwekomiti yolawulo yesikolo naBasetyhini abakwizikhundla zolawulo nabanomdla kuBunkokheli.

IProgram i-Workplace Skills' Programme

Kusetyenziswa ipeyiroli yeSebe iWCED elingana ne-1% ukuphucula izakhono nobuchule babo bonke abaqeshwa beSebe iWCED. Amanqanaba ezakhono ootitshala, nabasebenzi benkonzo karhulumente kujongenwe nawo ngokungaphezulu ngokunjalo ngokugxila kumaphulo ongenelelo ngoncedo eProgram i-Workplace Skills' Programme (WSP).

Amabanga emfundo akhredithiweyo (Accredited qualifications)

Ikhosi zokufundiswa apho kuthagethwa okuthile, ezifana ne-Advanced Certificate in Education (ACE) ezigxininisa kuBunkokeli eSikolweni zaqhutywa kumaziko emfundo aphakamileyo. Ezi khosi zixhaswa ngezimali liSebe iWCED kumsebenzi wokuphucula umgangatho kubunkokheli nakulawulo ezikolweni. Bekukho abayi-360 abaxhamlayo ngo-2013/14.

Ukwandisa inani lootitshala abaqeqeshwe ngokufanelekileyo kwimathematika nesayensi, iSebe iWCED labonelela ngeebhasari zaphambi kokungena enkonzweni kwabayi-96 (*pre-service bursaries*) njengoko ugxininiso ku-2013/14 lumi ngolu hlobo lulandelayo: ISigaba seSiseko : 68; ISigaba esiPhakathi: 2 kwi-FET 15; IsiDanga seSayensi (*Bachelor of Science*): 11.

Enye inkxaso enikiweyo

Ezemali

Iimali ezabiwa ngokweMimiselo neMigangatho yolwabiwo-mali ezikolweni zilinganiselwa ngokweemfundo ukwenzela ukuba izikolo zabahlali abangathathi ntweni zabelwe imali engaphezulu.

Izixa "ngomfundi ngamnye" ezahlawulwa kwizikolo zikarhulumente kumaNqanaba 1, 2 no-3 eNtlupheko zilinganisiwe ukususela ngo-2013/14; ngamanye amazwi, izikolo ze-NQ 2 no-3 zafumana eso sixa-mali sifanayo njengeyezikolo eziku- NQ 1.

Izabelo zeeThagethi zikaZwelonke			
	2012/13	2013/14	2014/15
INqanaba 1	R960	R1 010	R1,059
INqanaba 2	R880	R1 010	R1,059
INqanaba 3	R880	R1 010	R1,059
INqanaba 4*	R481	R 550	R 831
INqanaba 5*	R213	R 239	R 317
* <i>lindleko ezingumndilili kuzo zonke izikolo</i>			

Iindleko zokulinganisa ezi zixa zamaNqanaba 2-3 eNtlupheko ngomfundi ngamnye iya kuba yi-R26m yezigidi ngo-2014/15.

Omnye umba obalulekileyo wenkqubela ka-2014 kukwandiswa kweprogram yezikolo ezingabizi zifizi. Izikolo eziyi-216, ezinabafundi abayi-172 541, abakumaNqanaba 4 no- 5 eNtlupheko zisamkele isicelo sokuba zibe zizikolo ezingabizi zifizi. Esi sicelo sasiwa nakwezo zikolo ezazibiza iifizi zesikolo ezingaphantsi ko-R400 ngonyaka.

Imeko yeefizi	Inani lilonke lezikolo
Ezingabizi zifizi	887
Izikolo ezibiza iifizi	570
Itotali iyonke	1 457

Izikolo ezibiza iifizi zesikolo zinokwenza isicelo sokubuyiselwa iintlawulo apho abazali abaxolelweyp ekuhlawuleni iifizi, bangenako ukuhlawula iifizi. Ngo-2012 iSebe iWCED labuyisela izikolo izigidi eziyi-R31m ngenxa yokuxolelwa kwabazali ekuhlawuleni iifizi. Ngo-2013, izigidi eziyi-R42 million sahlawulwa ukunika inkxaso abafundi abayi-90 506 kwizikolo eziyi-700.

Iitheksti kubandakanywa neencwadi zokwenza umsebenzi

Ngo-2013, iSebe leMfundo esiSiseko kuZwelonke labonelela ngeencwadi zokwenza umsebenzi ngoku hlobo lulandelayo :

iincwadi zokwenza umsebenzi ezibonelelweyo	AmaBakala
ULwimi lweenkobe, isiNgesi uLwimi lokuQala oloNgezelelweyo, iMathematika neZakhono zoBomi	ISigaba seSiseko (AmaBakala R-3)
IMathematika, uLwimi lweenkobe nesiNgesi uLwimi lokuQala oloNgezelelyo	ISigaba esiPhakathi (IBakala 4 – 6)
IMathematika	ISigaba saBadala (AmaBakala 7-9)

Ukusetyenziswa kweencwadi zokwenza umsebenzi kuxhaswa yaye kubekwe esweni ngamagosa eSebe iWCED.

ISebe iWCED linenjongo yokubonelela ngeencwadi zezifundo ezingqinelaniswe neCAPS kumfundi ngamnye ukunika inkxaso ekufundeni nasekufundiseni okusemgangathweni. Iimali eziphawulelwe le njongo zibekelwe bucala ukulungiselela oku, ukongeza kwimali ezabiwa ngokwemimiselo nemigangatho qho ngonyaka.

Ngo-2013/14, iSebe iWCED latyala imali kwincwadi zezifundo ezingaphezu kwezigidi eziyi-R257 million, kwizikhokelo zootitshala nakwii-core readers ukunika inkxaso ukuphunyezwa kweCAPS kwiSigaba esiPhakathi (AmaBakala 7-9) neBakala 12. ISebe iWCED lanika umfundi ngamnye kumaBakala 7-9 incwadi yesifundo kwisifundo ngasinye kwezisithoba neencwadi zezifundo ezisixhenxe kumfundi ngamnye weBakala 12.

Ukongeza apho, izikolo ngoNovemba 2013 zanikwa ithuba lokuba zi-odole iincwadi zezifundo zamaBakala 1-3 (*Home Language, First Additional Language, Maths and Life Orientation*) ne-*Natural Sciences and Technology* kumaBakala 4-6. Ukusiwa kwezi ncwadi ezikolweni kwagqitywa nge-17 Januwari 2014.

Isikhokelo semimiselo nemigangatho yeSebe iWCED sicebisa ukuba ngaphezu kwe-50% yesabelo sisonke sezibonelelo kufanele sibekelwe ukuthenga i-LTSM, ne-10% yayo emayigcinelwe izibonelelo zaselayibrari. Isikhokelo sikwacacisa nokuba umfundi ngamnye makabe nencwadi yesifundo ngasinye nokuba istokhwe seencwadi nezibonelelo zelayibrari kufanele sandiswe qho ngonyaka de inani eliyitotali yeencwadi libonise umgangatho wamazwe ngamazwe ongowona usezantsi (*minimum international standard*) wee-ayithem ezili-10 ngomfundi ngamnye.

Isikhokelo sokulawulwa nokubuyiswa kweencwadi zezifundo ngabafundi saqaliswa ngoNovemba 2013 ukuqinisekisa ukuba abafundi bayazibuyisa iincwadi ekupheleni konyaka wokufunda ukuze iincwadi ziphinde zisetyenziswe kwakhona qho ngonyaka. NgoFebruwari 2014, iSebe iWCED lanika iSebe leMfundo eSisiseko iinkcukacha-manani ngamaqondo okubuyiswa kweencwadi zezifundo ngabafundi.

Iziseko zophuhliso

Isicwangciso seziseko zophuhliso seSebe iWCED saqwalasela ezi nkalo zophuhliso zilandelayo:

- Ukusetyenziswa kweeklasi ezingasetyenziswa ngokupheleleyo kwizikolo ezikhoyo
- Ukwakha iiklasi ezintsha kwizikolo ezikhoyo ukuphelisa ingxinano
- Ukwakha izikolo ezitsha, kubandakanywa nezikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa, ukuphelisa uxinzelelo kwindawo yokufundela
- Ukutshintsha izikolo ezikhoyo okanye iiklasi ezazakhiwe ngezixhobo zokwakha ezingekho mgangathweni
- Ulondolozo nolungiso lwezakhiwo
- Ukubonelela ngeeklasi zeBakala R
- Ukusetyenziswa ngokupheleleyo kweehostele

Ukongeza, ukubonelelwa nokusetyenziswa kweklasi eziziimobhayili kuhleli kuyimfuneko ukwenzela ukubonelela ngendawo yokuhlala kwiimeko zeemfuno ezingxamisekileyo nezingacwangciselwanga.

Ngaphandle kweprogram yokwakha ecaciswe apha ngentla, ukwanda okuqhubekayo kwamanani abafundi kubeka uxinzelelo kubonelelo lweziseko zophuhliso. Bamalunga nabayi-50 000 abafundi abathuthwayo ukuya nokubuya esikolweni yonke imihla, ukuba isikolo esikufutshane singaphezu komgama weekhilomitha ezi-5 yaye kufuneka uncedo. Kwathathwa amanyathelo ngo-2013/14 okutshekisha nokuphucula iindlela ekuhanjwa ngazo nokumisela ezinye ezinokuba yimpumelelo.

I-Mathematika neFizikhali Sayensi

IsiCwangciso i-Mathematics and Physical Science Strategy, esaqaliswa ngo-2011, sandiswa saza somelezwa ngo-2012. Esi sicwangciso sinemingxilo emihlanu (*five thrusts*): Esi sicwangciso sinemingxilo emihlanu: *Izikolo (zibandakanya ukukhethwa kwakhona kwezikolo zeprogram yeDinaledi, ukuseka ii-incentive schools"* nokuhlela izikolo zonke ngokwamanani obhaliso kwizifundo ukwenzela amaphulo ongenelelo ngoncedo ekujoliswe kuwo nenkxaso yesithili enentsingiselo); iNkxaso noPhuhliso looTitshala (*Teacher Support and Development*) (ibandakanya uqaqesho looTitshala nenkxaso, ukubeka esweni okuqhubeka eklasini nokugaya ootitshala nokufakwa kwabo kwezinye izithuba zomsebenzi (*teacher recruitment and deployment*); iZibonelelo neNkxaso (*Resources and Support*) (zibandakanya zonke izibonelelo ezifana nezixhobo, iLTSM, i-ICT nezinto ze-e-learning material nenkxaso); abafundi (kubandakanywa inkxaso kubafundi, efanane nee-telematics programmes, ii-olympiads, amaphepha emibuzo okuprekhtiza (*practice examination papers*), iingcebiso, izifundo ezongezelelweyo (*extra lessons*), ukufumana ulwazi ngemathematika nesayensi kwezorhwebo nakwihlabathi); nephulo lenkxaso i-Monitoring, Evaluation and Advocacy.

IProgram yeZikolo eziPhakamileyo

IProgram yokuPhucula iZikolo zamaBakala aPhakamileyo (*High School Improvement Programme*) ijolise ekwandiseni amanani abafundi abapasa iSatifikethi seMatriki sikaZwelonke nokunciphisa inani lezikolo ezingaqhubi kakuhle. I-High School programme yaqala ngo-Januwari kwaye inendlela enomahluko eqhuba ngayo kuzo zonke izikolo eziphakamileyo kwiphondo. Kunikwe inkxaso encinane kwezo zikolo apho kwapasa abafundi abangaphezu kwe-90% kunyaka ongaphambili, zaza ezo zifumene ireyithi yokupasa engu-60% – 89% zanikwa inkxaso ephakathi nokugxininisa kwizifundo ezithile ukanti kwezo zikolo bangaphantsi kwe-60% abapasileyo, kwagxininiswa ngamandla kwisikolo siphela kwabo bafundi.

NgoJanuwari 2013, iSebe iWCED libambisene nezikolo ezichaphazelekayo lacazulula iziphumo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke kwisikolo ngasinye, kwisifundo ngasinye nakwiphepha lemibuzo ngalinye. Kwamiselwa izicwangciso, neethagethi ezihambelana ngqo nezikolo, ngokususela kolu cacululo. Kwamiselwa ngesikolo nangesithili ngasinye iithagethi zamanani okupasa abafundi abanokwamkelwa kwizifundo zezidanga zokuqala (*B-degrees*). Inkxaso eyodwa ibonelelwe kubafundi abasengozini.

Ngo-2013 izithili zasebenzisa ithemplethi efanayo ye-District Improvement Plans, kugxininiswa ekunciphiseni ireyithi yokungapasi (*reduction of the failure rate*) kumaBakala 1, 9, 11 no-12 (oku ikukuqhubeka nokugxininisa okwakuqaliswe ngo-2012). Izikolo ezaqhuba kakubi kwizifundo ezinamanani amakhulu obhaliso zaqatshelwa ukulungiselela ukuba zinikwe inkxaso ezifanale kanye ngqo. Iprogram yokufundisa (*tutoring programme*) iqhutywa

ngootitshala abanesakhono apha ngaphakathi nangaphandle kwiSebe iWCED. Izifundo iitelematics lesson zasasazwa kwizikolo eziyi-147 ngo-2013 yaye inkxaso engamandla yabonelelwa ngaBacebisi ngezeKharithyulam kwezo zikolo zafumana ngaphantsi kwe-avareji yephondo (*provincial average*) kwizifundo ezinamanani obhaliso aphezulu. Incwadana yeengcebiso zokufunda nephekhi yamaphepha emibuzo yanikwa umfundi weBakala 12 ngamnye. Kwasekuqaleni iprogram ka-2012 yandiswa ukuze ifikelele kuwo onke amabakala kwizikolo eziphakamileyo nokuba kugxininiswe kwiseti yeekhrayitheriya ezongezelelweyo ngaphezu kwereyithi yokupasa yeBakala 12. Isithili ngasinye sabelwa ibhajethi ukulungiselela iprogram yenkxaso.

Inkxaso nokuqwalaselwa kootitshala

ISebe iWCED liqhubekile ngenjongo yalo ecacisiweyo yokunika inkxaso ebonakalayo kootitshala kwiinkalo eziqatshelwe ngootitshala ngokwabo. Oku kwenziwe ngokuthi kuncitshiswe uxinzelelo kotitshala ekwenzeni imisebenzi yezolawulo nokuya qho koomasifundisane neentlanganiso. Iikhalenda zoCwangciso (*Planning Calendars*), ezidwelise imihla ephambili, efana naleyo yokuqala nokugqiba iimviwo, neminye imihla ebekiweyo yezolawulo, yathunyelwa ezikolweni kwakhona ngo-2012 ukunceda izikolo kwangaphambili ekucwangciseni u-2014. Bekukho amabhaso ephondo ootitshala abagqwesileyo, emva kwenkqubo ebaluleke gqitha yokhetho. La mabhaso anika ingqwalasela kwimpumelelo yootitshala nokuza kwabo nezinto ezintsha. Ootitshala abathathu baseNtshona Koloni bagqithela kwisigaba sokuwongwa ngamaBhaso okuwonga ootitshala kaZwelonke ango-2013, omnye egqwese kuzwelonke, baze ababini baphuma isibini kukhuphiswano lokugqibela.

Amabhunga olawulo ezikolo

U-2012 wabona uthatho-nxaxheba oluyi-100% ekugqityweni konyulo lweeSGB zizo zonke izikolo zeSebe iWCED. Iprogram yokwaziswa ngomsebenzi (*induction programme*) yenziwa ngo-2013 ukwenzela onke amalungu eSGB awaqeqeshwayo kulawulo lwezemali, ukukhethwa nokugaywa kwabasebenzi abanobuchule kuwo onke amanqanaba. Kuqwalaselwe kwiindima nemisebenzi emininzi yamalungu eSGB. Ezi zibandakanya ukunika inkxaso iinqununu ekucwangciseni nasekumiseleni iithagethi zokuphucula umgangatho wesikolo nokukhuthaza ukubambelela kwimigaqo yokuziphatha esikolweni ngokuqinisekisa ukhuseleko lwabafundi nabasebenzi esikolweni. Ziyacelwa iinqununu ngesiqendu 16A (1)(c)(ii) soMthetho weZikolo zaseMzantsi Afrika, ukwandlala izicwangciso zokuphucula isikolo kwiintlanganiso zeSGB. OoSihlalo beSGB basayina ezi zicwangciso ukongeza kwezo zeenqununu. Isixhobo i-School Governing Body Support Tool sathunyelwa kuzo zonke izikolo, ukunceda ii-SGBs xa zizivavanya ngokwazo.

Ukujongiswa komsebenzi wokuphathwa nokulawulwa kwamaziko kwizithili uthelekiswa nemigaqo yoMthetho weZikolo zaseMzantsi Afrika (*South African Schools Act (SASA)*) kuvelise imfuno yokuba kugxininiswe kuququzelelo lalo msebenzi. Izithili zaxhaswa nguNdlunkulu kwimiba yoqeqesho lweSGB, iinguqu kubulungu beSGB, ngokumalunga noqeqesho lwamalungu eBhunga elimele aBafundi nootitshala abangamaGosa oQhagamshelwano. Ziyi-81 izikolo ezakhethelwa ukuba zifumane uqeqesho kulawulo lwezemali. Abalawuli bezithili beze-IMG nabo kuya kufuneka bathetha-thethane noosihlalo bamabhunga olawulo ezikolo (SGBs) ukuqinisekisa ukuba ingakanani inkxaso yeSGBs kwizikolo zazo ngokungqinelana nesiqendu 20 no-21 zeSASA. Kuyaqhutyekwa noku yaye kuza kubandakanywa namalungiselelo onyulo lwee-SGBs zango-2015 ezikolweni.

Nutrition

IProgram yoKutyisa iZikolo kaZwelonke (*National School Nutrition Programme*) ibonelela abafundi abayi-431 998 (426 707 in 2012) ngokutya okunesondlo yonke imihla kwizikolo eziyi-1 021 (1015 ngo-2012) eziziiPrayimari, eZizikolo zemfundo eneemfundo ezizodwa neZikolo eziziiSekondari ezithagethiweyo. Kwaqhutywa oomasifundisane bamavolontiya aphantsa ukutya (*volunteer food handlers*) malunga nokhuseleko lokutya nokusebenzisa irhasi nococeko (*food and gas safety and hygiene*), ukulungisa ukutya nobungakanani bokutya omakuphakwe. Ootitshala, abazali nabafundi baqhutyelwa iikhosi ezingokuveliswa kokutya. Kungokunje kuphakwa isidlo sakusasa phambi ko-7 :30 no-8 :00 ukongeza kwisidlo esiphambili (*main meal*) esiphakwa ingadlulange eye-12h30.

IZikolo eziKhuselekileyo

Iprogram iSafe Schools Programme inesicwangciso sobuchule esinjongo zintathu (*three-pronged strategy*), ekuzezi: (i) Ukubonelelwa ngendlela zokhuseleko ezingundoqo (*core security mechanisms*), (ii) iiProgram zokuxhasa iinguqu zendlela yokuziphatha nendlela yokucinga (*behavioural and attitudinal change*) (iii) iiprogram zeesistim ezibandakanya iinkqubo zesikolo siphela nokunxibelelana nee-arhente ezichaphazelakayo ezinokunceda ekwenzeni indawo engqonge isikolo ibe yekhuselekileyo.

ISebe iWCED liqhuba i-Safe Schools Call Centre. Iziko libonelela ngonxibelelwano lwefoni olumahala, noluyimfihlo kubafundi, abazali nootitshala abafuna uncedo, iingcebiso nengcaciso emalunga nemiba yabafundi. Bayakhuthazwa abafonayo bafonele inombolo 0800 45 46 47 emahala ngokumalunga noku kulandelayo: limeko eziNgxamisekileyo, ubundlobongela bemiGewu, uMothuko omkhulu, uLwaphulo-mthetho eSikolweni, iMpatho-gadalala neMibuzo ngokubanzi.

Abafonayo banikwa inkcazo efonini (*telephonic debriefing*) kwiimeko zeefoni ezingxamisekileyo nakwimeko yeefoni ezingangxamisekanga, zithunyelwa apho kuyimfuneko kwii-arhente ezinika iingcebiso (*counselling agencies*) zeSebe iWCED, ii-arhente ezingekho phantsi kolawulo lukarhulumente nemibutho yasekuhlani. Iziko leeFoni leZikolo eziKhuselekileyo lafumana iifoni eziyi-14 060 kwithuba lekhalenda yonyaka ka-2013. Iifoni eziyi-3 434 kwezi zazifuna ukulandelelwa nenkxaso. Iziko leeFoni likwaqokelela yaye licazulule iinkcukacha-manani kwiphondo ngokubanzi. Iinkcukacha-manani zisetyenziselwa ukubonelela ngothintelo, ungenelelo ngoncedo nezicwangciso ii-*reactive strategies* xa kuyimfuneko.

Ukongeza, kwiZiko leeFoni leZikolo eZikhuselekileyo (*Safe Schools Call Centre*) nenkxaso yokhuseleko lweziseko zophuhliso, iSebe iWCED labonelela ngeeprogram zemfundo ukukhuthaza izinto ezakhayo ezifana nezemidlalo, imisebenzi yobugcisa, idrama nengcaciso ngamakhondo emisebenzi exa elizayo. Iiprogram zigxininisa kutshintsho olumalunga neendlela zokucinga okanye indlela yokuziphatha, iinkqubo zobuchule nezakhayo ekusombululeni imbambano kwezolawulo nokuqeqeshelwa ukulamla. Abasebenzi bokhuseleko abazii-Safety Fieldworkers baqeshelwe ukunika inkxaso izikolo neekomiti zokhuseleko zezikolo nezicwangciso zokhuseleko; ukumisela inkxaso kunye/okanye iiprogram zokuthintela okungekehli nokuba ngumzekelo omhle onika ithemba nabacebisi ezikolweni.

Aba basebenzi bazi-Safety Fieldworkers bayabalandlelela abafundi abatshungayo baze baphonononge iingxaki zabo. Babonelela ngeengcebiso baze banike inkxaso abafundi abasengozini yaye baqinisekise ukuba abafundi bayafikelela kwiinkonzo abazifunayo. Ii-Safety Fieldworkers baququzelela ii-Safe Schools Youth Clubs njengenxalenye yeprogram

yeholide. Le projekthi ijolise ekubetheleleni iindlela zokucinga ezinika ithemba nokuziphatha ngendlela eyiyo ngokusa abafundi abasengozini kwizitraktsha zemfundo ezifanelekileyo nokuphuhlisa izakhono nokuphumeza iiprojekthi zabahlali zezakhono.

Zingamashumi amane anesibhozo izikolo ezitsha ezafumana iziseko zophuhliso zokhuseleko ezingundoqo (iigeyithi ezizivulekelayo (*motorized gates*); iigeyithi zokubeka esweni abahambi ngeenyawo (*pedestrian monitoring gates*); iisistim ze-alam (*alarm systems*) eziqhagamshelene kwi-armed response; iingcingo ii-barbed wire nee-mesh wire; ii-burglar bars) nezithe zaxhamla kuqeqesho lwee-peer mediators. Iingcingo kwizikolo ezisengozini zalungiswa; iikamera ii-CCTV cameras zafakwa kwizikolo ezikhethekileyo kwabonelelwa nangokhuseleko ngethuba leholide apho kuyimfuneko. Kwabonelelwa uqeqesho kwi-Occupational Health and Safety and Disaster Management, kwakunye noqeqesho kumgaqo-nkqubo wokuvavanyelwa iziyobisi. Izixhobo zokuvavanyelwa iziyobisi zabonelelwa kwiimeko ezixhomisa amehlo, ngokudibene neenkqubo zokusetsha nokuhlutha iziyobisi notywala nokubonelelwa ngeditektha ii-hand held metal detectors kwizikolo eziyi-50 ezizezinye ezikhethiweyo. Kukho izicwangciso zokuthintela ulwaphulo-mthetho zezithili zemfundo, izcwangciso zolawulo lolwaphulo-mthetho nezeeprojekthi ezithile (ukusetyenziswa gwenxa kweziyobisi notywala, uphuhliso lolutsha, ukusonjululwa kweengxabano, ulawulo lokhuseleko) ngokusebenzisana namasebe karhulumente nee-NGOs.

Ngo-2013, iSebe iWCED libambisene ne-Sixeko saseKapa naSebe i-Departments of Social Development neSebe i-Community Safety abambisana ukunika inkxaso abahlali baseManenberg ngelokuphendula isicelo sootitshala nabazali sokubonelelwa ngokhuseleko olungaphezulu ngenxa yokwanda kobundlobongela bemigewu kule ngingqi. ISebe iWCED lafaka igalelo lemali kwiSixeko ukuncedisa kwinkxaso-mali yokuqeshwa kwamapolisa esixeko eManenberg ukwenzela ukuba ahlale ekho ngamaxesho onke (*visible policing*) nokuba anike ithemba lokuba bakhuselekile abazali nootitshala. Ukuqeshwa kwamapolisa kuye kwaqhubeka yaye kube luncedo ekuzinziseni le meko. Ukongeza apho, izikolo zinemida emitsha eziingcingo ezenziwe luqulima (*new re-inforced perimeter fencing*) ezifakelwe ukubonelela ngokhuseleko.

Njengenxalenye yenkqubo kaRhulumente waseNtshona Koloni yokuthintela indlela yokuziphatha engeyiyo, nokubonelela ngemathuba amahle angamanye kulutsha, iSebe leMicimbi yeNkcubeko nezeMidlalo (*Department of Cultural Affairs and Sport (DCAS)*) liqalise amaziko azii-Sport MOD centres (*Mass participation, access to Opportunity and Development*) kwizikolo eziyi-181 kwizithili zemfundo ngokubanzi. Amaziko ayi-98 kula asekwakwizikolo eziziprayimari. Iiprogram ziqhutywa emva kokuphuma kwesikolo yaye zinika abafundi amathuba okuprekhiza imidlalo nezinye izinto zokuphuhlisa izakhono zabo. Zombini iiprogram, eye-Safe Schools neye-School Enrichment zeSebe iWCED ziyaqhagamashelana namaziko azii-MOD centres.

linjongo ezicwangciswe ngobuchule (Strategic Objectives)

Iprogram 2					
Umlinganiselo weNtsebenzo yeProgram	Impumelelo kanye kanye 2012/2013	Ihagethi ecwangcisweyo 2012/13	Impumelelo kanye Ngo-2013/2014	Iyantlukwano kwiithagethi ezicwangcisweyo ukuya kwiithagethi zempumlelo kanye kanye zango-2013/2014	Ikhomenti ngomahluko
► PPM201: Inani labafundi ababhaliswe kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo	936 534	940 000	948 595	8 595	Inani elikhulu labafundi ababhalisweyo kunelo beliqikelelwe. Eli libandakanya abo babuyela ukuphinda ibakala kwakunye nabo babhalisa eNtshona Koloni okukuqala ngqa.
► PPM202: Inani lootitshala abaqeshwe kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo	28 636	28 800	28 265	-535	Bayi-800 ootitshala absezi-ofisini abahlelwe ngokutsha phantsi kweProgram 9 nabenza ithangetho engu- 28 800. Itotali ibandakanya ootitshala abangaphezu kwemfuneko. Itotalo iyahluka ngokuqhekekayo njengoko ootitshala beyishiya inkqubo yezemfundo, bathathe ikhefu okanye baqeshwe kwezinye izithuba.
► PPM203: Inani labasebenzi abangezotitshala abaqeshwe kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo	6 556	6 900	6 007	-893	Akuzaliswa zonke izithuba. Izithuba ezingenamntu zabasebenzi abanika inkxaso kudidi lwabo bazisuphavayiza zipapapshiwe yaye ziza kuzaliswa.
► PPM204: Inani labafundi kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo abaxhamlayo kumgaqo-nkqubo "weZikolo ezingaBizi ziFizi I"	370 617	371 122	554 523	183 401	Ngenxa yesigqibo somgaqo-nkqubo, izikolo ezinye-216, kuManqanaba eNtlupheko 4 no-5, zasamkela isicelo sokuba zibe zizikolo ezingabizi zifizi. Esi sicelo sagqithiselwa kwezo zikolo zibiza iifizi zesikolo ezingaphantsi kwe-R400 ngonyaka.
► PPM205: Inani labafundi abaxhamlayo kwi-National School Nutrition Programme (NSNP)	431 998	427 526	438 883	11 357	Abafundi abongezelelweyo abafanelekileyo ababhalise kwizikolo ezifanele ukuxhamla.
PPM206: Inani labafundi abaxhamlayo kwiskim sothutho lwabafundi	50 521	50 000	50 209	209	Abafundi abongezelelweyo abafanelekileyo bebefuna ukuthuthwa ngezithuthi ukuya kwisikolo esikufutshane kubo.
► PPM207: Inani labafundi abaneemfundo zemfundo ezizodwa ababhalise kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo	6 204	7 600	6 319	1 281	Ukugqitywa komsebenzi wokuphucula ukuthembeka kwedatha ngokumalunga noku. Le yinkqubo eqhubekayo.
► PPM208: Inani lezikolo ezenza zonke iinkonzo zokufundisa ⁷	10	8	8		
► PPM209: Inani lezikolo ezihanjelwe kwakanye	1 524	1 533	1 530	-3	Inani lilonke lezikolo lihle linyuka kwiithuba elichaphazelekayo.

• ⁷ Oku kubhekiselele kwinqanaba lezikolo eziza kwakhiwa kunyaka ochaziweyo.

Iprogram 2					
Umlinganiselo weNtsebenzo yeProgram	Impumelelo kanye kanye 2012/2013	Ithagethi ecwangcisiweyo 2012/13	Impumelelo kanye Ngo-2013/2014	Iyantlukwano kwithagethi ezicwangcisiweyo ukuya kwithagethi zempumelelo kanye kanye zango- 2013/2014	Ikhomenti ngomahluko
ubuncinane ngekota ngumphathi wesekethe					Izikolo zezibheddele ezibini azikhange zihanjelwe amaxesha ama-4 ngeli thuba lichaphazelekayo. Ziyi-5 ezinye izikolo ezahanjelwayo kwikota enye ngamanye amagosa kodwa ingenguye umphathi weze-IMG ngenxa yezithuba kwisithili nakwiimeko apho izikolo zingakhange zifumane uncedo olukhulu.

Izalathi-nkqubela zeNtsebenzo

Iprogram 2					
ISalathi-nkqubela seNtsebenzo yeProgram	Impumelelo kanye kanye 2012/2013	Ithagethi ecwangcisiweyo 2012/13	Impumelelo kanye Ngo-2013/2014	Iyantlukwano kwithagethi ezicwangcisiweyo ukuya kwithagethi zempumelelo kanye kanye zango- 2013/2014	Ikhomenti ngomahluko
PPI 2.1 Ipesenti yabafundi abagcinwe kwinkqubo yesikolo ukususela kumaBakala 10 – 12	61%	62%	63%	1%	Iprogram yongenelelo ngoncedo kwizikolo ezibonise iinzuzo zoku.
PPI 2.2 Inani lezikolo ezongezelelweyo ezikhuselwe nge-alam eqhagamshelwaniswe no-armed response, ezine-burglar bars, ii-stone guards ezifestileni.	50	50	48	-2	Umsebenzi kwizikolo ezibini wagqithisela kunyaka olandelayo ngenxa yeenguqu kwizicwangciso zokwenza umsebenzi zesikolo esinye nangenxa yokuba ii-invoysi kwezinye zingafakwanga ngexesha.
PPI 2.3 Inani leebhasari ezinikwe abafundi abafanelekileyo ngokweemfuno zabo (<i>deserving students</i>), kwiminyaka emi-4 yokufunda okumiselweyo kwii-HEIs.	168	200	96	-104	Kuthathwe isigqibo somgaqo-nkqubo sokunqumamisa iprogram yebhasari yabafundi abatsha ngenxa yeprogram kazwelonke yeFunza Lushaka.
PPI 2.4 Ukungabikho kootitshala kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo kucaciswa njenge-%	3%	4%	3%	1%	Kugqithiwe kwithagethi Ukugxininisa ekuhambeni isikolo kwabafundi kuqhubekile nokuba neziqhamo.

Iprogram 2					
Isalathi-nkqubela seNtsebenzo yeProgram	Impumelelo kanye kanye 2012/2013	Ithagethi ecwangcisiweyo 2012/13	Impumelelo kanye Ngo-2013/2014	Iyantlukwano kwiithagethi ezicwangcisiweyo ukuya kwiithagethi zempumlelo kanye kanye zango- 2013/2014	Ikhomenti ngomahluko
PPI 2.5 Ukungabikho kwabafundi kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo kucaciswa njenge- %	5.61%	7%	5.96%	1.1%	Kugqithiwe kwiithagethi Ukugxininisa ekuhambeni isikolo kwabafundi kuqhubekile nokuba neziqhamo.
PPI 2.6 Inani lootitshala kumaBakala R - 12 abaya kwiprogram zoqeqesho zekharithulm ezimiseliweyo e-Cape Teaching and Leadership Institute	954	1 470	1262	-208	Ayizizo zonke izithuba zoqeqesho ezizalisiweyo ngootitshala.
PPI 2.7 Inani lamalungu eekomiti zolawulo lesikolo aqeqeshwe e-Cape Teaching and Leadership Institute	724	750	1133	383	Kwalungiselelwa amaphulo ongenelelo ngoncedo ngenxa yeemfuno ezibekho apha ekuhambeni konyaka.

Isicwangciso sokoyisa ezo nkalo ziqhuba kakubi kuzo izikolo

- Ukuqhubeka neProgram *iHigh School Program*
- Ukuqhubeka nesicwangciso sephondo ukuphucula ulwimi nemathematika
- Ukubeka esweni ukusetyenziswa kweencwadi zezifundo eklasini
- Ukuqhuba uqeqesho lootitshala oluthagethiweyo
- Ukuqhubeka ne*Maths neScience Strategy*
- Ukunika inkxaso ulawulo lwezemali ezikolweni
- Ukuqeshwa kwamagosa azii-school corporate officers
- Ukugxininisa kwi-School and District Improvement Plans kugxininiswa ngokukodwa kwireyithi zokupasa kumaBakala 1, 9, no-11.

Utshintsho kwiithagethi ezicwangcisiweyo

Alukho

Ukunxulumanisa intsebenzo nebhajethi

Inkcitho eyenzeke kwiProgram 2 ibenegalelo kwimpumelelo yezi ziphumo zingundoqo zilandelayo zeSebe iWCED:

- Ukwandisa inani lezithuba zootitshala ezabelwe amaziko lifike ku-31 031 ngo-2014
- Ukubonelela ngeencwadi zezifundo, izikhokelo zootitshala nee-core readers ukunika inkxaso ukuphunyezwa kweCAPS kwisigaba sabadala (amaBakala 7-9) neBakala 12 nesigaba sesiseko (iBakala 1-Providing Norms and Standards allocations to public ordinary schools)
- Ukubonelela ngokutya okunesondlo kubafundi abangathathi ntweni

- Ukwandiswa kweeprogram zeZikolo eZikhuselekileyo
- Ukugcina ukubuyiselwa kwezikolo intlawulo yeprogram yokuxolelwa kwabazali ekuhlawuleni iifizi
- Ukugcina iprogram yezikolo ezikhuselekileyo

Inkciitho yeprogram esekelayo

Igama leProgram esekelayo	2013/2014			2012/2013		
	Ulwabiwo – mali lokugqibela	Eyiyo kanye Inkciitho	Inkciitho eNgaphezulu /engaphantsi	Ulwabiwo – mali lokugqibela	Inkciitho eyiyo kanye	Inkciitho eNgaphezulu /engaphantsi
	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000
2.1 Izikolo eziziprayimari zikarhulumente	6,597,359	6,597,359	-	6,188,654	6,188,654	-
2.2 Izikolo ezizisekondari zikarhulumente	4,400,697	4,400,697	-	3,914,964	3,914,964	-
2.3 Uphuhliso lwezakhono zabasebenzi	86,695	86,695	-	88,468	87,634	834
2.4 Iigranti ezikhutshwa phantsi kwemiqathango ethile	296,614	278,028	18,586	275,209	259,268	15,941
Itotali	11,381,365	11,362,779	18,586	10,467,295	10,450,520	16,775

Programme 3: Independent School Subsidies



Budget Allocation		
	2009	2013
Programme 3	R48 406 000	R81 078 000

Learner Numbers			
Independent Schools			
2009	17 928	2013	18 502

4.3 Iprogram 3 : linkxaso-mali zeZikolo eziZimeleyo

Injongo

Ukunika inkxaso kwizikolo ezizimeleyo ngokungqinelana noMthetho weZikolo zaseMzantsi Afrika, 1996

Le program yeZikolo eziZimeleyo iquletse ezi program zisekelayo zilandelayo

Iprogram esekelayo 3.1: ISigaba seSiseko

ukunika inkxaso kwizikolo ezizimeleyo kumaBakala 1- 7

Iprogram esekelayo 3.2: ISigaba seSiseko

ukunika inkxaso kwizikolo ezizimeleyo kumaBakala 8-12

Injongo eCwangciswe ngoBuchule

Injongo 3.1 ecwangciswe ngobuchule	Ukunika inkxaso kwizikolo ezizimeleyo ngokungqinelana nemithetho efanelekileyo ukuqinisekisa imfundo esemgangathweni kubafundi kwezi zikolo
---	---

linjongo ezicwangciswe ngobuchule, izalathi-nkqubela zentsebenzo, iithagethi ezicwangcisiweyo nezo thagethi kufikelelweyo kuzo

Amanani obhaliso

Zonke izikolo ezibhalisiweyo ezizimeleyo eNtshona Koloni zayigqiba iSaveyi i-Annual School Survey ngo-2012 nango-2013. Ukuthatha inxaxheba kwi-CEMIS yenye yeemfuno zobhaliso zezikolo ezizimeleyo kwiphondo.

Bekukho abafundi bezikolo eziziprayimari abayi-11 387 nabayi-7 115 bezikolo eziphakamileyo ababhalise kwizikolo ezizimeleyo ezixhaswa ngezimali ngo-2013/14, ukwanda kubafundi abayi- 720 bebonke.

Iziphumo zeeMvavanyo

Inani elikhulayo lezikolo ezizimeleyo lathatha inxaxheba kwi-WCED diagnostic tests ngo-2013. Kulindeleke inani elingaphezulu kweli kwixa elizayo. NgokoMmiselo 8 (b) kwiMimiselo ePhathelele kuBhaliso lweZikolo eziZimeleyo neNkxaso-mali enikwa zona (kungabandakanywa izikolo ezizipriprayimari ezizimeleyo) kuya kufuneka isikolo esizimeleyo sithathe inxaxheba yaye siqhube kakuhle, kwii-Annual National Assessments kunye/okanye iimvavanyo zeNkqubo yemfundo zeSebe iWCED ukwenzela ukulungela ukufumana inkxaso-mali.

Ukuthatha inxaxheba nokubhala iimvavanyo zenkqubo yemfundo yeSebe iWCED kuboniswe kule theyibhile ingezantsi:

Iziphumo zeNkqubo yeMfundo kumaBakala 3, 6 & 9 ngo-2013 Iziphumo zeZikolo ezizimeleyo									
IBakala	Ulwazi lokuFunda nokuBhala /Ulwimi								
	IZikolo			Abafundi			Amanani abapasileyo (ireyithi kwizibiyeli)		
	2011	2012	2013	2011	2012	2013	2011	2012	2013
IBakala 3	54	68	75	1 721	2 001	2 072	1 241 (72%)	1 335 (66.7%)	1 365 (65.9%)
IBakala 6	47	63	62	1 435	1 714	1 763	1 161 (81%)	1 347 (78.6%)	1 319 (74.8%)
IBakala 9	32	47	46	1 331	2 028	1 876	1 161 (87%)	1 771 (87.3%)	1 649 (87.9%)
IBakala	Ulwazi lokuBala/iMathematika								
	IZikolo			Abafundi			Amanani abapasileyo (ireyithi kwizibiyeli)		
	2011	2012	2013	2011	2012	2013	2011	2012	2013
IBakala 3	54	68	75	1 722	2 002	2 072	1 386 (80%)	1 482 (74%)	1 585 (76.5%)
IBakala 6	47	63	62	1 433	1 714	1 764	1 017 (71%)	1 111 (64.8%)	1 175 (66.6%)
IBakala 9	32	47	46	1 327	2 024	1 878	617 (46%)	914 (45.2%)	843 (44.9%)

Iziphumo zezikolo ezizimeleyo kwiSatifikethi seMatriki sikaZwelonke ngo-2013 zezi zilandelayo:

Iziphumo zeNSC kwizikolo ezizimeleyo zeNtshona Koloni: 2013				
Ababhalayo	Inani labapasileyo	Ipesenti yabapasileyo	Zeengingqi (B. Abangene kwisiDanga soKuqala)	% (abangene kwisiDanga soKuqala)
2405	2 232	92.81%	1 573	65.41%

Uphuhliso lootitshala

Ootitshala kwizikolo ezizimeleyo baya koomasifundisane bekharityhulam abohlukeneyo nabaququzelelwa zii-ofisi zezithili zemfundo zeSebe iWCED. Ootitshala bezikolo ezizimeleyo nabo baqeqeshwa kwiCAPS.

Inkxaso enikiweyo

Kwatyelelwa izikolo ezizimeleyo eziyi-134 ukuzibonelela ngenkxaso kulawulo, kwikharithulam nenkxaso ekuphathweni kwazo apha ekuhambeni konyaka ka-2013/14.

Ukongeza apho, kumsebenzi owenziwa qho ngonyaka ukulungiselela le njongo, ikomiti yamagosa ayi-26 eSebe iWCED yatyelela izikolo eziyi-130 ngoMatshi 2014 yaza yakungqinisisa ukuthobela okufanelekileyo ngokumalunga noku:

- Ukuthotyelwa kweSaveyi (*Survey compliance*) - Annual School Survey (ASS) ne-Snap Survey (SS)
- I-akhredithyishini ka-Umalusi
- Ukuthotyelwa kwezemali (*Financial compliance*)—inkxaso-mali nokufumaneka kweengxelo zokuphicothwa kweencwadi
- Ukwanela nokuba nezibonelelo ngokufanelekileyo kwamagumbi okufundisela
- Ukufundiswa kwekharityhulam
- Ukwanela nokuchaneka kwe-LTSM (*Learning and Teaching Support Materials (LTSM)*)

- Ubhaliso kwiSACE
- Ukubakho kwabasebenzi emsebenzini
- Ii-Performance Management Systems
- IProgram yophuhliso lwabasebenzi
- Iziphumo zeemvavanyo zenkqubo yezemfundo zeSebe iWCED zamaBakala 3, 6 no- 9 zango-2012

Imo engundoqo yenkxaso ebonelelelweyo kwizikolo ezizimeleyo ziinkxaso-mali (*subsidies*). Iinkxaso enikwa izikolo ezizimeleyo ihlawulwa ngamanqanaba ka- 60%, 40%, 25%, 15% okanye 0% enkciitho yephondo eqikelelweyo kubafundi (*provincial per capita expenditure for learners*) (PAEPL) kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo. I-PAEPL yango-2013/14 yaba yi-R10 758 (Izikolo eziziPryimari) ne-R12 669 (Izikolo ezizisekondari) ngokulandelelanayo. ISebe iWCED lihlawule iinkxaso-mali kwizikolo eziyi-101, ebandakanye izicelo ezitsha zezikolo. Iintlawulo zezniwa ngexesha nangokungqinelana nemithetho efanelekileyo.

ISebe iWCED likhuthaza zonke izikolo ezizimeleyo ezixhaswa ngemali zikuthathele ingqalelo ukusetyenziswa kwezixa zenkxaso-mali zazo zeLTSM (60%); iimbophelelo zikamasipala (*municipal obligations*) (20%) neemfanelo zokwenziwa komsebenzi (operational needs) (20%).

ISebe iWCED likwaqhube uphando ngezikhaziso ezivela kuluntu/kubazali ezimalunga nokuqhuba kakubi kwizifundo, ulawulo olukumgangatho ophantsi, iifizi zesikolo nokuqhuba kwesikolo njengeziko elingabhaliswanga. Intlanganiso neenqununu nabanini bezikolo ezizimeleyo ezixhaswa ngezimali ngoFebruwari 2014 kwaxoxwa ngokuqhuba kakubi kwazo kwakunye nangezityholo zezenzo ezingekho mthethweni. Izikolo eziqhuba kakubi zacelwa ukuba zinike izicwangciso zokuphucula umgangatho neethagethi.

Kwintlanganiso neDBE no-Umalusi, ayayibanjwe ngoMatshi 2014, kwaxoxwa ngokuqhagamshelanisa iinkqubo zobhaliso ne-akhreditheyishini yezikolo ezizimeleyo. Kule ntlanganiso kwakukho izitraktsha ezimele izikolo ezizimeleyo ezininzi eMzantsi Afrika.

linjongo ezicwangciswe ngobuchule (Strategic Objectives)

Iprogram 3					
Umlinganiselo weNtsebenzo yeProgram	Impumelelo kanye kanye 2012/2013	Ithagethi ecwangcisweyo 2012/13	Impumelelo kanye Ngo-2013/2014	Iyantlukwano kwithagethi ezicwangcisweyo ukuya kwithagethi zempumelelo kanye kanye zango-2013/2014	Ikhomenti ngomahluko
► PPM301: Inani labafundi abafumana inkxaso-mali kwizikolo ezizimeleyo	17 782	19 300	18 502	-798	Inani lango-2013 lingaphezulu kunelango-2012 kodwa amanani akakhange enyuke afike kwinani ebeliqikelelwe. Ubhaliso kwizikolo ezizimeleyo ngumba wesigqibo sabazali yaye iSebe alinako ukuwulawula ngokwalo.

Isicwangciso sokoyisa ezo nkalo ziqhuba kakubi kuzo izikolo

- Ukubonelela ngenkxaso efanelekileyo eyandisiweyo kwizikolo ezifumene ngaphantsi kwe-avareji yephondo yeNSC kwiZikolo eziZimeleyo.
- Ukunika inkxaso kuzo zonke izikolo eziZimeleyo.
- Ukubeka esweni yonke imibuzo okanye izikhalazo malunga nokuphunyezwa kwemimiselo njengomba ongxamisekileyo.

Utshintsho kwiithagethi ezicwangcisiweyo

Alukho

Ukunxulumanisa intsebenzo nebhajethi

Inkcitho eyenzeke kwiProgram 3 ibenegalelo kwimpumelelo yezi ziphumo zingundoqo zilandelayo zeSebe iWCED:

- Ukwandisa nokuphucula iinkxaso-mali ezinikwe izikolo ezizimeleyo.

Inkcitho yeprogram esekelayo

Igama leProgram esekelayo	2013/2014			2012/2013		
	Ulwabiwo -mali lokugqibela	Inkcitho eyiyo kanye	Inkcitho eNgaphezulu/engaphantsi	Ulwabiwo -mali lokugqibela	Inkcitho eyiyo kanye	Inkcitho eNgaphezulu/engaphantsi
	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000
3.1 Isigaba sePrayimari	47,329	47,329	-	35,406	35,406	-
3.2 Isigaba seSekondari	37,319	37,319	-	36,915	36,915	-
Itotali	84,648	84,648	-	72,321	72,321	834

Programme 4: Public Special School Education



Learner numbers	
2009	17 866
2013	19 876

5% of the budget is allocated to this programme

2009 Pr 4 personnel expenditure as a % of total	2013 Pr 4 personnel expenditure as a % of total	2009 Pr 4 Average personnel expenditure per employee (R'000)	2013 Pr 4 Average personnel expenditure per employee (R'000)	2009 Pr 4 Number of employees	2013 Pr 4 Number of employees
4.56	4.91	177.45	263.56	2 730	2 875

4.4 IProgram 4: IMfundo yeSikolo esineeMfuno zeMfundo eziZodwa sikaRhulumente

INjongo:

Ukunika imfundo karhulumente enyanzelekileyo kwizikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa ngokungqinelana noMthetho weZikolo waseMzantsi Afrika, ka-1996, neWhite Paper 6 emalunga neSpecial Needs: Building an Inclusive Education and Training System

Iprogram yeMfundo yeSikolo esineeMfuno eziZodwa inezi program zisekelayo zilandelayo:

Iprogram esekelayo 4.1: Izikolo

ukunika izikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa izibonelelo zoncedo

Iprogram esekelayo 4.2: Iinkonzo zootitshala

ukunika ootitshala nabafundi abakwizikolo zemfundo ezineemfuno ezizodwa iinkonzo zokunika inkxaso ezilawulwa lisebe lemfundo

Iprogram esekelayo 4.3: UPuhliso lweZakhono zaBasebenzi

Ukunika uqeqesho lomsebenzi nolunye upuhliso lootitshala nabasebenzi benkonzo karhulumente abakwizikolo zikarhulumente zemfundo eneemfuno ezizodwa

Iprogram esekelayo 4.4: IiGranti eziKhutshwa phantsi kweMiqathango

Ukunika iziseko zophuhliso kwizikolo zikarhulumente zemfundo eneemfuno ezizodwa

INjongo eCwangcisiweyo

INjongo eCwangcisiweyo 4.1	Ukwandisa uthatho-nxaxheba lwezifundo nezentlalo lwabo bonke abafundi kwinkqubo elandelwayo nekharityhulam yamaziko emfundo kwanokunciphisa izithintelo kwimfundo (<i>Education White Paper 6</i>)
-----------------------------------	--

linjongo zobuchule, izalathi zentsebenzo, iithagethi ezicwangcisiweyo nempumelelo kanye-kanye

Ubhaliso lwabafundi

ISebe leMfundo belinezikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa eziyi-74 ngo-2013, zinabafundi abayi-19 876 abaneemfuno zemfundo ezizodwa. NgoNovemba izikolo ezithathu, oko kukuthi iAcademy of Maths and Science; iSports School and COSAT, ezazichazwe njengezikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa, ziye zachazwa kwakhona njengezikolo eziqhelekileyo,

IziPhumo zoVavanyo lweZikolo zeMfundo eneemfuno eziZodwa

Ngo-2013, kwakukho abaviwa abayi-244 abavela kwizikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa ababebhale iSatifikethi seMatriki sikaZwelonke abanereyithi yokupasa xa iyonke engu-89.34%. Abayi-45.41% wabo bapasileyo baye bakulungela ukwamkelwa ukufundela isiDanga sokuQala.

UPhuhliso lweZakhono zooTitshala

Amaxwebhu omgaqo-nkqubo nesikhokelo esiphathelele kwiMfundo eneeMfuno eziZodwa kunye neMfundo eBandakanya bonke aBafundi kwaye kwabonelelwa ngawo ngo-2013 kuzo zonke iZikolo zeMfundo eneeMfuno eziZodwa nakubasebenzi bokuNika iNkxaso beMfundo eneeMfuno eziZodwa (*district-based Specialised Learner and Educator Support staff*).

Uqeqesho lootitshala abakwizikolo eziqhelekileyo ukuqaphela nokujongana neemfuno zemfundo ezahlukeneyo/izithintelo kwimfundo/izinto ezisilelayo zemfundo kwaye kwabonelela ngalo ngabasebenzi beeNkonzo zokuNika iNkxaso kwiMfundo eneeMfuno eziZodwa. Oku kwakubandakanya uqeqesho lootitshala kwiinkqubo zongenelelo ngoncedo lokuthintela kwizifundo zeelwimi nemathematika ezinjengezo zabafundi beBakala R neBakala 1. Iinkqubo zongenelelo ngoncedo zaye zaqatshelwa kwaza kwenziwa okanye kwaqeshwa ngemvumelwano umboneleli-nkonzo wangaphandle ukunika uqeqesho lwezifundo umz. *reading recovery, trauma counselling* nokuthintela ukuzibulala.

Inkxaso enikiweyo

Unyaka ka-2013 wamiselwa liSebe iDBE njengoNyaka wokuBandakanya bonke aBafundi kwiMfundo (*Year of Inclusion*). Inkxaso eqhubeka okokoko yaseNtshona Koloni ibonelela ngenkxaso ekwiqondo elisezantsi kwizikolo eziqhelekileyo/kwizikolo ezibandakanya bonke abafundi, inkxaso ekudidi oluphakathi kwizikolo ezibonelela ngenkonzo epheleleyo/kwizikolo ezibandakanya bonke abafundi nenkxaso ephezulu kwiZikolo zeMfundo eneeMfuno eziZodwa. Kwanikwa ingqwalaselo ekwandisweni ngaphezulu kwemfundo ebandakanya bonke abafundi nokusekwa kwezitratksha zokunika inkxaso eziqinisekisa ukufikeleleka kakhulu kwimfundo kwabafundi abafumana izithintelo kwimfundo, ngokusebenzisa izinto onokuzikhetha ezahlukeneyo ezingaphakathi kwimfundo eneemfuno ezizodwa zikarhulumente nakwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo.

Ugxininiso ngo-2013/14 lwalusekumiselweni kwemigaqo yokwandiswa nokomelezwa kweMfundo eBandakanya bonke aBafundi kwiminyaka ezayo. Ugxininiso lwalusekuphunyezweni ngokuqhubekayo kwesicwangciso esiphangaleleyo esineengongoma ezilishumi seSebe iWCED sokomeleza inkxaso yemfundo eneemfuno ezizodwa, evunyiwe ngokusemthethweni ngo-2011.

Ngo-2013/14 iSebe iWCED laphumeza esi sicwangciso

- (1) ngeekomiti zokunika inkxaso ezikwizithili nakwiisekethe, ezibandakanya iisayikholojisti, oonontlalontle, abacebisi bokunika inkxaso kwizifundo kwizikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa
- (2) ukomelezwa kwezikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa eziyi-24 ukuba zibe ngamaziko abonelela ngoncedo (*resource centres*)
- (3) ukunika inkxaso kwiiyunithi zeELSEN/kwiiKlasi eziBonelela ngoNcedo kwizikolo zikarhulumente eziyi-108.
- (4) ukutshintshwa kwezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo eziyi-40 zibe zizikolo ezibonelela ngenkonzo epheleleyo/izikolo ezibandakanya zonke izikolo
- (5) ukusekwa kweekomiti ezisezikolweni zokunika inkxaso.


Inkxaso enikwa iZikolo zeMfundo eneeMfuno eziZodwa

I-Education White Paper 6: Building an Inclusive Education and Training System ihlaba ikhwelo lokuphuculwa ngokusemgangathweni kweZikolo zeMfundo eneeMfuno eziZodwa yabafundi

ababafundisayo notshintsho olwenziwa ngokwamanqanaba ngamanqanaba ukuya kutsho kumaZiko aBonelela ngoNcedo eZikolo zeMfundo eneeMfundo eziZodwa abonelela ngenkxaso kwizikolo ezisebumelwaneni kwaye zidityaniswe zaziikomiti zezithili ezibonelela ngenkxaso.

I-Education White Paper 6:

ingcaciso engumfanekiso elapha ngasezantsi icacisa inkxaso eqhubeka okokoko yaseNtshona Koloni:




Ngo-2013/14 iiprofayili zazo zonke izikolo zeMfundo eneeMfundo eziZodwa zaye zaziswa, ukuqinisekisa inkxaso nezibonelelo zoncedo ezifunekayo. Idatha yayithathwe kwiNational Audit of Special Schools yaza yongezelelwa ngedatha yeSebe iWCED. IBhajethi yaye yabiwa ukulungisa ingxaki yeenkonzo ebezisilela ngokweemfundo ezaziqatshelwe.

Ngo-2013, iSebe iWCED layila ithemphleyithi yoluhlu lwabalindileyo efanayo (standardised waiting list template) ekwakubonelelwe ngayo kuzo zonke izikolo zeMfundo eneeMfundo eziZodwa. Kwaye kwenziwa iziko ledatha ukufaka ingcaciso ekhompuytheni yazo zonke iinkonzo zokudlulisela abafundi kwiingcali kwisithili ngasinye, kwisekethe nganye, kwizikolo ngasinye nakwigosa ngalinye kwaye ezi phatheni zeenkqubo zokudlulisela abafundi kwiingcali (referral patterns) ziyacazululwa ukwenzela ukugxininisa kwiinkqubo zongenelelo lokuthintela nakumba wokwamkelwa ngokufanelekileyo kwabafundi.

Izicelo eziyi-6 144 zokwamkelwa kwabafundi kwiZikolo zeMfundo eneeMfundo eziZodwa yayenziwe ngo-2013. Kwenziwe unonophelo olulodwa lokuvavanywa kwezicelo ukuqinisekisa ukuba kuphela ngabafundi abaneemfundo zenkxaso ekumgangatho ophezulu bamkelwe kwizikolo zeMfundo eneeMfundo eziZodwa. Kwaye kwabanjwa iintlanganiso qho zokwenza uluhlu lwabafundi kwaye kuya kubakho iirivyu zaqho ngonyaka zokwamkelwa kwabafundi

ukujonga ukuba kukho abafundi ekufuneka ukuba bafakwe kwizikolo ezibandakanya bonke abafundi.

Zonke izicelo eziya kwiZikolo zeMfundo eneeMfuno eziZodwa kwixesha elizayo kuya kufuneka ukuba zibandakanye uxwebhu iLevels of Support olusekelwe kwiScreening, Identification, Assessment and Support (SIAS) ehlaziye ngokutsha. Le theyibhile ilapha ngezantsi ibonisa inkqubo yeSIAS yokungqinelanisa imfuno kunye neprogram.



Inkxaso ebhekiswa, nekwabonelelwa, ngamaZiko aBonelela ngoNcedo eZikolo zeMfundo eneeMfuno eziZodwa

Kukho iZikolo zeMfundo eneeMfuno eziZodwa eziyi-24 ezimana ukutshintshwa ngokwandayo zibe ngamaZiko aBonelela ngoNcedo eZikolo zeMfundo eneeMfuno eziZodwa kunye neekomiti zeengcali ezikumaZiko aBonelela ngoNcedo eZikolo zeMfundo eneeMfuno eziZodwa. IZikolo zeMfundo eneeMfuno eziZodwa ezi-3 ziye zabonelela ngabasebenzi bokufikelela kubafundi abaneemfuno zemfundo ezizodwa.

IZikolo zeMfundo eneeMfuno eziZodwa ezingenazikomiti zokufikelela abafundi bemfundo eneemfuno ezizodwa ziye zanceda izikolo ezikufutshane ngokuzenzela oomasifundisane, iiklinikhi esikolweni, njl. njl. Isikolo iMary Kihn for the Deaf, umzekelo, siye sabonelela ngeeklinikhi zaqho emva kwemini kubafundi abanokhubazeko lokuva abavela kwizikolo ezingqongileyo.

Inkxaso kubantwana abakhubazeke ngokugqithisileyo nabantwana abakhubazeke ngokuqaphelekayo

Ngo-2013, iikomiti ezine zaye zanika inkxaso ngokungesosigxina kumaZiko okuNonophela aneeMfuno zeMfundo eziZodwa ayi-47 abhalisiweyo anokhubazeko olugqithisileyo nokhubazeko oluqatsheleyo ngokwasengqondweni (severe and profound intellectual disabilities). Kwenziwe imigaqo ekuvunyelweneyo ngayo yokunika inkxaso ngentsebenziswano phakathi kwamaSebe eMfundo, ezeMpilo, ezoPhuhliso lweNtlalo, ezoThutho nezeMisebenzi kaRhulumente, kwangokunjalo noNondyebo. Inkxaso ibandakanya ukwenziwa kweprogram zokukhuthaza ukusebenza kweziva-mvo (stimulation programmes), kunye nezibonelelo zoncedo; ukuqhutywa koomasifundisane babaphathi bamaziko, abanonopheli (carers) nabazali malunga neemeko zokhubazeko kunye namacebo okusingatha iimfuno ngokwasemzimbeni, ngokwezemfundo nangokwasengqondweni

nasentlalweni kwabantwana kwakunye neemvavanyo kunye neenkqubo zokugqithisela abafundi kwiingcali (*referrals*) abangafakwanga ngokufanelekileyo nabafuna ukugqithiselwa kwiZikolo zeMfundo eneeMfuno eziZodwa.

Inkxaso enikwa izikolo eziBonelela ngeNkonzo ePheleleyo/Izikolo ezibandakanya bonke abafundi kwimfundo

Esinye sezicwangciso eziphambili ekwenziweni kwesistim enye yemfundo ebandakanya bonke abafundi apho bonke abafundi bafikelelayo kwinkxaso baya kuba ngabezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ezifumana ukutshintshwa ngokwezigaba kwisithili ngasinye/kwisekethe nganye/kwiklasta nganye ukuya kutsho kwizikolo ezibonelela ngenkonzo epheleleyo/izikolo ezibandakanya bonke abafundi. Iqela lokuqala lezikolo ezamkela abafundi abaneemeko ezifanayo kwizikolo ezibonelela ngenkonzo epheleleyo ziya kuba ngumzekelo onguwo zize zihlahle indlela kwizikolo/kumaziko ukuba ekugqibeleni abe ngamaziko abandakanya bonke abafundi.

Kwaqatshelwa izikolo eziqhelekileyo ezingamashumi amane ukwenzela ukuzitshintsha ngokwezigaba ngezigaba ukuba zibe zizikolo ezibonelela ngenkonzo epheleleyo/zibe zizikolo ezibandakanya bonke abafundi. Ii-ofisi zezithili zemfundo zaye zanikwa uluhlu lokutshekisha ukuqaphela izikolo ezifanele ukutshintshwa kwaza kwenziwa isicelo kwaNdlunkulu sokubhaliswa kwezi zikolo. UPuhliso lweZakhono zaBasebenzi kwezi zikolo luya kuqala ngo-2014/2015.

Zizikolo eziyi-108 kwiphondo "ezineeklasi zeeyunithi", ezinika inkxaso eyodwa eyongezelelweyo. Ezi klasi zeeyunithi zimana ukutshintshwa ngokwezigaba ngezigaba ukuba zibe "ziiklasi zokubonelela ngoncedo" (*"resource classes"*) ezinika inkxaso kubafundi abanemfundo yenqanaba eliphakathi yenkxaso kodwa kwakhona zinguvimba woncedo kubo bonke ootitshala abafuna ingcebiso nabafundi abasesikolweni abafumana izithintelo ekufundeni.

Amanani amakhulu abafundi abaneemfundo ezikumgangatho osezantsi ukuya kutsho kwezikumgangatho ophakathi ngobunzulu (*low to moderate intensity support needs*) zifumana inkxaso kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo nakwiZikolo eziBonelela ngeNkonzo eziPheleleyo/ kwiZikolo eziBandakanya bonke abafundi apho iimfuno zemfundo zabo zinokufezekiswa khona kweli nqanaba. Kuye kunikwe inkxaso eyongezelelweyo yenkxaso yemfundo eneemfundo ezizodwa ebandakanya iisayikholojist zezikolo, oonontlalontle kunye nabacebisi bezifundo kumaziko (*learning support advisors*) kunye ne-*Inclusive Education Outreach teams*), ngokusekelwe kwiiMfuno zeMfundo eziZodwa/kumaziko aBonelela ngoNcedo amiselweyo (*designated Special School/Resource Centres*).

Inkxaso enikwa izikolo zaBaziimfama naBazizithulu

Ugxininiso olulodwa ngo-2013/14 lwalukwiZikolo zeeMfama naBazizithulu. Izikolo i*Pioneer and Athlone Schools for the Blind* ziye zafumana ithekhinoloji ukuququzelela ukufikelela kwizixhobo zokuxhasa ukufunda nokufundisa iBraille. Esi sixhobo sitsha sibandakanya i-*e-Braille portable computers* ezinokusetyenziswa ngabafundi ukufunda iincwadi zezifundo ekhompuytheni ngebraille, phakathi kwezinye izixhobo. Abafundi banako kwakhona ukumamela iteksti eyintetho eyenziwe ekhompuytheni wandule ukubrawuza i-intanethi. ISebe iWCED libonelele ngeenguqulelo zezixhobo zokufunda nokufundisa ezifanelekileyo ezifumanekayo, kubandakanywa iincwadi zezifundo ukunika inkxaso ekusetyenzisweni kweNkcazelo yoMgaqo-nkqubo weKharithulam noVavanyo (*Curriculum and Assessment Policy Statement*) (CAPS).

Kwaphandwa ngeqela lezixhobo ze*Alternative and Augmentative Communication Devices* (AAC) ukwenzela abafundi abafuna izixhobo zokubancedisa ukufikelela kwikharithulam. IiTheraphisti zeZithili ziqaphele izikolo zeZithili ezifanelekileyo apho iyunithi enezixhobo ze-ACC inokusekwa. La maziko aya kulungiselela ukuqatshelwa kwesona sixhobo singcono kakhulu seemfuno zomfundi.

ISebe iWCED lagqiba ukuba lenze iphulo elisalingwayo leminyaka emithathu lokuqaliswa kwe*South African Sign Language* (SASL) njengesifundo ngo-Oktobha 2013. I-*De la Bat Special School Resource Centre* yayisindleke le projekthi yephondo ye*South African Sign Language*. Ubugcisa obufunyenweyo kuye kwabelwana ngabo nezinye izikolo zeZithulu kwiphondo kusetyenziswa iSASL njengoLwimi lokuFunda nokuFundisa (*Language of Learning and Teaching*) (LoLT)). Iziphumo kwakhona ziye zafakwa kwiprojekthi yeDBE SASL kazwelonke eyayiqale ngo-2013. Izixhobo zokuXhasa ukuFunda nokuFundisa ezazenzelwe le projekthi ngoku zisetyenziswa kuzo zonke izikolo zeZithulu kwiphondo kunye neSASL njengeLOLT. ISebe iWCED liqhuba iphulo elisalingwayo leSebe iWCED kwiSigaba seSiseko nakwiBakala 8 ngo-2014 ukulungiselela ukusetyenziswa kwaso kuzwelonke ngo-2015.

Amaqela okunika inkxaso kumacandelo

Ngo-2013/14, iintlanganiso zamacandelo zeZikolo zeMfundo eneeMfuno eziZodwa eziqhubeka kabini ngonyaka zazibanjelwe amaqela okhubazeko olwahlukeneyo ukwenzela ukuququzelela, ukumisela umgangatho ofanayo, ukwabelana ngeyona nkqubo isebenza kakuhle kunye nezinto ezisandula ukwenzeka kumacandelo eemfuno zemfundo ezithile. Iintlanganiso zamacandelo zeMfundo eneeMfuno eziZodwa ezilishumi elinambini zaye zabanjwa ngonyaka ngamnye, ezimbini kwintlanganiso nganye yayeyaBaziimfama, yayeyaBazizithulu, yayeyabane-*Autism Spectrum Disorder*, i-*Neurological Disabilities*, i*Severe Intellectual Disability and Schools of Skills* sectors).

Ukubonelela ngeFET kubafundi abane-cerebral palsy kunye nokhubazeko ngokwasemzimbeni

Kwahlolwa izikolo ezithathu ukuqonda ngokufaneleka kwazo ukuqalisa iiklasi zeFET ukuhlangabezana nemfuno. I-Eros yaye yaqatshelwa njengesona sikolo sifanelekileyo kwaza kwenziwa amalungiselelo ayo ukwenzela abafundi beBakala 10 ukususela ngo-2014.

Inkxaso enikwa kwiZikolo zeZakhono

Amagosa nabasebenzi abavela kwiZikolo zeZakhono baqulunqe ikharithulam ekumgangatho ofanayo, evunyele izikolo zeZakhono. Amagosa nootitshala abakhethiweyo beZikolo zeZakhono bamenyiwe ukuba babe yinxalenye yekomiti ejongene nomsebenzi kazwelonke wokuqulunqa iikharithula zeZikolo zeZakhono zikazwelonke ukwenzela ukuba zivunye ngokusemthethweni yi-Umalusi. Iikharithula yezakhono zobugcisa eziyi-21 yenziwa yagqitywa lwaqhubeka noqeqesho lootitshala.

Ukunika inkxaso ngokusebenzisa uvavanyo lwesikolo siphela

UVavanyo lweSikolo siPhela lwaqhutywa kwiZikolo zeMfundo eneeMfuno eziZodwa ngo-2013/14. Ukongeza kwiikhrayitheriya ezazivavanywe kwizikolo eziqhelekileyo, umsebenzi weenkono zokunika inkxaso kwimfundo eneemfuno ezizodwa waye wenziwa. Oku kwaye kwalandelelwa ngamagosa kwaza kwafakelwe izilungiso kwiziCwangciso zoPhuculo lweSikolo njengoko kwakucetyisiwe. Ukusebenza kakuhle kwenkqubo ezikolweni kwaye kwasasazwa ngokunjalo.

Ukunika inkxaso yobudlelane phakathi kwamasebe karhulumente namacandelo ahlukeneyo Ubudlelane phakathi kwamasebe karhulumente bubandakanya intsebenziswano neSebe lezeMpilo malunga ne*Integrated School Health Programme*), ukuKhuthaza ezeMpilo nokuphuculwa kweemnyu ze*National School Nutrition Programme* nentsebenziswano kunye

neSebe loPhuhliso lwezeNtlalo ngokumalunga nabantwana abakhubazekileyo kunye nolutsha olungekho sezikolweni.

ISebe lezeMpilo neSebe leMfundo kwakhona liye langena kwintsebenziswano ukuphumeza iProgram yezeMpilo yeSikolo eDityanisiweyo. Le phakheji yenkonzo ibandakanya unonophelo nenkxaso yemisebenzi yokufunda nokufundisa/imisebenzi yokukhuthaza ezempilo, ukuskrinwa nokuvavanywa kwabafundi, ukulawulwa kwezigulo zempilo kwanokuthintelwa kwezifo.

ISebe iWCED kwakhona lincedise iSebe lezeMpilo kwiprogram ye*Human Papilloma Virus vaccination programme*, elugonyo lokuthintela umhlaza wesibebeke. Iprogram yogonyo yeHPV ijoliswe kumantombazana aselula kwiBakala 4, abaneminyaka eyi-9 okanye ngaphezulu, kuzo zonke izikolo zikarhulumente. Ugonyo ngo-2014 lwaye lwaqhubeka ngeenyanga zikaMatshi noEpreli. Amaqaba esibini anikwa kwiinyanga ezintandathu aya kunikwa ngenyanga kaSeptemba no-Oktobha 2014. Ugonyo olu lwalusenziwa ziinesi zezempilo zesikolo, zaza iinesi ezikwizikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa zancedisa kwizikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa. Iifom zokunika iimvume zokugonyo ze-HPV namaxwebhu engcaciso aye athunyelwa ezikolweni phambi kokwenziwa kokuba luqhubeke ugonyo.

Zonke izithili zaqeqeshwa kwiProgram yezeMpilo yeSikolo eDityanisiweyo eyaye yanika iisayikholoji, iitheraphisti nootitshala ukuqaphela okanye ukufumana ingcaciso malunga nezithintelo ezinxulumene nezempilo kwimfundo kwanokubonelela ngeeprogram zongenelelo ngoncedo usingatha izithintelo. Iinkcukacha-manani zabafundi ababeskriniwe zaye zafunyanwa zivela kwiSebe lezeMpilo. ISebe iWCED lilandelela iinkqubo zokugqithiselwa kwabafundi kwiingcali (*referrals*).

Ikomiti yokuququzelela intsebenziswano ngokwamacandelo (*inter-sectoral co-ordinating committee*) namasebe karhulumente kunye nabathathi-nxaxheba yayisekwe ngokomgaqo-sikhokelo kazwelonke wokuNonophela nokuNika iNkxaso ukuFunda nokuFundisa (*National Care and Support for Teaching and Learning (CSTL) framework*). I-CSTL liphulo le*South African Development Community initiative*) ngenjongo yokufezekisa amalungelo ezemfundo abo bonke abantwana ngokuba izikolo zibe ngamaziko abandakanya bonke abafundi okufunda, okunonophela nokunika inkxaso. I-CSTL yimpendulo ephangaleleyo, eququzelelweyo, abandakanya amacandelo amaninzi ukusombulula izithintelo ekufundeni nasekufundiseni. Asiyoprogram intsha, kodwa inika umgaqo-sikhokelo obalulekileyo ukwenzela iiprogram ezikhoyo zokunika inkxaso. ISigaba 1 soqeqesho lwamagosa se-CSTL sephondo saqhubeka ngo-2013/2014 lwaza uqeqesho lwesigaba 2 lwezikolo lwaqhubeka ngo-2014/2015.

Iintlanganiso eziqhubeka okokoko zaye zabanjwa ne*Department of Health Western Cape Rehabilitation Centre*, ukunceda ekwamkelweni kwabafundi ababekhululwe ezibhedlele emva kweengozi, njl. njl. Iingxoxo malunga neekheyisi zaye zalungiselelwa kunye neesayikholoji, iitheraphisti kunye noogqirha ukugqiba ngeyona ndlela ingcono kakhulu yokuhamba isikolo yaba bafundi.

Kuye kwakho intsebenziswano nabasebenzi beSebe lezeMpilo malunga nempilo ngokwasengqondweni. Kwenziwe ikhweshine ukuqiniseka malunga nemeko yezempilo ngokwasengqondweni kwabafundi beBakala 8. Esi sixhobo sinokusetyenziswa xa kuqaliswa inkqubo yokuskrina ye-*Integrated School Health Programme* kubafundi beBakala 8. Ngoku ugxininiso lwe-*ISHP* lusekuskrinweni kwabafundi bebakala 1. Njengoko iSebe lezeMpilo liqesha abasebenzi abongezelelweyo, amabakala 4 no-8 aya kubandakanywa njengenxenye yokuqaliswa ngokukhulayo kwe-*Integrated School Health Programme*. Kuza kwenziwa kwakhona isixhobo sokuskrina impilo ngokwasengqondweni yabafundi abaselula.

ISebe iWCED limelwe kwiCommunicable Diseases Committee yephondo ukwazisa iSebe lezeMpilo ngazo naziphi na iikheyisi eziqaphelekayo zezifo ezosulelekayo ezikolweni lize lifumane ingcaciso yezikolo nezithili malunga nokusingathwa kwezi kheyisi. Iintlanganiso zibanjwa kabini ngonyaka naxa kukho imeko yongxamiseko ethile. Iikheyisi ze*tuberculosis*, *iHepatitis A* ne*bacterial meningitis* zaxelwa kwiSebe lezeMpilo ngo-2013/2014

liNjongo eziCwangciswe ngoBuchule

IProgram 4						
UMlinganiselo weProgram yeNtsebenzo	Okwenziweyo kanye ngo-2013/2014	Okwenziweyo eSwangcisiweyo ka-2013/2014	Okwenziweyo kanye ngo-2013/2014	Okwenziweyo kokwenziweyo kanye ngo-2013/2014	Ukufunxa kwithagethi ecwangcisiweyo ukuya kutsho kokwenziweyo kanye ngo-2013/2014	Ikhomenti malunga nezitenxo
► PPM401: Inani labafundi ababhaliswe kwizikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa	19 884	19 470	19 876		406	Kugqithisiwe kwithagethi. Ithagethi yayimiselwe phambi kwesaveyi yaqho ngonyaka yokuphela konyaka kwizikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa ibe nokugqitywa yaza yenza ingqikelelo eNgaphantsi yobhaliso lwabafundi ebingunobangela wokwandiswa kwezikolo zezakhono kunye nezibonelelo zonedo zabo bane- <i>autism spectrum</i> .
► PPM402: Inani lootiishala abaqeshwe kwizikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa	1 860	1 800	1 872		72	Itotali ye-1872 ibandakanya izithubo zootiishala eziyi-95 kwii <i>Youth Care Centres</i> ezinabafundi bazo ababeza kutshintshelwa kwiSebe lezoPhuhliso loLuntu ukususela nge-1 Epreli 2013. Azizaliswanga zonke izithuba.
► PPM403: Inani labasebenzi abangezotitshala abaqeshwe kwizikolo zikarhulumente zemfundo eneemfuno ezizodwa	971	997	1 003		6	Inani u-1003 ligqithisile kwithagethi ngenxa yenyano yokuba kukho abasebenzi bakarhulumente abayi-85 abaphawulwe njengabagqithisileyo kwizithuba zabaqeshiweyo kwii <i>Youth Care Centres</i> , apho abafundi babeya kutshintshelwa kwiSebe loPhuhliso lwezeNtlalo nge-01 Epreli 2013. Azizaliswanga zonke izithuba.

Icebo lokoyisa iinkalo zentsebenzo engekho semgangathweni

- Singatha iimfuno zokwamkelwa kwabafundi abaneemfuno zemfundo ezizodwa ngobuchule
- Qiniseka ukuba ootitshala abakwizikolo ezamkela bonke abafundi baxhotyiswe kakhulu ngokusingatha iimfuno zemfundo zabo bonke abafundi
- Uqeqesho kugxininiswa koku:
 - Abasebenzi beMfundo eneeMfuno eziZodwa abakwiindidi ezahlukeneyo zokhubazeko
 - Abasebenzi beZikolo zeZakhono malunga nekharityhulam ehlaziyiweyo
 - Abasebenzi abakwizikolo eziBonelela ngeNkonzo ePheleleyo/iZikolo eZibandakanya bonke aBafundi malunga nokuqaphela nokusingatha izithintelo kwimfundo
 - Abasebenzi abakumaZiko aBonelela ngoNcedo eZikolo zeMfundo eneeMfuno eziZodwa malunga nomsebenzi owandisiweyo
 - Abasebenzi bokuNika iNkxaso kwiMfundo eneeMfuno eziZodwa abakwii-Ofisi zeZithili kubandakanywa iiSayikholoji, ooNontlalontle, ABacebisi bokuNika iNkxaso kumaZiko eMfundo (*Learning Support Advisors*), ooGqirha neeTheraphisti malunga nomsebenzi wabo kuyo yonke iMfundo eBandakanya bonke aBafundi ngokudibeneyo
 - Ootitshala bokuNika iNkxaso kwezeMfundo eSikolweni okumalunga nomsebenzi wabo wobungcali kuphuculo lolwimi nemathematika
 - IiKomiti zokuNika iNkxaso eZikolweni (*School-based Support Teams*) malunga nomsebenzi wabo kwinkqubo yokuSkрина, yokuQaphela, nokuNika iNkxaso (*Screening, Identification, Assessment and Support*) (*SIAS* process)

Utshintsho kwiithagethi ezicwangcisiweyo

Azikho

Ukuxibelelanisa intsebenzo neebhajethi

Inkcitho ekungenwe kuyo kwiProgram 4 ibe negalelo ekuphonyezweni kwezi ziphumo zibalulekileyo zilandelayo zeSebe iWCED.

- Ukubonelela izikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa ngezithuba zootitshala nangezithuba zenkonzo karhulumente
- Ukwandisa nokuxhobisa amaziko okubonelela ezikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa/ngeeklasi
- Ukubonelela ngeenkxaso-mali kwizikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa
- Ukukhuthaza imfundo ebandakanya bonke abafundi ngokusekwa kwezikolo ezibonelela ngenkonzo epheleleyo

Inkcitho yeprogram esekelayo

Igama leProgram eSekelayo	2013/2014			2012/2013		
	Ulwabiwo-mali lokugqibela	INkcitho Kanye	(INkcitho eNgaphezulu)/ INkcitho eNgaphantsi	Ulwabiwo-mali lokugqibela	INkcitho Kanye	(INkcitho eNgaphezulu)/ INkcitho eNgaphantsi
	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000
4.1 Izikolo	910,287	910,287	-	824,291	820,101	4,190
4.2 UPuhliso lweZakhono zaBasebenzi	51	51	-	-	-	-
4.3 IGranti eKhutshwa phantsi kweMiqathango	-	-	-	-	-	-
Itotali	910,338	910,338	-	824,291	820,101	4,190

Programme 5: Further Education and Training



Learner numbers	
2009	29 887
2013	71 594

2009 Pr 5 per- sonnel expendi- ture as a % of total	2013 Pr 5 per- sonnel expendi- ture as a % of total	2009 Pr 5 Aver- age personnel expenditure per employee (R'000)	2013 Pr 5 Aver- age personnel expenditure per employee (R'000)	2009 Pr 5 Number of employees	2013 Pr 5 Number of employees
2	1.86	202.35	308.18	1 051	937

4.5 IProgram 5: IMfundo noQeqesho oluQhubekayo

INjongo yale program:

Ukufundisa iFET kwiikholeji zeFET zikarhulumente ngokungqinelana noMthetho weKholeji zeMfundo noQeqesho oluQhubekayo (2006) (*Further Education and Training Colleges Act*)

Iprogram yeFET inezi program zisekelayo zilandelayo

IProgram esekelayo 5.1: Amaziko karhulumente
ukubonelela iikholeji zeFET zikarhulumente ezithile ngezibonelelo (*resources*)

IProgram esekelayo 5.2: IiNkonzo zoQeqeshelo-msebenzi
ukubonelela abahloli nabafundi kwiikholeji zeFET zikarhulumente nakwiinkonzo zokunika inkxaso ezilawulwa lisebe lemfundo

IProgram esekelayo 5.3: Uphuhliso lweZakhono zaBasebenzi
ukubonelela ngezoqeqeshelo-msebenzi nolunye uphuhliso lwabasebenzi abaphetheyo, abangabahloli kwaye benika inkxaso kwiikholeji zeFET zikarhulumente

IProgram esekelayo 5.4: IGranti eKhutshwa phantsi kweMiqathango
Ukubonelela ngenkxaso-mali kwiikholeji zeFET zikarhulumente (isetyenziswe kwade kwango-2008/09)

Iinkonzo zokuqeqeshelwa umsebenzi

- Ukunika inkxaso kwiikholeji zeFET zikarhulumente

Uphuhliso lwezakhono zabasebenzi

- Ukubonelela ngophuhliso loqeqesho kootitshala nakwabangengotitshala kwiikholeji zeFET zikarhulumente

INjongo eCwangciswe ngoBuchule

INjongo eCwangciswe ngoBuchule 5.1	Ukuqinisekisa ungqinelaniso lwesicwangciso senkqubo yamaziko ukwenzela ukuba kufundiswe iiprogram ezifanelekileyo, eziphendula ekufezekiseni iimfuno zamashishini akufutshane, ezamashishini amakhulu, ezoluntu nezabafundi nokugcina imeko ekhuthazayo yomgangatho ophezulu edityanisiweyo/ yokufundisa ipraktikhali kusetyenziswa inkqubo yokuphatha nokulawula amaziko nokunika inkxaso ekwenzeni umsebenzi.
---	---

IiNjongo eziCwangciswe ngoBuchule, izalathi zentsebenzo, iithagethi ezicwangcisiweyo nokwenziweyo kanye

Ubhaliso lwabafundi

Ngo-2013 iikholeji zaseNtshona Koloni zabhalisa i-16 812 NC(V) ne-39 782 yabafundi ngokweNngxelo 191 ngo-2013. Ngeli xesha linye, ngabafundi abamalunga ne-15 000 ababebhaliswe kwiiiprogram ezinxulumene nomsebenzi. ISebe iDHET alikawakhuphi amanani eNngxelo yeSaveyi yoNyaka kodwa iikholeji zibhalise malunga ne-71 594 yabafundi kunyaka wezifundo ka-2013. Oku kubandakanya ukwanda kwabafundi abayi-412 NC(V) ngaphaya kwethagethi ka-16 500 eyayimiswe lisebe iWCED. La manani abonisa ukukhula kwe-43% ukusuka ku-2012 ukuya kutsho ku-2013 nekufuneka ijongwe ngokunxulumene nokukhula nge-51% eyayisele irekhodwe phakathi ko-2011 ukuya kutsho ngo-2012. Oku kukhula kubhaliso lwabafundi kuxhasa ithagethi yeSebe iDHET yokwandisa imfundo enxulumene nezomsebenzi

kunye nenkqubo eqhubeka okokoko kunye necandelo lezoqeqesho. Kwi-71 594 yabafundi, abayi-56 594 babekwiiprogram ezazixhaswa ngurhulumente, ezixhaswa nge-80% yeendleko zeprogram iyonke.

likholeji zibhalise abafundi abayi-40 000 kwikota yokuqala ka-2014. Zizonke, izicwangciso zeekholeji kukubhalisa abafundi abayi-69 700 ngo-2014 kodwa imfuno yokufundiswa kweprogram enxulumene nezomsebenzi ingakhokelela ekubeni amanani abe ngaphezulu kweli nani.

Ukukhula okuphezulu kumanani abafundi kunefuthe kwiziseko zophuhliso zekholeji. Uninzi lweekhampasi ziye zafikelela kumthamo wazo ongaphaya kommiselo kwaye azisayi kuba nako ukwandisa amanani abafundi ngaphandle kokwandisa iziseko zophuhliso.

IKholeji	Ubhaliso lwabafundi ukususela nge-15 Februwari 2014
Boland	6 836
Cape Town	8 784
False Bay	4 976
Northlink	10 707
South Cape	3 276
West Coast	5 424
Itotali	40 003

UPhuhliso lweZakhono zaBahlohi

ISebe iWCED laqhubeka ukunika inkxaso yokuphunyezwa kwekharithulam ngokufumana uqeqesho lokuphuhlisa kwezakhono zabahlohi kunye nenkxaso yaseklasini. Ugxininiso lwalubekwe kumgangatho wezixhobo zovavanyo lwangaphakathi kangangokuba uninzi lwezixhobo zovavanyo zangaphakathi zeNC(V) zaye zenziwa zakumgangatho ofanayo ukwenzela ukuba zihambelane mbo nemigangatho efanayo kazwelonke. Izakhono zokusebenza zabahlohi zaye zandiswa ngenxa yesiphumo seenkqubo ezisetyenzisiweyo kule misebenzi yoqinisekiso lwemigangatho nangenxa yethekhinoloji ekubonelelwe ngayo ukunceda ekwenzeni ingcaciso-ntetho, ezinjenge-smart boards

Ngabahlohi abayi-180 ababefakwe kwiindawo zomsebenzi ukwenzela uphuhliso lokuqeqeshelwa umsebenzi olwenzeka okokoko.

Abahlohi beMathematika nabeMathematical Literacy bafumana ukuqeqeshwa kwimiba ethile yekharithula yabo, imethodoloji yokufundisa kunye nokulawulwa kweklasi. Ngenxa yokuba zingekho iziphumo zoviwo zokuphela konyaka, akukwazeki ukuqinisekisa ukuba ngaba iziphumo zeMathematika nezeMathematical Literacy ukuba ziye zaphucuka. Ukungahanjwa kwesikolo ngabafundi kunefuthe elicacileyo kwiziphumo zeMathematika ngokukodwa, njengoko isifundo esi sifuna ukuba abafundi benze iimvavanyo zaqho.

Ukuza kuthi ga ngoku, akukho kucazululwa kweziphumo zoviwo kwenziweyo kungenziwa ngenxa yenyanyiso yokuba iSebe iDHET ayikazikhuphi iziphumo zamasebe ephondo.

Inkxaso ekubonelelwe ngayo

Inkxaso yezemali kubafundi yaye yanikwa ngokusebenzisa iSkim seBhasari seeKholeji zeFET zeDHET (DHET FET College Bursary Scheme). Ngo-2013, kwabiwe iibhasari eziyi-17 264 'zezifundo kuphela' zaza eziyi-15 806 'zahlawulela yonke into' kusenzelwa abafundi be NC(V) nabeNgxelo 191.

Ukwanda kumanani abafundi kubeke uxinzelelo kwiziseko zophuhliso zekhoholeji. ISebe iWCED labe i-R52,130,000 ukwenzela ukuphucula iziseko zophuhliso ukusingatha ukunqongophala kwendawo eziklasini kwakunye nophuculo olufuneka kakhulu kunye nokwanda kuzo zontandathu iikhoholeji.

UMthetho oFakelwe iziLungiso weeKhoholeji zeFET (3/2012) wapapashwa ngoMeyi 2012. Oku kuwisa umthetho wokutshintsha kweeKhoholeji zeFET ukusuka kumagunya ephondo ukuya kutsho kumagunya kazwelonke. Nakuba kunjalo, kuba kwakungekho wiso-mthetho lumiselweyo ukuqalisa ukuphumeza utshintsho olupheleleyo, iimvumelwano zomakulandelwe (*protocol agreements*) zaye zasayinwa ukwenzela ukusekondwa kwabasebenzi bephondo ukwenzela ukuba baqhubeka ngokunika inkxaso iikhoholeji.

Iyunithi yephondo leNtshona Koloni iqhubekile ngokunika inkxaso kwizistraksha zokulawulwa nokuphathwa kweekhoholeji ngokuququzelela ukucwangcisa nokusebenza ngobuchule kwakunye nokuququzelela ukunyulwa kwebhunga lekhoholeji elitsha emva kokufikelela esiphelweni kolawulo lwamabhunga eekhoholeji ngo-31 Disemba 2013.

Le yunithi kwakhona iye yanika inkxaso ekufundisweni kwekharithulam kunye novavanyo lwangaphakathi kwaye zonke iimviwo zangaphandle zaye zabekwa esweni. ISebe iWCED neSebe iDHET ziye zabeka esweni ngaphezulu zaza zanika ingxelo malunga nenkqubo yeekhoholeji ngokunxulumene nobhaliso lwabafundi, ulawulo lwezemali kunye noqinisekiso lwemigangatho yeemvavanyo. Jonga icandelo elimalunga noku: "UPhuhliso lweZakhono zaBahlohli" apha ngasentla.

Ukususela ngonyaka-mali ka-2013/14, iSebe iDHET laye lawuthathela kulo umsebenzi wokuhlalwala ngqo iinkxaso-mali kwiikhoholeji, lo gama iSebe iWCED belilawula iPERSAL egameni leekhoholeji. Ulawulo lwePERSAL belubandakanya intlawulo yemivuzo nemirholo kwakunye nezibonelelo zezentlalo kubasebenzi. Ukuhambelana ngqo nemiyalelo yeSebe iDHET, kungeniswe iingxelo zemali zaqho ngekota kwiSebe iDHET, lo gama iingxelo zePERSAL ezicacisiweyo zazingeniswe kwiikhoholeji ukwenzela ukungqinelaniswa kwenkcitho kwezabasebenzi.

Kuye komelezwa inkxaso yeSebe iWCED yokwakha ubudlelane phakathi kweeKhoholeji zeFET, iiSETA kunye namashishini, kangangokuba abafundi abayi-3 000 bafakwa kumashishini ukwenzela ukuba babe nolwazi ngezomsebenzi baza abayi-11 343 bakwenza oko njengenxenywe yesiqinisekiso samabanga emfundo sabo.

ISebe iWCED linike inkxaso kwiikhoholeji ekubonelela ngoqeqesho kwiSRC kwakunye nenkxaso yokuphuma kubafundi kumalungiselelo ezomsebenzi. Inkxaso yabaphumayo yayibandakanya ukubhalwa kweeCV, uphuhliso lwezakhono ezithambileyo (*soft skills development*), iintsuku ezivulelekileyo nabaqeshwa (*employer open days*), njl. njl. Uqeqesho lweSRC lwalugxininise ekuphuculeni izakhono zobunkokeli kwizitraksha zeSRC.

Imiba emalunga nexesha lotshintsho

Ukutshintsha komsebenzi weFETC akukhange kwenzeka njengoko bekucwangcisiwe ngonyaka-mali ka-2013/14. Umhla oyithagethi omtsha wokutshintsha komsebenzi ngokupheleleyo ngowe-1 Epreli 2015 kwiFET neAET. Izitraksha ezazisekiwe zokusebenza ngexesha languqu kungene endaweni yazo ikomitana engoKutshintsha koMsebenzi yeHEDCOM.

Ngo-2013/14 ikomiti ejongene nexesha lotshintsho yephondo yabamba iintlanganiso zantlanu ezihamba neengxelo ezikhaphayo ukulungiselela iintlanganiso zikazwelonke. Iingxelo neengcebiso zazigxile ekutshintshweni kwabasebenzi, ngenxa yoku abaphathi abakhulu beekholeji baye batshintshiselwa kwiSebe iDHET, lo gama abasebenzi abakwiiyunithi zeFET zamaphondo baye basekondwa baze batshintshwe nge-1 Epreli 2015. IiMvumelwano zoMqeshi noMqeshwa (*Collective Agreements*) zokutshintshwa kwabahlolhi beekholeji nabasebenzi abancedisayo (*support staff*) zisayinwe ngoFebruwari 2013 kwaye inkqubo yokutshintshwa kwabasebenzi ngoku iyaqhubeka.

Izalathi zentsebenzo

IProgram 5						
IProgram yeSalathi seNtsebenzo	Okwenziweyo kanye ngo-2012/2013	Ihagethi ecwangcisiweyo ngo-2013/2014	Okwenziweyo kanye ngo-2013/2014	Okwenziweyo ukuya kutsho kokwenziweyo kanye ngo-2013/2014	Ukufunxa kwiithagethi ecwangcisiweyo ukuya kutsho kokwenziweyo kanye ngo-2013/2014	Ikhomenti malunga nezitenxo
► PPI 5.1: Inani labafundi ababhalise kwizifundo zeNC(V) kwiiKholeji zeFET	15 150	16 400	16 812		412	likholeji zigqithisile kwiithagethi yazo ngenxa yemfuno
► PPI 5.2: Inani labafundi beekholeji zeFET NC(V) abagqibe izifundo zabo zonke ngempumelelo	4 603	7 380	9 400		2 020	Le yingqikelelo kuba iziphumo zokuphela konyaka ziya kupapashwa kuphela emva kokuba kukhutshwe iziphumo zeemviwo zokuxabangela

Isicwangciso sokoyisa iinkalo zenkqubo ekumgangatho osezantsi

ISebe iDHET liqalise inkqubo yokomeleza ukuhamba isikolo kwabafundi kunye nemigaqo-nkqubo yezentsebenzo. Nje ukuba ezi zinto ziqaliswe, ireyithi yokuhanjwa kwesikolo ngabafundi ifanele ukuphucuka kwaye oku kufanele ukuba kukhokelele kwiprogram yangoku yamaqela ekugxininiswa kuwo/ kwiindawo ekwenziwa kuzo umsebenzi ukuqinisekisa ukuba ekomelezweni kobuchule beekholeji ukubonelela ngenkxaso yezifundo kubafundi.

Utshintsho kwiithagethi ezicwangcisiweyo

Azikho

Ukuxulumanisa intsebenzo neebhajethi

Inkcitho ekungenwe kuyo kwiProgram 5 ibe negalelo ekuphunyezweni kwezi ziphumo zibalulekileyo zilandelayo zeSebe iWCED:

- Ukuxhaswa ngemali kweendleko zokuqesha abasebenzi beeKholeji zeMfundo noQeqesho oluQhubekayo

Inkcitho yeprogram esekelayo

Igama leprogram esekelayo	2013/2014			2012/2013		
	Ulwabiwo-mali lokugqibela	Inkcitho eyiyo kanye	(Inkcitho engaphezulu)/ Inkcitho eNgaphantsi	Ulwabiwo-mali lokugqibela	Inkcitho eyiyo kanye	(Inkcitho engaphezulu)/ Inkcitho eNgaphantsi
	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000
5.1 AMaziko kaRhulumente	353,097	353,078	19	597,589	597,523	66
Itotali	353,097	353,078	19	597,589	597,523	66

Programme 6: Adult Education and Training



2009 Average personnel expenditure per employee (R'000)	2013 Average personnel expenditure per employee (R'000)	2009 Pr 6 Number of employees	2013 Pr 6 Number of employees
157.42	120.38	11	8

Budget Allocation for Adult Education and Training		
	2009	2013
Programme 6	R27 887 000	R37 896 000

Learner Numbers			
AET			
2009	38 053	2013	33 595

Numbers, budget and staffing have all been impacted by changes in the sector. These should be resolved once the future arrangements are clarified.

4.6 IProgram 6: IMfundo noQeqesho lwaBadala

INjongo:

Ukufundisa i-AET ngokungqinelanayo nomthetho i-Adult Basic Education and Training Act, 2000

Iprogram yeABET inezi program zisekelayo zilandelayo:

Iprogram esekelayo 6.1: linkxaso-mali kuMaziko eMfundo yaBadala kaRhulumente
ukunika inkxaso kumaziko athile e-AET karhulumente ngokuwanika iinkxaso-mali

Iprogram esekelayo 6.2: Iinkxaso-mali kuMaziko eMfundo yaBadala aBucala
ukunika inkxaso kwizikolo ezithile ze-AET ngokuwanika iinkxaso-mali

Iprogram esekelayo 6.3: linkonzo zokufundisa
ukunika ootitshala nabafundi abakuMaziko e-AET iinkonzo zokunika inkxaso ezilawulwa lisebe lemfundo

Iprogram esekelayo 6.4: UPuhliso lweZakhono zaBasebenzi
ukubonelela ngophuhliso lokuqeqeshelwa umsebenzi kunye nolunye upuhliso lwabaphathi, ootitshala nabasebenzi abanika inkxaso kuMaziko e-AET.

INjongo eCwangciswe ngoBuchule

INjongo eCwangciswe ngoBuchule 6.1	Ukubonelela ngenkxaso kwizittraksha zabalawuli nezabaphathi be-AET ngophuhliso lomgaqo-nkqubo neenkqubo zongenelelo ngoncedo olucwangciswe ngo-buchule eziquzelela ukufundisa ngempumelelo kumaziko emfundo yabadala; ukubonelela ootitshala nabafundi abakumaziko e-AET ngeenkonzo zokunika inkxaso yekharithulam elawulwa lisebe lemfundo; kwanokubonelela ngoqeqesho lokwenza umsebenzi ngobuchule kootitshala nabangezotitshala
---	---

Iinjongo ezicwangciswe ngobuchule, izalathi zentsebenzo, iithagethi ezicwangcisiweyo kunye nokwenziweyo kanye

Ubhaliso lwabafundi

Ngo-2013/14, kwakukho abafundi abayi-33 595 kuMaziko ayi-120 wawo ngaMaziko aPhambili (Main Centres). Abayi-20 301 yayingabafundi be-ABET iNqanaba 1-4, i-12 099 yayingabafundi beFET baza abayi-1 195 bathatha inxaxheba kwiiprogram zezakhono ezimfutshane.

Ukwabiwa kwaBafundi ngokweNqanaba/ngokweBakala – ngoNyaka ka-2013									
I-Ofisi yeSithili seMfundo	INqanaba 1	INqanaba 2	INqanaba 3	INqanaba 4	IBKL 10	IBKL 11	IBKL 12	Abanye	Itotali
Cape Winelands	853	706	609	1 865	12	0	1 652	280	5 977
Eden and Central Karoo	606	381	466	1 088	0	0	495	72	3 108
Metro Central	422	250	310	1 005	28	93	3 604	114	5 826
Metro East	150	122	189	1 983	0	0	85	208	2 737
Metro North	282	352	447	1 921	0	0	2 131	54	5 187
Metro South	277	240	315	1 410	0	0	3 114	70	5 426
Overberg	281	311	295	897	0	0	659	253	2 696
West Coast	476	209	282	1 301	0	0	226	144	2 638
Itotali	3 347	2 571	2 913	11 470	40	93	11 966	1 195	33 595

UVIMBA: ISAVEYI YAQHO NGONYAKA KA-2013

Kubonelelwe ngeeprogram zokuxhobisa ngezakhono ezivunye ngokusemthethweni kubafundi abayi-459 ngentsebenziswano neekholeji zeFET iBoland, Northlink neCape Town. Ngo-2013, iSebe iWCED laqhubeka ngokubonelela kwalo ngeeprogram zeMfundo yaBadala kubasebenzi bakaRhulumente bePhondo nabakaRhulumente kaZwelonke. Uxwebhu iMemoranda of Understanding lwasayinwa kunye neSebe lezeMpilo, ezoPhuhliso lwezeNtlalo kunye noMasipala waseMatzikama (lwasayinwa ngoEpreli 2013). Abafundi abayi-531 abayinxenye yenkqubo yobuhlakani baye baya kumaziko ayi-18. I-MOU eyasayinwa kunye neSebe lezeMpilo yaye yahlaziywa ngokutsha, lo gama iBredasdorp CLC yasayina iMOU neFloraland kunye neSANPARKS ukubonelela ngeenkonzo ze-ABET kubasebenzi. Ii-MOU

zicwangciswe kunye neSebe lezoThutho neMisebenzi kaRhulumente kunye nelezoPhuhliso lwaMaphandle (*Department of Transport and Public Works and Rural Development*).

Iphulo i-Kha Ri Gude Mass Literacy campaign laqaliswa ngo-EApreli 2008 ngenjongo yokuxhobisa abantu baseMzantsi Afrika abayi-4.7 bakwazi ukufunda nokubhala kwanokubala ngenye yeelwimi zaseburhulumenteni ezilishumi elinanye ngo-2012. with the intention of enabling 4.7 million South Africans to become literate and numerate in one of the eleven official languages by 2012. Kwakukho i-15 521 yabafundi eNtshona Koloni kule program ngo-2013, becediswa ziityhutha eziyi-900 nangabaququzeleli bephondo abayi-5. Abafundi bafundiswa ukufunda nokubhala ngolwimi lwabo lweenkobe ngokungqinelanayo nemigangatho yeeyunithi yenqanaba 1 ye-A(B)ET. Abafundi mabazalise imisebenzi yeemvavanyo engamashumi amabini (eyi-10 yeyolwazi lokufunda nokubhala eyi-10 yeyolwazi lokubala (*10 for literacy and 10 for numeracy*) kwiiPhothifoliyo zeeMvavanyo zaBafundi bazo (*Learner Assessment Portfolios*) (LAPS). Ii-LAPS zimodareyithwa zize zingqinisiswe yiSAQA. Kwaqhutyekwa ngeYouth Focus Project ngo-2013 ukuphendula kwiiMfundo zemfundo zabafundi abakwizikolo zikarhulumente ababephinda iBakala 9 ityeli lesibini, elesithathu okanye elesine nababebudala beminyaka emithathu okanye nangaphezulu kuneminyaka yobudala yesiqhelo yeBakala 9. Kwaye kwenziwa iprogram yaza yaxhaswa ngemali ukunika ithuba iqela labafundi ukuba bafakwe kwizifundo ezijolise kwezomsebenzi kwiiKholeji zeFET nakuMaziko eAET ukwenza agqibe iprogram yokuvala umsantsa (*bridging programme*) eya kutsho kwiGeneral Education and Training Certificate: NQF Level 1. I-449 yabafundi babefakwe kwiiKholeji zeFET. I-33 yabafundi baxhaswa yiMerSETA (i-R3.7 yezigidi) kwiiiprogram zobuchule bezandla (*artisanship programme*) baza abafundi abayi-20 baxhaswa ngeFibre Processing and Manufacturing SETA (FP&M Seta) ukwenzela ukuba bafumane isatifikethi sokwenziwa komchako wesinxibo (*clothing manufacturing certificate*). I-130 yabafundi babefakwe kumaziko e-AET ukususela ngoJuni 2012, njengenxenye yeprojekthi. Ibhajethi yeli qela labafundi yayiyi-R28 yezigidi (2013/2014).

IziPhumo zeeMvavanyo

Ngo-2013 kwabakho ukunyuka kwinqanaba labafundi ababhalisele ukubhala iimviwo zeABET Level 4. Itotali yabaviwa abayi-4 781 babebhalisele inkalo yesifundo enye okanye ngaphezulu xa kuthelekiswa nabaviwa abayi-3 987 ngo-2012. Inani lababhalisele iinkalo zezifundo kwakhona laye lanyuka. Ngo-2013 kwakukho ababhalisele iinkalo zezifundo abayi-19 600, xa kuthelekiswa ne-16 987 ngo-2012, yayi-14 149 ngo-2011 kunye ne-9 551 ngo-2010.

INtshona Koloni yafumana iinkalo zezifundo ezingaphezulu kakhulu ngo-2013. Le theyibhile ilapha ngezantsi ibonisa inkqubela-phambili ukususela ngo-2011.

	2011	2012	2013
Inani labapase kwiiNkalo zeZifundo	6 762	7 677	8 518

Abafundi abadala bafumene iziphumo ezihle kwiiinkalo zezifundo ezitsha ezimbini, kwiiInformation and Communication Technology (86.64%) kunye ne-Early Childhood Development (92.03%).

UPhuhliso lweZakhono zoBomi

Ngo-2013, iinkqubo zotyalelo iDistrict Readiness visits zaziqhutyelwe ukuncedisa aMaziko e-AET ukulungiselela nokubaxhobisela u-2014. Bonke aBaphathi baMaziko naBaququzeleli baMaziko baye babonelelwa ngoluhlu lweenkalo zeziPhumo eziPhambili (*Key Result Areas*). Aba bayinxenye yemvumelwano yabo neSebe iWCED.

Kubalulekile ukutsala abasebenzi abaneziqinisekiso zamabanga emfundo afanelekileyo kwicandelo befumana imivuzo encumisayo. Ukuqeshwa kwabasebenzi be-AET kuxhomekeke kuwiso-mthetho olulawula ezabasebenzi (*labour legislation*) eseyimeko yokubhengezwa epalamente kwaye kusekho ulibaziseko kule nkqubo. Ukuphunyezwa kwe-Norms and Standards Funding for Adult Learning Centres kuya kuqinisekisa ukuba amaziko axhotyiswe ngaphezulu ukwenzela abantu basekuhlaleni abayinxenye yawo.

INxaso ekuBonelelwe ngayo

Ngo-2013, iForam zaBaphathi baMaziko ezimbini zephondo (two provincial Centre Managers' Forums) zaye zabanjwa. Ukusekwa nokusebenza kwezi zitraksha kukhokelwe kumgaqo-sikhokelo omiselweyo, esasivunywe ngokusemthethweni ngoEpreli 2012.

INorms and Standards funding kumaziko amakhulu ayi-92 eyokutsho kwi-R32.6 yezigidi yagqitywa ngoNovemba 2013. INorms and Standards funding yenza isibonelelo sezithuba zemvumelwano ezisisigxina eziyi-51, aBaphathi baMaziko ayi-27 kunye naBaqquzeleli baMaziko abayi-24.

Ukuqiniseka ngenkxaso ethagethiweyo kwii-Ofisi zeZithili zeMfundo, kwaqhutywa ukuqaphela kwakhona kweenkqubo kuzo zonke izithili qho ngekota.

IZalathi zeNtsebenzo

IProgram 6					Ikhomentli malunga nezitenxo
IProgram yeSalathi seNtsebenzo	Okwenziweyo kanye ngo-2012/2013	Ithagethi eCwangcisiweyo ka-2013/2014	Okwenziweyo kanye ngo-2013/2014	Ukwenza ukusuka kwithagethi eCwangcisiweyo ukuya kusho kokwenziweyo kanye kanye ngo-	
► PPI 6.1. Inani labafundi ababhaliswe kuMaziko e-ABET	32 688	21 000	33 595	12 595	Ngenxa yokuba ikharithyulam nesiqinisekiso samabanga emfundo asikhange sitshintshwe kungene olunye uhlobo lwesiqinisekiso samabanga emfundo njengoko bekulindleleke amanani amaninzi kunokuba bekuqikelelwe
► PPI 6.2. Inani loofitshala abaqeshwe kuMaziko e-ABET karhulumente	1 379	1 400	904	-496	Ukubhalisela izifundo kuqhubeka kumaziko ambalwa kwaye iiklasi ezinkulu bezithetha ukuba bekufuneka oofitshala abambalwa.

Isicwangciso sokoyisa iinkalo zentsebenzo engekho semgangathweni

- Nika inkxaso kwikharithyulam ekhoyo kude kube kuqaliswe ngeenguqu eziqikelelwayo
- Nika isikhokelo nokunika inkxaso kwabo baseza kuba ngabafundi (prospective students)

Uthshintsho kwiithagethi ezicwangcisiweyo

Alungeni ndawo

Ukunxulumanisa intsebenzo kunye neebhajethi

Inkcitho ekungenwe kuyo kwiProgram 6 ikhokelele ekuphunyezweni kwezi ziphumo ziphambili zilandelayo zeSebe iWCED:

- Ukubonelela ngezithuba zootitshala kuMaziko eMfundo noQeqesho lwaBadala
- Ukubonelela ngeenkxaso-mali kuMaziko eMfundo noQeqesho lwaBadala

Inkcitho yeprogram esekelayo

IGama leProgram eSekelayo	2013/2014			2012/2013		
	Ulwabiwo-mali lokugqibela	INkcitho kanye kanye	(INkcitho eNgaphezulu)/ INkcitho eNgaphantsi	Ulwabiwo-mali lokugqibela	INkcitho kanye kanye	(INkcitho eNgaphezulu)/ INkcitho eNgaphantsi
	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000
6.1 AMaziko kaRhulumente	5,006	5,006	-	7,106	7,106	-
6.2 Iinkxaso-mali kuMaziko aBucala	32,892	32,892	-	29,814	29,814	-
6.3 Iinkonzo zoqeqesho loofitshala	-	-	-	-	-	-
6.4 UPhuhliso lweZakhono zaBasebenzi	-	-	-	-	-	-
Itotali	37,898	37,898	-	36,920	36,920	-

Programme 7: Early Childhood Development



Budget Allocation for Early Childhood Development		
	2009	2013
Programme 7	R271, 961 m	R456, 576 m

- The budget assigned to ECD has doubled since 2009.
- 550 schools have been provided with ECD kits (indoor & outdoor equipment)
- Over 300 Grade R Classrooms have been built
- 150 model sites have been developed

Grade R Enrolment 2009 – 2013		
	2009	2013
Overall (Public and Independent sites)	68 997	76 100
Enrolled in Public Ordinary Schools	46 100	59 565

4.7 IProgram 7: yoPhuhliso lweMfundo yaBasaqalayo

INjongo emiselweyo:

Ukubonelela ngoPhuhliso lweMfundo yaBasaqalayo (*Early Childhood Development*) (ECD) kwinqanaba leBakala R ngokungqinelayo neWhite Paper 5

Iprogram ye-ECD inezi program zisekelayo zilandelayo:

Iprogram esekelayo 7.1: IBakala R kwiZikolo zikaRhulumente

Ukubonelela izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ngezibonelelo zoncedo ezifunekayo kwiBakala R nokukhuthaza izikolo ezininzi ukuba ziqalise iiklasi zebakala R apho indawo ifumanekayo

Iprogram esekelayo 7.2: IBakala R kwiZikolo zoLuntu

ukunika inkxaso kumaziko oluntu athile [kwizikolo ezizimeleyo ze-ECDs] kwinqanaba leBakala R

Iprogram esekelayo 7.3: IiNkonzo zokuQeqeshelwa uMsebenzi

ukubonelela ngoqeqesho nentlawulo yemivuzo yesibonelelo (*stipends*) yeePrakthishina ezikumaBakala aphambi kweleBakala R

Iprogram esekelayo 7.4: UPhuhliso lweZakhono zaBasebenzi

Ukubonelela ngokuqeqeshelwa umsebenzi kunye nolunye uhlobo lophuhliso lootitshala nabangezotitshala kumaziko e-ECD.

Iprogram esekelayo 7.5: IGranti eKhutshwa ngeMiqathango

ukubonelela ngeziseko zophuhliso zeECD

INjongo eCwangciswe ngoBuchule

INjongo eCwangciswe ngoBuchule 7.1	Ukubonelela izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ezithile kunye nezikolo ezizimeleyo eziqatshelweyo ngezibonelelo zoncedo ezifunekayo kwiBakala R kwanokubonelela ngeemeko ezikhuthaza izikolo ezininzi ukuba ziseke iiklasi zeBakala R kwiiklasi ezikhoyo ezifumanekayo okanye kwiiklasi zeBakala R ezintsha Ukuququzelela ukuqeqeshwa kweeprakthishina zeNqanaba 1, 4 no-5
---	--

linjongo ezicwangciswe ngobuchule, izalathi zentsebenzo, iithagethi ezicwangcisiweyo kunye nokwenziweyo kanye kanye

Ubhaliso lwabafundi

Idatha yabafundi beBakala R efakwe ekhompnyutheni kwiiSaveyi zaqho ngoNyaka kwizikolo zikarhulumente nezikolo zeECD ezizimeleyo zibonisa ukwanda kakhulu kubhaliso lwabafundi beBakala R. Ubhaliso ngokubanzi kwiBakala R luchazwa njengolungaphezu kwe-76 000 (ngokwesaveyi yeSNAP ka-2014) ebonisa ukwanda kakhulu ukususela ku-2012. Oku kubhekiselelwa kumaphulo enkxaso yasesidlangalaleni yokwazisa abazali ngoncedo lwexesha elide lweBakala R kubantwana babo abaselula, nokunika idatha engcono nengqinisisiweyo.

IZiphumo zeeMvavanyo

Yiminyaka mithathu elandelelanayo iSebe leMfundo leNtshona Koloni lazibophelelayo ngokuvavanya bonke abafundi beBakala R kwizikolo ezikhethiweyo ngo-2013. Bebonke ngabafundi beBakala R abayi-11 582 ababeqatshelwe njengabasemngciphekweni abaye bafumana ukuvavanywa phakathi koSeptemba noOktobha 2013 ngamagosa aqeqeshiweyo eSebe iWCED. Imiba apho abafundi baye baqhuba kakubi kakhulu kuyo kwakwi-*visual and auditory perception* (ukukwazi ukuqonda okubonwayo nokumanyelwayo). Isaveyi yafumanisa kwakhona ukuba amanqanaba esigama abanaso asezantsi. Iimfuno ezityhileke ngokwenziwa kwalo msebenzi zingqine okusisigqibo seSebe iWCED sokuqhubeka nokomeleza yonke imiba yeeprogram zeBakala R ukuqinisekisa ukuba ezi zinto zikumgangatho ofunekayo. Abafundi abayi-3 566 baphinda iBakala R ngo-2014 khon' ukuze kube nokomelezwa iziseko zemfundo yabo.

UPhuhliso lweZakhono zooTitshala

Uqeqesho lweCAPS kwiBakala R luqale ngo-2011/2012 xa malunga ne-3000 yeepraktishina kunye nootitshala beBakala R kwaneHOD bafumana uqeqesho kunye nabasebenzi abakwiiNGO, kwiiHEI, nakwiiKholeji zeFET. Ekupheleni konyaka ka-2013/14 ootitshala abangaphezulu abayi-1 600 baye bafumana uqeqesho. Uqeqesho olungaphezulu lwabaququzeleli be-ECD lweeKholeji zeFET kwakhona lwaqhubeka.

Itotali yeepraktishina eziyi-5 152 ze-ECD zazikwiiprogram zezifundo ze-ECD nokuba bakwiNqanaba 1, 4 okanye ele-5 kwiiKholeji zeFET zaseNtshona Koloni ebudeni bonyaka ophantsi kwengqwalaselo.

Abayi-394 abantu abangaqeshwanga baye baxhamla kwiprogram yaBancedisi beePraktishina ze-ECD baza abantu abongezelelweyo abayi-22 kwangenwa nabo kwimvumelwano yengqesho njengabasebenzi bokunika inkxaso kwezolawulo (*administrative support staff*). IiKholeji zeFET zabonelela ngeprogram yoqeqesho eyongezelelweyo yeNqanaba 1 yeenyanga eziyi-12. ISebe iWCED liye laqinisekisa ngokwenziwa kwezixhobo zokufunda zeNqanaba 1 ezivunyenye ngokusemthethweni.

Ngokungqinelanayo nemigqaliselo yesigqibo soMphathiswa weProgram yeMisebenzi kaRhulumente eXananazileyo (*Expanded Public Works Programme*) (EPWP), umlinganiselo omncinane wentlawulo yomvuzo wesibonelelo (*stipend*) ehlawulwe kuzo zonke iipraktishina zeECD wanyuka ukusuka ku-R1 348 ukuya kutsho ku-R1 428 ngoNovemba 2013. Zonke iipraktishina ekungokunje bakwiiprogram zoqhelaniso-msebenzi baye baxhamla kwintlawulo yomvuzo wesibonelelo (*stipend*). Oku kunyuka kube nempembelelo entle ekuhambeni kwabafumana uqeqesho kwiiklasi zoqeqesho.

Ikholeji nganye yafumana iinkonzo yomboneleli-nkonzo owaziwayo owaye wabonelela ngoqeqesho loNcedo lokuQala kwiipraktishina ze-ECD nakubancedisi babo abayi-5 848. Bonke abathathi-nxaxheba baya kuqeqesho baza bafumana incwadana esetyenziswayo yoqeqesho kunye nekhithi yoncedo lokuqala lweekhritshi zabo.

INkxaso ekuBonelelwe ngayo

Ngo-2013 isabelo senkxaso-mali yabafundi beBakala R kwizikolo zikarhulumente eziyi-942 nezikolo ezizimeleyo eziyi-396 yaye yanyuka ukuyingqinelanisa nee*National Norms and Standards for Grade R funding*. Inkxaso ngemali yaye yanyuka ngokulandelayo:

INqanaba loBuhlwempu	Umfundi ngamnye qho ngosuku ngo-2011	Umfundi ngamnye qho ngosuku ngo-2013	Isixa esitsha ngonyaka somfundi ngamnye
1	R18	R20	R4,000
2	R17	R19	R3,800
3	R14	R18	R3,600
4	R12	R17	R3,400
5	R10	R16	R3,200

Ukwabiwa kwenkxaso-mali kuya kuqwalaselwa kwakhona ngonyaka-mali ka-2014/2015. lifom zebango zenkxaso-mali zingeniswa kwaNdlunkulu qho ngekota kuze oku kungqinisiswe phambi kokuba kwenziwe iintlawulo zebhanki eziya ezikolweni. Ngo-2013/14 abafundi beBakala R abayi-52,393 abakwizikolo zikarhulumente nabafundi beBakala R abayi-13, 957 kwizikolo ezizimeleyo ze-ECD baye bafumana inkxaso-mali.

Incwadana esetyenziswayo yeBakala R yezolawulo lwemali yaye yaqulunqwa ukunika inkxaso kwiiKomiti zaBaphathi Bezikolo (*School Management Teams*) ekusetyenzisweni ngempumelelo nangobuchule kwezabelo zenkxaso-mali. Iinqununu namalungu e-SGB atyunjiweyo ezikolo zikarhulumente nezikolo ezizimeleyo ze-ECD eziyi-1 261 baye baya kwiiseshoni zengcaciso eziqquzelelwa ngabaphathi be-ECD IMG besithili.

Undlunkulu namagosa ee-ofisi zezithili aye abeka esweni ukusetyenziswa kweenkxaso-mali kwizikolo zikarhulumente nakwizikolo ezizimeleyo ze-ECD ngo-2013 kwaye le nkqubo yokubeka esweni iya kuqhubeka kunyaka-mali olandelayo.

Kuye kwabonelelwa ngeeklasi zeBakala R ezintsha ezilishumi elinanye zaza izikolo eziyi-150 zafumana inkxaso yemali yefanitshala kunye ne-*basic start-up ECD resource pack* ukwenzela ezi klasi zintsha nezongezelelweyo. Iiprakhishina zeBakala R ezikwezi zikolo zaye zafumana uqeqesho kusetyenziso ngempumelelo kwezixhobo zokufunda. Ezinye zezinto ezikwiikhithi ze-ECD zibandakanya imidlalo emalunga nolwazi lokubala kunye nolwazi lokufunda nokubhala kwakunye neephazili, iibloko zomthi, iisethi zokwakha, iincwadi eziqwetyiweyo kunye neziyinyaniso, izixhobo zomculo neethoyi ezinamavili.

IiNjongo ezicwangcise ngobuchule:

IProgram 7 IProgram yoMlinganiselo weNtsebenzo	Okwenziweyo kanye ngo-2012/2013	Ithogethi ecwangcisiweyo ngo-2013/2014	Okwenziweyo kanye kanye ngo-2013/2014	Ukungenxa kwiithogethi ecwangcisiweyo ukuya kutho kokwenziweyo kanye kanye ngo-2013/2014	Ikhomenti ezimalunga nezitenxo
► PPM701: Inani labafundi ababhaliswe kwiBakala R kwizikolo zikarhulumente	60 158	61 000	59 565	-1 435	Eli nani lisekelwe kukhetho lwabazali nasekuhlaleni kummandla wesikolo esinefasiliti yeBakala R karhulumente. Kwezinye iimeko, abazali bakhetha isikolo esizimeleyo. Amanani eBakala R aziwa njengahla enyuka unyaka nonyaka.
► PPM702: Inani lezikolo zikarhulumente ezifundisa iBakala R	963	922	939	17	Kugqithisiwe kwiithogethi ngenxa yokwanda kwenkqubo yokubonelela ngenkonzo.
► PPM 703: Inani leeprakhishina zeBakala R eziqeshwe kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo kwikota nganye	n/a	n/a	n/a	n/a	

IZalathi zeNtsebenzo					
ISalathi seProgram yeNtsebenzo	Okwenziweyo kanye ngo-2012/2013	Ithageethi eCwangcisiweyo ngo-2013/2014	Okwenziweyo kanye ngo-2013/2014	Ukuxinisekisa kwiithageethi eCwangcisiweyo ukuya kutsho kokwenziweyo kanye ngo-2013/2014	Ikhomenti malunga nezifundo
► PPI 7.1 Inani leekhithi ze-ECD ezongezelelweyo kwizikolo zikaRhulumente eziQhelekileyo	130	100	130	30	Kwaye kwagqithiswa kwiithageethi eyayimiselwe ngenxa yesigqibo sokunika inkxaso kwizikolo zikarhulumente ezininzi.
► PPI 7.2 Inani leekhithi ze-ECD ezongezelelweyo kwizikolo eziZimeleyo	20	50	20	-30	Iithageethi ayenziwanga ngenxa yesigqibo sokunika inkxaso izikolo zikarhulumente ezingaphezulu

Isicwangciso sokoyisa iinkalo zentsebenzo engekho semgangathweni

- Gxininisa ekuphuculeni uqeqesho lootitshala
- Milisela ingqondo kwii-program zokunika inkxaso kubafundi beBakala R 'abasemngciphekweni'
- Qinisekisa ukuba izikolo zinazo zonke ii-LTSM phambi kokuqaliswa konyaka wesifundo weBakala R.
- Beka esweni ukusetyenziswa ngempumelelo kweenkxaso-mali zeBakala R kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo nakwizikolo eziZimeleyo ze-ECD ezifundisa iBakala R
- Nika inkxaso kumgangatho ophuculiweyo

Utshintsho kwiithageethi ezicwangcisiweyo

Alungeni ndawo

Ukunxulumanisa intsebenzo nebhajethi

Inkcitho ekungenwe kuyo kwiProgram 7 ibe negalelo ekuphunyezweni kwezi ziphumo zibalulekileyo zilandelayo zeSebe iWCED:

- Ukubonelela ngezithuba zootitshala kwiBakala R kwizikolo zikarhulumente
- Ukwandisa nokuphucula iinkxaso-mali kwiBakala R kwizikolo zikarhulumente nakumaziko azimeleyo ukuqinisekisa ukubhaliswa kwabafundi kwizwe lonke


Inkcitho yeprogram esekelayo

IGama leProgram eSekelayo	2013/2014			2012/2013		
	Ulwabiwo-mali loKugqibela	INkcitho kanye kanye	(INkcitho eNgaphezulu)/ iNkcitho eNgaphantsi	Ulwabiwo-mali loKugqibela	INkcitho kanye kanye	(INkcitho eNgaphezulu)/ iNkcitho eNgaphantsi
	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000
7.1 IBakala R kwizikolo zikaRhulumente	298,673	298,673	-	222,465	222,465	-
7.2 IBakala R kuMaziko oLuntu	53,760	53,760	-	43,194	43,194	-
7.3 Uqeqesho phambi kweBakala R	105,153	105,153	-	101,250	101,250	-
7.4 UPhuhliso lweZakhono zaBasebenzi	-	-	-	-	-	-
7.5 IiGranti eziKhutshwa ngeMiqathango	8,051	7,949	102	16,985	16,985	-
Itotali	465,637	465,535	102	383,894	383,894	-


Programme 8: Infrastructure Development



2010 Infrastructure as a % of the overall budget



2013 Infrastructure as a % of the overall budget



2009 - 2013 Infrastructure			
New Schools	29	Replacement Schools	21
Classrooms	1 604	Specialist Rooms	614
Grade R Classrooms	307		

4.8 IProgram 8: UPhuhliso lweziseko

INjongo: Ukubonelela nokulondoloza iifasilithi zeziseko zophuhliso zezolawulo kunye nezikolo

Iiprogram ezisekelayo

Iiprogram esekelayo 8.1: EzoLawulo

Ibandakanya iimpahla neenkonzo ezifunekayo zophuhliso lweziseko zophuhliso nokulondolozwa kwezakhiwo zee-ofisi

Iiprogram esekelayo 8.2: Izikolo zikaRhulumente eziQhelekileyo

Ibandakanya iimpahla neenkonzo ezifunekayo zophuhliso lweziseko nolondolozo kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo

Iiprogram esekelayo 8.3: Izikolo zeMfundo eneeMfuno eziZodwas

Ibandakanya iimpahla neenkonzo ezifunekayo zophuhliso lweziseko nolondolozo kwizikolo zikarhulumente zemfundo eneemfuno ezizodwa

Iiprogram esekelayo 8.4: UPhuhliso lwaBantwana aBasaqalayo

Ibandakanya iimpahla neenkonzo ezifunekayo zophuhliso lweziseko nolondolozo kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo

INjongo eCwangciswe ngoBuchule

<p>INjongo eCwangciswe ngoBuchule 8.1</p>	<p>Ukuqinisekisa ngolondolo lweziseko zophuhliso eziphambili ngokokubaluleka, ezifikelekelayo ngamaxabiso nezisebenza ngobuchule kunye nokuqinisekisa ukuba izikolo zakhelwe ukungqinelanisa imiba ephambili ngokokubaluleka kokumelwa koluntu ngokwamanani kwingingqi (<i>priority demographic trends</i>)</p>
<p>INjongo eCwangciswe ngoBuchule</p>	<ol style="list-style-type: none"> 1. Ukwenza iziko ledatha enyanisekileyo, ephangaleleyo yeemfuno zolondolozo lweziseko zophuhliso. 2. Ukubeka phambili ngokokubaluleka ungenelelo ngoncedo olusekelwe kwiikhrayitheriya ezazisiweyo nezingaqhutywa luluvo kwakunye neesistim zengcaciso ezichanekileyo. 3. Kwimeko yokunqongophala kwemali kunye neziseko zophuhliso ezigugayo, sebenzisa inkqubo yeemfuno ngokwamanqanaba eemfuno (<i>hierarchy of needs approach</i>) ngokulandelayo: Ukulungiswa kophahla, ukulungiswa komonakalo ongephi kwizakhiwo, ukubonelelwa ngamanzi, ukubonelelwa ngombane, iifasilithi zogutyulo nezococeko, iigutters nefacia boards, iisilingi, iingcingo zokubiya, ukupeyinta. 4. Ukubonelela ngolondolozo olungxamisekileyo kwimeko yeentlekele zendalo, iingxaki zezakhiwo nokonakaliswa kwezinto. 5. Ukuxhasa izikolo kulondolozo lwemihla ngemihla (ukulondolozwa kwemihlaba, ukucocwa, ukuhlaziywa ngokutsha (<i>renovations</i>), ukulungisa kunye/okanye ukususwa kweendawo ezithile zezakhiwo zezikolo) ngokusebenzisa isabelo se<i>Norms and Standards</i> ezikolweni. 6. Bonelela ngokucwangciswa kweziseko zophuhliso kunye nenkonzo yokuqalisa inkqubo eqinisekisa ukuba izigqibo zokwakha, zokwakha ngokutsha (<i>renovate</i>), ukuvala okanye ukwandisa zisekelwe kubungqina obufanelekileyo kwanokuba abafundi bayamkelwa. 7. Lawula iprogram yokwakha ukubandakanya ukubonelelwa kwezikolo ezitsha, ukutshintshwa kwezitraksha ezingafanelekanga, ukuvuselelwa ngokutsha kweeklasi nokubonelelwa kweeklasi ezintsha kunye neeklasi ezizimobhayili ukuhlangabezana neemfuno kwixesha elifutshane.

linjongo ezicwangciswe ngobuchule, izalathi zentsebenzo, iithagethi ezicwangcisiweyo nezinto ezenziweyo kanye kanye

Kubonelelwa ngeenkukacha phantsi kweNqaku 6.8. “Capital investment, maintenance and asset management plan”. Apha ngezantsi kunikwe isishwankathelo.

liproject zokwakha ezigqitywe ngo-2013/14

Izikolo ezitsha

- Akukho zikolo zitsha zinikezelweyo ngo-2013/14;
- Akukho zikolo ziziimobhayili zigqityweyo ukuba zingasetyenziswa ngo-2013/14.

Ukutshintshwa kwezikolo (ukutshintshwa kwezikolo ezazakhiwe ngezinto ezingafanelekanga)

- Izikolo eziTshintshiweyo ezilandelayo zigqitywe ngo-2013/14: Formosa Primary School, Pacaltsdorp Primary School, St. Thomas Primary School, Kathleen Murray Primary School, Rusthof Primary School, Fairview Primary School kunye nePlantation Road Primary School,
- Inkqubo yokuphucula isakhiwo kunye neprojekthi enye yaye yagqitywa eBloekombos Primary School.

Iiklasi ezongezelelweyo

- Iiklasi zokwandisa: Ziyi-7 iiklasi ezaye zakhiwa kwizikolo ezikhoyo ukwenzela ukuvumela ukunyuka kobhaliso.
- Iiklasi zeBakala R: ziyi-11 iiklasi ezaye zagqitywa ngo-2013/14.
- Iiyunithi eziziimobhayili ekwaye kwabonelelwa ngazo: ziyi-175 iiklasi.

Iziseko zophuhliso ezazicwangciselwe ukuphunyezwa ngo-2013/14 zibhalwe apha ngezantsi, ecaleni kwamamanani ezinto ezenziweyo kanye kanye.

Udidi	Ezithagethiweyo	Inani kanye kanye
Izikolo ezitsha	4	0
Izikolo ezitshintshiweyo	7	7
Iiklasi zeBakala R	65	11 iiklasi
Eziphuculiweyo nezongezelelweyo	Akukho thagethi zimiselweyo	1
Iiklasi zoKwandisa		7 iiklasi
Iiklasi eziziimobhayili		175 iiklasi

Iinjongo eziCwangciswe ngoBuchule:

IProgram 8					
Umlinganiselo weProgram yeNtsebenzo	Okwenziweyo kanye ngo-2012/2013	Iithagethi eCwangcisiweyo ngo-2013/2014	Okwenziweyo kanye ngo-2013/2014	Ukufunxa kwithagethi ecwangcisiweyo ukuya kuthixo kokwenziweyo kanye kanye ngo-	Ikhomenti malunga nezifundo
► PPM801: Inani lezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo eziya kunikwa isibonelelo samanzi	0	0	0	0	Azikho
► PPM802: Inani lezikolo zikarhulumente eziya kunikwa isibonelelo sombane	0	0	0	0	Azikho
► PPM803: Inani lezikolo zikarhulumente eziya kunikwa iifasilithi zococeko	0	0	0	0	Azikho

IProgram 8					
UMlinganiselo weProgram yeNtsebenzo	Okwenziweyo kanye ngo-2012/2013	Ithageethi eCwangcisiweyo ngo-2013/2014	Okwenziweyo kanye ngo-2013/2014	Ukulenxa kwiithageethi eCwangcisiweyo ukuya kuthsho kokwenziweyo kanye kanye ngo-2013/2014	Ikhomenti malunga nezifundo
► PPM804: Inani leeklasi eziya kwakhiwa kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo (kubandakanywa iProgram ye-ASIDI)	293	613	265	-348	Iprojekthi yezikolo eziyi-13 (zimalunga ne-364 iiklasi) zaye zahlatywa (<i>cancelled</i>) ngo-2013/14 ngenxa yokungenziwa komsebenzi nokubhangiswa kweshishini (<i>liquidations</i>) ngabakwiikhontrakhi. Oku kubangele ulibaziseko olugqithisileyo kwiinyanga eziyi-6 ukunika ixesha lokupapashwa kwakhona kweekhonorakhi kunye neekhonorakhi kwanokuqeshwa kweekhonorakhi ezintsha.
► PPM805: Inani lamagumbi eengcali aza kwakhiwa kwizikolo zikarhulumente (onke amagumbi ngaphandle kwamagumbi okufundela, amagumbi okugcina isitokhwe, indawo emiselwe abagulayo, ikhitshi, njl. njl.), kubandakanywa iProgram ye-ASIDI	95	165	62	-103	Ziye-13 iiprojekthi zezikolo (malunga namagumbi eengcali ayi-103 ayeahlatywa ngo-2013/14 ngenxa yokungenziwa komsebenzi nokubhangiswa kwamashishini (<i>liquidations</i>) ngabakwiikhontrakhi. Oku kubangele ulibaziseko olugqithisileyo kwiinyanga eziyi-6 ukunika ixesha lokupapashwa kwakhona kweekhonorakhi kunye neekhonorakhi kwanokuqeshwa kweekhonorakhi ezintsha.

Izalathi zentsebenzo

IProgram 8					
ISalathi seProgram yeNtsebenzo	Okwenziweyo kanye ngo-2012/2013	Ithageethi eCwangcisiweyo ngo-2013/2014	Okwenziweyo kanye ngo-2013/2014	Ukulenxa kwiithageethi eCwangcisiweyo ukusuka kokwenziweyo kanye ngo-2013/2014	Ikhomenti malunga nezifundo
► PPI 8.1. Inani leprojekthi zolondolozo ezigqityiweyo	93	143 ⁸	108	-35	Kweziyi-35 iiprojekthi ezingaqitywanga, iiprojekthi eziyi-27 ziya kugqitywa kwikota ye-1 ka-2014/15, iiprojekthi eziyi-3 zaye zapapashwa kwakhona zaza iiprojekthi eziyi-3 zaye zahlatywa (<i>cancelled</i>) ngokupheleleyo.

Isicwangciso sokoyisa intsebenzo ekumgangatho osezantsi

- Faka inxaso-mali engaphezulu kulondolozo
- Inkqubo egxininisa kulondolozo ngokusebenzi iintlobo ezahlukeneyo zobuhlakani ezinokukhethwa, umz. inxaso ngemali engaqinelanisiweyo
- Ukusingatha iinkqubo ezimalunga nokungafumaneki kwamaziko ngokuquzelela phakathi kweSebe iWCED, iSebe lezoThutho neMisebenzi kaRhulumente (*Department of Transport and Public Works*) (DTPW) namaqandelo oorhulumente beengingqi.
- Ququzelela ukugqitywa kokusingathwa kwezicelo zokwenziwa kweezowuni kunye nemiba enxulumene naleyo ngonxibelelwano oluphuculiweyo phakathi kweSebe iWCED, iSebe iDTPW (kwezolawulo lweepropathi) kunye neSebe leMicimbi yezokuSingqongileyo noCwangciso (*Department of Environmental Affairs and Planning*) (DEADP)).

Utshintsho kwiithageethi ezicwangcisiweyo

Alungeni ndawo

Ukunxulumanisa intsebenzo neethageethi

Inkcitho ekungenwe kuyo kwiProgram 8 ibe negalelo ekuphunyezweni kwezi ziphumo ziphambili zilandelayo zeSebe iWCED:

Bulungile	Ibonisa ukukhuthuka nokudleka kancinane (<i>superficial wear and tear</i>), iziphene ezincinane kunye neempawu ezincinci zokonakala kwiindawo ezingaphezulu zemoto. Isalathi selahleko: Ayenzeki qho, kubakho uphazamiseko oluthile ekwenziweni kwemisebenzi. Kungaqikelelwa ingozi ngokubhekiselele kwezempilo nezokhuselo okanye ipropathi ayibonisi kuba namandla. Kukho iindleko ezincinane ezibandakanyekayo.	C4
Ngokuphakathi	Ikwimeko ephakathi, iindawo ezonakeleyo zifuna ukuqwalaselwa; iinkonzo ziyasebenza, kodwa zifuna ukuqwalaselwa, kukho ukusilela kwiinkonzo zokulondoloza. Isalathi selahleko: Imisebenzi iyalibaziseka ukwenzeka ngalo lonke ixesha. Kukho okuyingozi okuthile kwezempilo nokhuseleko okanye kwipropathi. Iindleko ezibandakanyekayo ziphakathi.	C3
Ikumgangatho osezantsi	Yonakele kakhulu, kukho iingxaki ezinkulu kwimo yayo. Inkangeleko yayo ngokubanzi ayikho semgangathweni kunye nokukhuthuka kwepeyinti ekhuselayo kumphezulu; izinto zayo zonakele, izinto ezisetyenziswayo azisebenzi; kukho inani elikhulu leziphene. Isalathi sengozi: Kukho ukuphazamiseka kakhulu ekukwazini ukwenza umsebenzi, kukho amathuba amaninzi okuba yingozi kwezempilo nokhuseleko okanye kwipropathi. Kukho iindleko eziphezulu/ ilahleko echaphazelekayo.	C2
Ikumgangatho osezantsi kakhulu	Ayikwazi kusebenza; ayisebenzi kwaye ayikulungelanga ukukhwelwa. Isalathi sengozi: ayisebenziseki, kukho ingozi kakhulu ebonakalayo kukhuselo, kwezokhuseleko okanye kwipropathi. Kukho iindleko ezinkulu ezichaphazelekayo.	C1

Izikolo karhulumente eziqhelekileyo ezingamakhulu amane anamashumi asibhozo (480) eNtshona Koloni zireyithwe njengezo "zikumgangatho osezantsi" ("poor"). Izikolo eziqeshisayo (*leased school*) nezikolo ezakhiwe ngezinto ezingafanelekanga (izikolo ezakhiwe "ngamaplanga) zimelwe ngokungalinganiyo kolu didi. Kwiminyaka edlulileyo kuye kwakho ulondolozo oluncinane kakhulu olucwangcisiweyo oluye lwenziwa ngabanini beepropathi eziqeshisayo. Abanini beepropathi bachaza amaxabiso asezantsi erenti njengesona sizathu siphambili esibangela ukuba kungenziwa lulondolozo lufanelekileyo kwizikolo eziqeshisayo. Izikolo eziliwaka elinamashumi amabini anesine (1024) zireyithwa njengezo "ziphakathi". Inani elikhulu lezi zikolo zifanele ukureyithwa njengezo "zisemgangathweni" kodwa ukusilela kolondolozo lwezi zakhiwo kuzichaphazele iireyithing.

Izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ezingamashumi amabini ananye (21) zireyithwa njengezo ziku-"C4".

Imeko yezakhiwo zeSebe iWCED iyadodobala kwaye iya kuqhubeka ukudodobala ngaphandle kokuba ibhajethi yolondolozo iyenyuswa okanye kusetyenziswa ezinye iindlela. Imfuno yaqho ngonyaka yolondolozo ngu-1.5% wexabiso lesitokhwe. Nangona iiprojekthi zolondolozo ezicwangcisiweyo ziqhubeka ngokwesicwangciso, ukunyuka qho ngonyaka kweendleko kuchaphazela ubungakanani bokunokusonjululwa. Ngenxa yoko, iinkxalabo malunga nokuba ndala kunye nokudodobala kwesitokhwe kusekhona.

Apha ngezantsi kunikwe isishwankathelo samanani.

Ukusilela kolondolozo				
UNyaka-mali	IXabiso lee-Asethi	Yi-1,5% efunekayo ukulondolozwa izakhiwo	Ibhajethi enikiweyo	Isixa esiqhwalelayo (shortfall)
2004	10,560,000	158,400	73,719	84,681
2005	12,000,000	180,000	76,174	103,826
2006	12,000,000	180,000	90,037	89,963
2007	15,052,800	225,792	37,192	188,600
2008	15,052,800	225,792	52,363	173,429
2009	15,052,800	225,792	73,719	152,073
2010	17,357,885	260,368	102,363	158,005
2011	18,225,779	273,387	108,413	164,974
2012	18,225,779	273,387	114,725	158,662
2013	19,683,841	295,257	168,673	126,584
Itotali esilelayo ukususela ngo-2004		2,298,175		

Kubekho ukuchaphazeleka okuthile okwenzekayo kusilelo lweenkonzo ngo-2012/13 kwaphinda kwakhona ngo-2013/14. Ngenxa yenkcitho ecothayo kwiiprojekthi zezakhiwo, kuye kwathathwa isigqibo sokuqalisa uluhlu lweeprojekthi, nazo ngokwazo ebezingenako ukubandakanywa kwi-U-AMP ngenxa yeebhajethi eziphambili ngokubaluleka. Kunikwe ingqwalaselo kwakhona ekucwangcisweni kweeprojekthi zolondolozo eziqingqelwe u-2014/15 ukufumana isiqalo esingcono kwinkcitho yezolondolozo ecwangcisiweyo kunyaka-mali ka-2014/15. Ukucwangciswa kweeprojekthi zezakhiwo eziyi-39 kuqaliswe ngo-2013/14 ukwenzela ukukhawulezisa ukuqaliswa kweeprojekthi kwiminyaka ezayo.

INgxelo yoNyaka yoNyaka-mali ka-2013/14
IBhajethi eVunyiweyo yesi-5: yeSebe leMfundo
lePhondo leNtshona Koloni

IiProjekthi zeZiseko zoPhuhliso	2013/2014			2012/2013		
	Inflawulo- mali yokugqibela	Inkcitho kanye kanye	(INkcitho eNgaphezulu)/ INkcitho eNgaphantsi	Inflawulo yokugqibela	INkcitho kanye kanye	(INkcitho eNgaphezulu)/ INkcitho eNgaphantsi
	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000
Ii-asethi ezintsha nee-asethi ezithatha indawo yezangaphambili	778,999	640,365	138,634	343,287	343,287	0
Ii-asethi zophuhliso lweziseko ezikhoyo	271,012	271,012	0	357,882	317,567	40,315
Uphuculo nezongezelelo kwizakhiwo	41,041	41,041	0	134,119	129,189	4,930
Ukubuyisela kwisimo esisiso (<i>Rehabilitation</i>), ukwenza ntsha (<i>renovations</i>) nokwakha ngokutsha (<i>refurbishments</i>)	7,213	7,213	0	35,875	35,875	0
Iinkqubo zolondolozo nokulungisa	225,758	225,758	0	187,888	152,503	35,385
Inflawulo ngebhanki yemali yophuhliso lweziseko	142,935	142,935	0	89,818	89,818	0
- Inflawulo yangoku	62,250	62,250	0	42,350	42,350	0
- Inflawulo yeCapital	80,685	80,685	0	47,468	47,468	0
Itotali	1,192,946	1,054,312	138,634	790,987	750,672	40,315



I Candelo C
Ezolawulo

1. INTSHAYELELO

Ukuzibophelela kwesebe lemfundo ukulondoloza eyona migangatho ephezulu yokuphatha kusisiseko ekuphathweni kweemali zikarhulumente nezibonelelo zoncedo. Abasebenzisi bafuna ingqinisekiso yokuba isebe lemfundo linezitraksha zokuphatha ezisemgangathweni ezimiselweyo ukusebenzisa ngempumelelo, ngobuchule nangoqoqosho ukusebenzisa izibonelelo zoncedo zikarhulumente, ezixhaswa ngemali ngumhlawuli werhafu.

ISebe leMfundo lenzelwa inkonzo yiKomiti yoPhicotho-zincwadi yezeMfundo (*Education Audit Committee*), kwaye onke amalungu ayo ngamalungu azimeleyo, atyunjwe liGosa eLimele ukuPhendula ngokuSetyenziswa kweMali ngokuthetha-thethana neGunya lesiGqeba soLawulo. Ikomiti yoPhicotho-zincwadi isebenza ngee-“*Terms of Reference*”, ezivunye ngokusemthethweni nge-18 Julayi 2012.

IKomiti yoPhicotho-zincwadi ibamba indibano ubuncinane qho ngekota ukuqalisa imisebenzi eluxanduva lwayo ngokwee-*Terms of Reference* ezivunye ngokusemthethweni. Ikomiti yoPhicotho-zincwadi ngaphezulu ibamba indibano neGosa eLimele ukuPhendula ngoSetyenziso lweMali ukuxoxa ngemiba exhalabisayo.

UPhicotho-zincwadi lwaNgaphakathi (*Internal Audit*) luqhubekile ukwenziwa ngokuzimeleyo ngekwabelwana ngayo i-*Internal Audit Activity* etshintshwe yenziwa iqumrhu elizimeleyo eliyinxalenye yeZiko leeNkonzo zoKwenziwa kweMisebenzi kwiSebe leNkulumbuso (*Corporate Services Centre in the Department of the Premier*).

Ngokungqinelanayo noMthetho woLawulo lweMali kaRhulumente, 1999 (uMthetho No 1 ka-1999) (*PFMA*) neKING III, i-*Internal Audit Activity* inika iKomiti yoPhicotho-zincwadi nabaphathi ingqinisekiso yokuba iinkqubo zolawulo zangaphakathi ezinxulumene nokuphatha, ulawulo lwelahleko kunye neenkqubo zolawulo zifanelekile kwaye ziyimpumelelo. Ngokuhambelanayo nePFMA kunye neKING III, kuvunye ngokusemthethweni isicwangciso seminyaka emi-3 sokubeka esweni ilahleko (*a risk-based 3-Year Rolling Strategic and Annual Operational Internal Audit Plan* evunye ngokusemthethweni yiKomiti yoPhicotho-zincwadi, yaza iKomiti yoPhicotho-zincwadi yabeka esweni ukwenziwa kwesicwangciso somsebenzi nokuphunyezwa kwamanyathelo okulungisa ukungenziwa kakuhle komsebenzi.

Ngo-2013, icandelo elitsha elinika ingxelo ngqo kwiNtloko yeSebe leMfundo, lasekelwa ukunceda iYunithi yoLawulo Lwngaphakathi (*Internal Control Unit*) yeSebe iWCED. Okugunyaziswe ukuba mayikwenze kukunika ulawulo lobuchule, isikhokelo nengcebiso ngokunxulumene neenkqubo zolawulo zangaphakathi. Igxininisa koku:

1. Ekuqinisekiseni ukuphatha ngendlela eyiyo – ekuququzeleleni nasekugcineni ukugqithiselwa kwegunya lokwenza umsebenzi ngokufanelekileyo kwanomgaqo-sikhokelo wokuphatha, ukuqinisekisa ukwenziwa kolawulo lokulungisa ukungenziwa kakuhle komsebenzi, ukuqinisekisa ukusetyenziswa nokulondolozwa kweSistim yoLawulo lweLahleko edibeneyo (*integrated Loss Control System*), ukunika ingxelo, qho ngekota naqho ngonyaka ngobume bempendulo kwii-FIU-reports
2. Ukubonelela ngenkonzo eqinisekisa ngolawulo lwelahleko – ukuchaza imiba kwiKomiti yoPhicotho-zincwadi, ukuququzelela uphicotho-zincwadi lwaNgaphandle nolwaNgaphakathi, ukulawula iinkqubo elandela emva kophicotho-zincwadi
3. Ukuqulunqa imigaqo-sikhokelo yezolawulo, yezemigaqo-nkqubo namacebo okwenziwa komsebenzi ngobuchule – ukuba neendlela namacebo okusebenza (*techniques*), ukunika ingcebiso malunga nesicwangciso sobuchule, amaxwebhu omgaqo-nkqubo.

Uphicotho-zincwadi lwangaphakathi luqhubeka nokuqwalasela indima edlalwe ngabanye abaqinisekisi bolawulo lwelahleko kwaye lunenjongo yokusebenzisa inkqubo edibeneyo yokuqinisekisa ulawulo lwelahleko ngonyaka ozayo oluya kuqinisekisa ukuba izibonelelo zophicotho-zincwadi zangaphakathi zisetyenziswa kwezona nkalo zichaphazelwa kakhulu yilahleko.

Onke amagosa athweswe uxanduva lokuphendula ngokusebenzisa iinkcazo zomsebenzi (*job descriptions*) neemvumelwano zentsebenzo (*performance agreements*). Amagosa akwaNdlunkulu athweswe uxanduva lokunika inkxaso ngexesha elifanelekileyo nenkxaso enobungcali kwizithili. Izikolo nezithili zinoxanduva lokunika inkxaso ezikolweni nakwinkqubo yabafundi. Ukuya kootitshala nabafundi esikolweni nokusetyenziswa kangangoko kunako usuku lwesikolo, ezo yayiziinkalo eziphambili ekugxininiswa kuzo.

Uxanduva lokuphendula ngokwenzayo kwinqanaba lesikolo lomelezwe ukususela ngo-2011 ngoMthetho oFakela iZilungiso weMfundo yeZikolo zePhondo waseNtshona Koloni (*Western Cape Provincial School Education Amendment Act No 7 of 2010*), oqalise ukusebenza ngoJanuwari 2011.

Uxanduva lokuphendula ngokwenzayo lwandiswa ngemisebenzi yokongamela edlalwa yiOfisi kaNondyebo yePhondo nekaZwelonke ngokwemingxilo yogunyaziso yocwangciso kunye namaxesha okunika ingxelo aquka yomibini imiba yezemali nengeyoyamali. Ixesha lokunika ingxelo qho ngenyanga (umz. ezemali), qho ngekota okanye qho ngonyaka. Onke amacandelo akwiSebe iWCED anamacandelo angamahlakani awo kwiSebe leMfundo esiSiseko okanye kwiSebe leMfundo ePhakamileyo noQeqesho apho amajelo okunika ingxelo, ukucazululwa kwentsebenzo neengqikelelo zigcinwa khona. ISebe leNkulumbuso lenza umsebenzi wokongamela iiprojekthi eziphambili zeSebe iWCED. Zombini iinkqubo zoPhicotho-zincwadi zaNgaphakathi nezaNgaphandle ngaphezulu ziphethe ezolawulo zize zincedise ekuqinisekiseni ukusebenza kakuhle kunye nolawulo oluchubekileyo.

Uxanduva lokuphendula ngokwenzayo nezizathu zokuba wenjenjalo (*substantive accountability*) lukubudlelane obuqingqiweyo obuphakathi kweSebe iWCED noUMALUSI, ibhunga loqinisekiso lwemigangatho likazwelonke kwiziphumo zemfundo. Obu budlelane bufumaneka kwinkqubo yokumodareyitha yangaphakathi yeenkqubo zovavanyo nokuziswa kwenkqubo yoviwo eyamkelekileyo.

Ngokubambisene nawo onke amasebe karhulumente kuzwelonke, iSebe iWCED lithathe inxaxheba ekubekeni esweni ukuqaliswa kweenkqubo ezintsha yiOfisi yoBumongameli (*Presidency*), eyi-*Management Performance Assessment Tool (MPAT)* ephonononge iinkalo ezi-4 zokuphatha, oko kukuthi, i*Strategic Planning, HR, Governance and Accountability and Financial Management*. Eli ibe linyathelo elibalulekileyo.

Inkqubo yoVavanyo lweSikolo Siphela (*Whole School Evaluation*) iyaqhubeka ukwazisa hayi nje kuphela ngeemfuno zokunika inkxaso kwizikolo nganye nganye kodwa kwangokunjalo nakwimiba yovavanyo lwenkqubo yemfundo (*systemic issues*). Undwendwelo olufutshane luqutyiwe kwizikolo ezincinane okanye kwezo zazisebenza kakuhle kakhulu. Ukwahluka kobude bondwendwelo kunika lokuba izikolo ezongezelelweyo zityelelwe. Izikolo zibhalwa phantsi ngokweekhowudi zeereyithingi ze-WSE. Kwabelwane ngeziphumo kwiingxelo malunga nokwenzekayo okuchaphazelekayo.

NgoFebruwari 2013 kwakhona nango-2014, zonke izikolo zizalise ekhompuyutheni ii-School Improvement Plans (SIPs) zazo, ezineethagethi zeminyaka emi-3 ezayo, ukwenzela inkqubo yezemfundo; indlela eyiyo yokusebenza kwabaphathi (ngokunxulumene nokungayi

kwabafundi nootitshala esikolweni kunye nesicwangciso sezifundo); ukubonelelwa ngezinto zokusebenza kunye nolondolozo. Izalathi zingqinelana neethagethi zikazwelonke phantsi kweSicwangciso soMsebenzi sika-2014 zize zihambelane neenkalo zokugxininisa eziyi-9 ekwenzeni ungenelelo ngoncedo oluphambili lokuphucula intsebenzo (*key improvement interventions*). I-SIP kwakhona iyinxalenye yesistim yokuphendula ngokwenzayo, kuba abayinxalenye yabasisayinayo isicwangciso bebandakanya inqununu, i-SGB kunye neSebe iWCED. Ngo-2014, izikolo kwakhona zaye zabonelela ngeSicwangciso zoMsebenzi ukuchaza ngokuthe gca amanyathelo abanokuwathatha ukufezekisa ezi thagethi zisetiweyo.

Kwinkqubo yokuBeka eSweni iSicwangciso soPhuculo lweSikolo yaqho ngekota (*quarterly School Improvement Monitoring*) yango-2013, ekuye kuqhutywe ngayo izinto eziphambili zokuxhasa ngezibonelelo zoncedo nokusebenza kakuhle kwezikolo, umz. unyulo lwee-SGB, ukulungiselela unyaka omtsha kwenziwe. Ngenxa yokuba iingxelo zifakwe ekhompnyutheni, idatha inokuthathwa isetyenziselwe ukuphucula inkxaso efumanekayo. Ngokukodwa, umzekelo, idatha ixhobise iSebe iWCED ngokwazisa kwangethuba malunga nokuziswa kweencwadi zomsebenzi (*workbooks*) ezikolweni.

2. UKULAWULA ILAHLEKO

IGosa eLimele ukuPhendula ngokuSetyenziswa kweMali (*The Accounting Officer*) (AO) leSebe leMfundo leNtshona Koloni (iSebe leMfundo leNtshona Koloni) lithatha uxanduva lokusebenzisa i-Enterprise Risk Management (ERM) ngokungqinelana neNational Treasury Public Sector Risk Management Framework (NTPSRMF) kunye ne-Enterprise Risk Management (D:ERM) kwiSebe leNkulumbuso (iSebe iDoTP)) libonelela ngenkonzo elawulwa kwandlunkulu yokunika inkxaso enobuchule kwiSebe leMfundo.

Ukuhambelana mbo ne-National Treasury Public Sector Risk Management Framework (NTPSRMF) kwanokumilisela ngaphezulu ulawulo lwelahleko kwiSebe leMfundo, uRhulumente waseNtshona Koloni (*Western Cape Government*) (WCG) uvume ngokusemthethweni uxwebhu i-ERM Policy ekubhalwe kulo injongo epheleleyo ye-WCG ngokunxulumene ne-ERM.

I-Annual ERM Implementation Strategy yenziwe ukwenzela ukuba kusetyenziswe i-WCG ERM policy kunye nokuphumeza i-Annual Enterprise Risk Management Implementation Plan kunye neenkqubo eziphambili ngokubaluleka zolawulo lwelahleko zeSebe iWCED. Oku kwenza ukuba iSebe leMfundo likwazi ukuphumeza iinjongo zalo njengeSebe leMfundo, okujoliswe kuko nezalathi zentsebenzo eziphambili, ziphucula ukwenziwa kwezigqibo ezizizo ngelahleko nokusebenzisa ngeyona ndlela enobuchule ukuhambelana mbo nowiso-mthetho oluchaphazelekayo. Lo mgaqo-nkqubo kwakhona ucacisa ngemisebenzi yabaphathi neyabasebenzi ekuzinziseni inkqubo yolawulo lwelahleko kwiSebe leMfundo kwaye uchaza malunga nowiso-mthetho olunika amathuba, imigangatho emiselweyo, iinkqubo ezisetyenziswayo, izixhobo nezibonelelo eziya kusetyenziswa ukuphumeza isicwangciso se-ERM.

IKomiti yoLawulo lweLahleko yeSebe leMfundo leNtshona Koloni (*The Western Cape Education Department Risk Management Committee*) okanye isiGqeba soLawulo sibonelela ngenkqubo yokongamela inkqubo iyonke yolawulo lwelahleko yeSebe leMfundo ize inike iingxelo ezifunekayo ezinxulumene nokwenziwa kolawulo lwelahleko. IKomiti yoPhicotho-zincwadi yongamela ngokuzimeleyo isistim yeSebe leMfundo yolawulo lwelahleko. Uphononongo lweKomiti yoPhicotho-zincwadi lwenkqubo yolawulo lwelahleko lunxulumene nenkqubela-phambili yokuqaliswa kwesicwangciso solawulo lwelahleko i-Department's Annual ERM Implementation Plan kunye neelahleko ezinkulu/iilahleko ezibalulekileyo

ekujongenwe nazo liSebe leMfundo kunye nempendulo yayo kwilahleko/kwizicwangciso ezichaphazelekayo zokusingatha ingxaki.

IKomiti yoLawulo lweLahleko

ISebe leMfundo leNtshona Koloni liseke iKomiti yoLawulo lweLahleko ukunceda iGosa eLimele ukuPhendula ngokuSetyenziswa kweMali (*Accounting Officer*) ekwenzeni imisebenzi eluxanduva lwalo emalunga nolawulo lwelahleko. Le komiti isebenza phantsi kwemimiselo yokusebenza evunywe liGosa eLimele ukuPhendula ngokuSetyenziswa kweMali. Le Komiti ibandakanya amalungu eKomiti yeSigqeba esiLawulayo seSebe leMfundo. Ngokwemimiselo yokusebenza iKomiti kufuneka idibane amaxesha amahlanu enyakeni.

lintlanganiso zeKomiti kulo nyaka-mali uphantsi kokuqwalaselwa kwakhona zihanjwe ngolu hlobo lulandelayo:

Ilungu	Isikhundla	lintlanganiso ezicwangcisiweyo	lintlanganiso ezihanjweyo
Nks. P. Vinjevold	SG: KwiSebe leMfundo	4	3
Mnu. L. Ely	DDG: KwezoLawulo loSetyenziso lweMali	4	3
Nks. M. Harker	DDG: KwezoCwangciso lweMfundo	4	3
Mnu. B. Schreuder	DDG: KwezoLawulo lweKharithulam noVavanyo	4	3
Mnu. J. Lyners	DDG: KwezoPhuhliso noQuquzelelo lwaMaziko	4	3
Mnu. I. Carolus	CD: KwiCandelo loMlawuli oyiNtloko loLawulo lwaBasebenzi	4	3

Inkqubo yolawulo lwelahleko

Ngethuba eliphantsi kokuqwalaselwa kwakhona, iSebe iWCED lihlale ilahleko zalo ngokunxulumene nesicwangciso salo sobuchule kunye nesicwangciso sentsebenzo sonyaka. Uhlolo lwelahleko luqhutywa kwinqanaba lobuchule qho ngonyaka luze luhlaziye qho ngekota. Kwinqanaba leprogram, uhlolo lwelahleko luqhutywa qho ngekota ukwenzela ukuqwalasela kwakhona nokuhlaziya ingcaciso ngeelahleko ezikhoyo kwanokuqwalasela ilahleko ezivelayo. Iilahleko ezinkulu ezichaphazela iinjongo zihloliwe ngokweemeko zazo ezisenokwenzeka kunye nokusisiphumo sazo; izicwangciso zokunyanga ilahleko zenziwe zaze zalawulwa ngabanikazi ababelwe uxanduva lokulawula ilahleko. Iirejista zeeprogram ezijongene nelahleko zivunywa ngokusemthethweni ngumphathi weprogram ochaphazelekayo.

IKomiti yoLawulo lweLahleko (*Risk Management Committee*) ivuma ngokusemthethweni, ibeke phambili ngokobaluleko ize icebise ngaphezulu iGosa eLimele ukuPhendula ngokuSetyenziswa kweMali, ukuba zeziphi na ilahleko ezinkulu ezibe nokuncitshiswa ngokusebenzisa impendulo efanelekileyo kwilahleko/ukunyanga ilahleko ukwenzela ukuphumeza iinjongo zobuchule zesebe lemfundo kwaye le nkqubo iqhutywa qho ngekota.

Ukuchaphazeleka kokusebenza kweziko

Ulawulo lwelahleko kumaqumrhu (*Enterprise risk management*) lujike lwangowona msebenzi ubalulekileyo wabaphathi abakhulu besebe lemfundo, ngokukodwa kwinqanaba leSigqeba soLawulo (*EXCO*). Igosa elithwese uxanduva lolawulo lwelahleko (*risk champion*) liyinxalenye ye-EXCO. Ukwazisa qho ngeelahleko ezenzeka kwiinkqubo nokugxininisa ekunciphiseni ilahleko kuye kwanegalelo ekuphuculweni kokwenziwa kwenkonzo engcono ngokwezigaba ezahlukeneyo. Ukukhula ngokubhekiselele kulawulo lwelahleko kuye kwaphucuka

ekuhambeni kwethuba. Ingqwalaselo ephuculiweyo kulawulo lwelahleko iya kufumana ingqwalaselo eqhubeka okokoko.

3. UBUQHETSEBA NOBUQHOPHOLOLO

URhulumente waseNtshona Koloni wamkele ngokusemthethweni iSicwangciso eSichasene noBuqhetseba (*Anti-Corruption Strategy*) esingqina isigqibo sokunganyamezeleki nakanye (*zero tolerance*) liPhondo kobuqhetseba nobuqhophololo. ISebe leMfundo livume ngokusemthethweni iSicwangciso sokuThintela uBuqhetseba (*Fraud Prevention Implementation Plan*) nesisiqhamo seSicwangciso sokuThintela uBuqhetseba (*Fraud Prevention Plan*).

Amajelo ahlukeneyo okuchaza izityholo zobuqhetseba nobuqhophololo akho kwaye lawo acaciswe kakhulu kwiProvincial Anti-Corruption Strategy nakwiDepartmental Fraud Prevention Plan. Isityholo ngasinye esifunyenwe yiForensic Investigation Unit sirekhodwe kwiCase Management System nesetyenziswa njengesixhobo sabaphathi sokuchaza inkqubela eseyenziwe ngeekheyisi ezinxulumene nesebe lemfundo kwanokwenza iinkcukacha-manani zePhondo nezeSebe leMfundo. Thina siyabakhusela abasebenzi abahlaba umkhosi (*blow the whistle*) kwizenzo ezikrokreleka njengezibubuqhetseba, ubuqhophololo nobusela ukuba inkcazo leyo yinkcazo ekhuselekileyo (o.k.t. engenankohlakalo). Ithuba lokungazichazi igama liyanikwa kuye nawuphi na umntu onqwenela ukuchaza izenzo zobuqhetseba, ubusela nobuqhophololo kwaye kufuneka bakwenze oko ngokuza bona ubuqu, ukuba bangoobani oko kugcinwa kuyimfihlo ngumntu lowo banika inkcazo kuye.

Nje ukuba ubuqhetseba okanye ubuqhophololo buqinisekise emva kokwenziwa kophando, umsebenzi ochaphazelekayo obethatha inxaxheba kwezi zenzo uya kuthathelwa amanyathelo ngokubizelwa kwiingxoxo zoluleko. Kwiimeko zonke ezinjalo, ummeli weWCG oqalisa ngamanyathelo ezoluleko makacebise malunga nokugxothwa kwaloo msebenzi uchaphazelekayo. Apho ubungqina obubambekayo besenzo solwaphulo-mthetho buqatshelweyo, isenzo eso solwaphulo-mthetho sichazwa kwiSebe leNkonzo zaMapolisa laseMzantsi Afrika (*South African Police Services*).

Ngalo nyaka-mali, kwenziwe kwagqitywa imisebenzi yophando eyi-53 yiForensic Investigation Unit lo gama imiba eyi-21 ibhekiswe kwiSebe leMfundo ukwenzela ukuqhuba uphando lwangaphakathi. Imisebenzi yophando engamashumi amabini (20) iqinisekise ukuba bekwenzeke uBuqhetseba (*Fraud*) okanye uBuqhophololo (*Corruption*), imisebenzi yophando eyi-9 iqinisekise malunga nokwenzeka kweZitenxo kunye/okanye ukuNgathobeli (*Irregularities and/or Non-Compliance*), umsebenzi wophando oyi-1 ungqine isenzo soBusela, imisebenzi yophando eyi-2 ibonise ukuba bekungekho Buqhetseba okanye Sitenxo kwaza kwiimeko eziyi-21 uphando lokuqala alwabi nako ukungqinisa isityholo soBuqhetseba, uBusela okanye uBuqhophololo. Ekupheleni kwalo nyaka-mali, imiba eyi-28 ishiyeke kuluhlu lweekheyisi zeSebe leMfundo.

4. UKUNCIPHISA UKUNQUBANA KWEEMFUNO

Qho ngonyaka, okanye njengoko iimeko zitshintsha, amalungu enkonzo yabaphathi abakhulu kufuneka bazalise baze bangenise inkcazo 'yokungachaphazeleki ekungqubaneni kweemfuno' (*'No conflict of interest'*). Onke amalungu eBid Committee nabo bonke abasebenzi kwiCandelo lokuThengwa kweeMpahla neeNkonzo (*Supply Chain Management*) kufuneka bachaze nakuphi na ukungqubana kweemfuno. ISebe leMfundo lifuna ukuba abo bafaka izicelo zokunanisa ngenkonzo (*bidders*) ukuba bachaze ubudlelane

obusengaba bukho phakathi kwabo nomqeshi okanye nabasebenzi abachaphazelekayo. Amalungu eKomiti yoPhicotho-zincwadi kwakhona kufuneka kwakhona angenise inkcazo ka-*'No conflict of Interest'*.

5. UMGAQO WOKUZIPHATHA

Isebe lemfundo lihambelana mbo noMgaqo wokuZiphatha weNkonzo kaRhulumente (*Public Service Code of Conduct*).

Uxwebhu lomgaqo-nkqubo, *The Policy on the Acceptance of Gifts by the Office-based Officials of the Western Cape Education Department* luqokunjelwe nge-27 Matshi 2013. Lo mgaqo-nkqubo uchaza, phakathi kwezinye izinto, ngesikhokelo ngokubanzi, iRejista yeZipho, iindlela zokuzaliswa kwe*Declaration Forms, Frequently Asked Questions and a Gift Register template Policy*.

6. UKHUSELEKO LWEZEMPILO NEMIBA YEZOKUSINGQONGILEYO

Ukhuseleko lwabafundi nootitshala ezikolweni ngowona mngeni mkhulu kwaye iSebe leMfundo lakhe ubudlelane namanye amasebe ephondo achaphazelekayo ukusingatha lo mba. Ubandakanyeko lwabahlali luhleli lungowona mba ophambili ekulweni ubundlobongela obuchaphazela ezinye zezikolo zethu ezisengozini enkulu. ISebe leMfundo kwakhona lineekhamera ii-CCTV kwizikolo ezithile ukwenzela ukuba iinqununu zezikolo zibeke esweni intshukumo.

7. IIKOMITI ZEEPHOTHIFOLIYO

Awuzichaphazeli lo mba

8. IZIGQIBO ZE-SCOPA

IKomiti iqaphele uluvo lokuphicotho loMphicothi-zincwadi Jikelele malunga neZitetimenti zeMali zoNyaka zeSebe leMfundo, njengezingenamakhwiniba (*unqualified*) kunye neziphumo ezihambelana mbo nemithetho nemimiselo enxulumene nokuthengwa kweempahla neenkonzo nolawulo lweekhontrakhi kunye nolawulo lwenkcitho, kunye nokuba oku bekuchaza impumelelo ukususela kuphicotho-zincwadi olukhatshwa yimbono eyayichaza amakhwiniba (*qualified audit opinion*) ka-2011/12.

Le Komiti ilincomile iSebe leMfundo ngenkqubela-phambili eliyenzileyo ngokumalunga noku, ekuzimiseleni kwalo ukufumana uphicotho-zincwadi olucocekileyo ngo-2014 nangaphaya koko. Ukuphumeza oku kuzimisela nokuthintela ukubuyela emva kwesiphumo sophicotho-zincwadi, iSebe leMfundo lifanele ukusombulula ngoko nangoko nangokuzinzileyo yonke imiba ephakanyiswe nguMphicothi-ncwadi Jikelele, yiKomiti yoPhicotho-zincwadi nayile Komiti.

Le Komiti iqwalasela inyaniso yokuba i-25% yeeNkalo ezibonisa iLahleko ePhezulu ziqukwe luPhicotho-zincwadi lwaNgaphakathi, xa kuthelekiswa ne-40% yonyaka ophelileyo, yaza ngaphezulu yaqaphela ukuba kwiinkqubo zophicotho-zincwadi zangaphakathi eziyi-15 ezivunye ngokusemthethweni ukuba kuqhutywe kuzo uphicotho-zincwadi kulo nyaka-mali umiyo, eziyi-13 zenziwe zagqitywa kanye kanye.

Nazi iZigqibo zeSCOPA zonyaka-mali omiyo njengoko zandlaliwe kwitheyihibhile engezantsi.

Oyena nobangela wengxaki	ISigqibo seSCOPA	Inyathelo elithathiweyo ngeZigqibo zeSCOPA kubandakanywa neenkciitho ezinxulumene noko	Indlela oku okuchaphazela ngayo oonyaka-mali bexesha elizayo
<p>Amakhasi: 113 (umhlathi 7) no-175 eNgxelo yoNyaka (iZigqibo zeSCOPA)</p> <p>Inkcazelo: Le Komiti iqaphele umgaqo-nkqubo omtsha ongeNkciitho eGwenxa, engenaNzuzo nenokuDyakraza (<i>Irregular, Fruitless and Wasteful Expenditure</i>) oqulunqwe waphunyezwa liSebe leMfundo ngonyaka-mali ka-2011/12 ngenjongo yokunciphisa inkciitho egwenxa yexesha elizayo.</p>	<p>IKomiti ivumelene ukuba:</p> <p>1. ISebe leMfundo malichazele le Komiti ngokuqulathwe kumgaqo-nkqubo weSetyhula engoMgaqo-nkqubo (No 5 ka-2013, ukuphunyezwa kwawo nayo yonke impumelelo/imingeni efunyenwe ngethuba lenkqubo yophumezo.</p>	<p>ISebe iWCED likhuphe umgaqo-nkqubo ngo-2013 lanika noqeqesho kuwo onke aMagosa athwese umsebenzi woLawulo lweLahleko (<i>Loss Control Officers</i>) ngoFebruwari noMatshi 2013.</p>	<p>Oku akuyichaphazeli le ndawo</p>
<p>Ikhasi: 113 leNgxelo yoNyaka (umhlathi 5)</p> <p>Isihloko: "3.6. "Umsebenzi wophicotho-zincwadi lwangaphakathi"</p> <p>Inkcazo: Le Komiti iqaphele ngokuxhalabileyo ukuba ukubandakanyeka kokwenziwa kophicotho-zincwadi olungaphezulu belufuneka ukubandakanya ipesenti enkulu yeenkalo ekwenzeka kuzo ilahleko enkulu kwiSebe leMfundo.</p>	<p>2. ISebe leMfundo kufuneka lichazele le Komiti nobungakanani bokwenziwa kophicotho-zincwadi (kubandakanywa nesicwangciso sophicotho-zincwadi lwangaphakathi esijolise ekuqwalaseleni ilahleko) ngonyaka-mali ka-2012/13 neempumelelo/imingeni efunyenweyo, ngokukodwa ngokunxulumene neendawo ezinelahleko enkulu ezinjengezi:</p> <p>2.1 UPhuhliso loBuchule boo-Titshala – ootitshala bokufundisa imfundo eneemfuno ezizodwa;</p> <p>2.2 Inkciitho egwenxa;</p> <p>2.3 ISicwangciso soPhuculo lweSikolo – ucwangciso lwekharithulam;</p> <p>2.4 Ulondolozo lweziseko zophuhliso – izikolo eziqeshiswayo; neCentral Education Management Information System (CEMIS) kunye neDistrict Management Information System (DMIS)</p> <p>3. ISebe leMfundo malinike ingxelo ngokusebenza kophicotho-zincwadi kwiinkalo zalo zoKwenza uMsebenzi kunye nezobuchule, kubandakanywa neenkqubo eziqalisiweyo ukuqinisekisa ukuba uncitshiso lweelahleko kwezi nkalo luyenzeka.</p>	<p>Umhla wokuthathwa kwenyathelo kocwangciswa siSCOPA</p> <p>Umhla wokuthathwa kwenyathelo ocwangciswa siSCOPA</p>	<p>Oku akuyichaphazeli le ndawo</p> <p>Oku akuyichaphazeli le ndawo</p>

Oyena nobangela wengxaki	ISigqibo seSCOPA	Inyathelo elithathiweyo ngeZigqibo zeSCOPA kubandakanywa neenkciitho ezinxulumene noko	Indlela oku okuchaphazela ngayo oonyaka-mali bexesha elizayo
<p>Ikhasi: 116 leNgxelo yoNyaka (isahluko 4)</p> <p>Isihloko: "Ukusebenza ngempumelelo kwezoLawulo LwangaPhakathi ("Effectiveness of Internal Control")"</p> <p>Inkcazelo: Le Komiti iqaphele ukuba u-Ernst and Young wenze uhlobo lwe-IT General Control and Information Security Control Environments enika inkxaso i-CEMIS (Control Education Management Information System) and DMIS (District Information Management System), kwanokuba kuqaphelele ubukho bezikhewu ezikhulu. Le Komiti iqaphele ukuba ezi nkqubo zolawulo zenziwe ngabaphathi ukulawula ukufikelela kwabasebenzisi ekusebenzeni kweCEMIS ngohlobo olubhalwe phantsi lwabasebenzisi bee-akhawunti abavunyiweyo.</p>	<p>4. ISebe leMfundo malisombulule zonke izikhewu zolawulo eziqatshelwe kuhlolo lwe-Ernst and Young lize liqalise iinkqubo zokuqinisekisa ukuhambelana mbo nolawulo lokufikelela kwabasebenzisi ekhompuyutheni kumaziko achaphazelekayo (ezikolweni/kwi-ofisi yesithili).</p>	<p>Isikhokelo i-CEMIS User Access Guideline yalungiselelwa ukwamkela idatha apho kujulwa khona ingcaciso yePERSAL eqhelekileyo (regular PERSAL data dumps) njengoko kucetyiswayo. ISebe iWCED lifumene imvume yokutenxa kwimigangatho emiselweyo yesebe lemfundo ngokubhekiselele kubasebenzisi beCEMIS ezikolweni.</p>	<p>Iinkqubo zolawulo ngokubanzi nezokhuseleko ze-IT eziphuculiweyo</p>
<p>Ikhasi: 156 leNgxelo yoNyaka (umhlathi 1)</p> <p>Isihloko: "Ukuqwalaselwa kwakhona ngokubanzi kobume beemeko"</p> <p>Inkcazelo: Le Komiti iqaphele iinkxalabo zeKomiti yoPhicotho-zincwadi ngeLahleko eZikhulayo, ngaphezulu kwezo zichazwa nguMphicothi-zincwadi Jikelele, kwanokuba ezi lahleko zazifakiwe kwiSicwangciso soLawulo lweLahleko kwaye ziyinxalenye yeSicwangciso soPhicotho-zincwadi lwaNgaphakathi.</p>	<p>5. ISebe leMfundo malinike ingxelo ngokuchaphazeleka kwezemali kwiikheyisi zePILIR (Policy on Incapacity Leave and Ill Health Retirement), licacisise ngeenkqubo eziqalisiweyo ukuqinisekisa ukuba ezi kheyisi ziyancitshiswa kwixesha elizayo.</p> <p>6. ISebe leMfundo maliqinisekise ukuba lihambelana mbo nemigaqo-nkqubo ngeenkqubo ezingekhefu lokhubazeko lomhlalaphantsi wokugula (policies and procedures on incapacity leave for ill-health retirement (PILIR)).</p>	<p>Ngokungqinelana nomgaqo-nkqubo weSebe leMfundo, utitshala obambeke omnye kwiziko unokuqeshwa xa ithuba lokungayi kwakhe esikolweni lowo usesikhundleni lingaphezulu kweentsuku zomsebenzi eziyi-10. Oku kuquka ukuba kwimeko yokhubazeko olungesosigxina lukatitshala olungekho ngaphezulu kweentsuku zomsebenzi eziyi-10, ngokungqinelanayo nemimiselo yePILIR, kunokuqeshwa utitshala obambeleyo. Oku kuthetha ukuba kwikheyisi yekhefu lokhubazeko olungesosigxina lukatitshala olungaphezulu kweentsuku eziyi-10 zomsebenzi,</p>	

Oyena nobangela wengxaki	ISigqibo seSCOPA	Inyathelo elithathiweyo ngeZigqibo zeSCOPA kubandakanywa neenkciitho ezinxulumene noko	Indlela oku okuchaphazela ngayo oonyaka-mali bexesha elizayo
		<p>ngokwemimiselo yePILIR, kunokuqeshwa utitshala obambeleyo.</p> <p>Ikhefu elingesosigxina, liithi, ngokungqinelanayo nemimiselo yePILIR, ezivunyiweyo zethutyana ehamba nomvuzo ophелеleyo. Isigqibo sokugqibela ngemimiselo yentlawulo yenziwa kuphela xa ingcebiso esuka kuMphathi woLawulo lweMicimbi yeeNgxaki zeMpilo (<i>Health Risk Manager</i>) ifunyenwe. Iziphumo ezichaphazela ukusebenza ngqo kwemali kweemali zonyaka-mali ka-2012/2013 azinakwenziwa kuba iNkonzo kaRhulumente yaseMzantsi Afrika yonke ibingenazinkonzo zoMphathi woLawulo lweMicimbi yeeNgozi zeMpilo kwithuba le-1 Januwari 2013 kude kuyokuba nge-31 Oktobha 2013. Ukuza kuthi ga ngoku uMphathiswa weNkonzo kaRhulumente nezoLawulo akakakhuphi myalelo ngendlela emazingathwe ngayo ezi kheyisi zifunyenwe ngeli xesha lichazwe ngasentla. Ukulungelanisa ulawulo lweekheyisi zePILIR iSebe iWCED liqukumbele iMvumelwano yalo phakathi koMqeshi neMibutho yooTitshala (<i>Collective Agreement with the Educator Unions</i>) ngoDisemba 2011. Sekuqeshwe uMphathi ojongene neMicimbi yeeNgozi zeMpilo ukususela nge-1</p>	

Oyena nobangela wengxaki	ISigqibo seSCOPA	Inyathelo elithathiweyo ngeZigqibo zeSCOPA kubandakanywa neenkciitho ezinxulumene noko	Indlela oku okuchaphazela ngayo oonyaka-mali bexesha elizayo
		<p>Novemba 2013 neselithe iSebe iWCED labamba iintlanganiso qho ukuqinisekisa ukuhambelana mbo nalo mgaqo-nkqubo. ICandelo leMisebenzi yoLawulo lwaBasebenzi (<i>People Management Practices</i>) leSebe iWCED kwakhona libamba iintlanganiso qho zangaphakathi neentlanganiso zaqho neMibutho yooTitshala ukuqinisekisa ukuhambelana mbo nemimiselo. ISebe iWCED liqinisekisa ukuba lihambelana mbo nayo yonke imimiselo enxulumene nePILIR.</p>	
<p>Ikhasi: 164 leNngxelo yoNyaka Isihloko: "Izigqibo zeSCOPA" Inkcazelo: Le Komiti iye yalibulela kakhulu iSebe leMfundo ngokupapasha izigqibo zalo, namanyathelo alo eliwathathileyo ngokunxulumene noku, kwiNngxelo yoNyaka yalo, kodwa yaqaphela ukuba le yayingeyonkcazo echanekileyo yomsebenzi wokongamela owenziwa yile Komiti, kunyaka ophantsi kokuqwalaselwa kwakhona.</p>	<p>7. ISebe leMfundo malipapashe iikhomenti ezisekuqaleni zeKomiti, eziphathelele kweli Sebe leMfundo, le theyibhile yezigqibo noluhlu lwengcaciso lucelwe yiKomiti, kuzo zonke iNngxelo zoNyaka zexesha elizayo.</p>	<p>Kwenzeka okokoko, nokuqalisa ngokupapashwa kweNngxelo yoNyaka ka-2013/14 yeSebe leMfundo</p>	<p>Oku akuyichaphazeli le ndawo</p>
<p>Ikhasi: 181 leNngxelo yoNyaka. Isihloko: "Intlawulo egqithisileyo: yenziwa ngabaqhubi benkqubo yoMphathiswa" Inkcazelo: Le Komiti iqaphele ukuba iSebe leMfundo beliququzelela uphando ngeentlawulo ezigqithisileyo zabaqhubi babaphathiswa bamasebe ahlukeneyo ukususela kwiqela leminyaka, kwanokuba ezi ntlawulo zigqithisileyo zazithathwa liSebe njengezingabalulekanga kwiZitimenti zeMali zoNyaka (<i>Annual Financial Statements</i>).</p>	<p>8. ISebe leMfundo malichazele iKomiti ngenkqubela eyenziweyo kunye/okanye iziphumo zolu phando.</p>	<p>Isiphumo sophando sityhila ukuba bekungekho tyala belikho kwaye ke ngoko akubangakho ntlawulo engaphezulu yenzekileyo.</p>	<p>Oku akuyichaphazeli le ndawo</p>

Oyena nobangela wengxaki	ISigqibo seSCOPA	Inyathelo elithathiweyo ngeZigqibo zeSCOPA kubandakanywa neenkciitho ezinxulumene noko	Indlela oku okuchaphazela ngayo oonyaka-mali bexesha elizayo
<p>Ikhasi: 186 leNngxelo yoNyaka Isihloko: "Ukuphunyezwa kweethagethi ezicwangcisiweyo (amanqaku 20 no-21)" Inkcazelo: Le Komiti iqaphele iikhomenti zoMphicothi-zincwadi Jikelele zokuba itotali yenani leethagethi eziyi-56 ebezicwangciselwe unyaka, iithagethi eziyi-21 azikhange ziphunyezwe ngokupheleleyo kulo nyaka uphantsi kwengqwalaselo kwakhona. Oku bekumele i-37% yetotali yeethagethi ezicwangcisiweyo zonyaka eziphantsi kwengqwalaselo kwakhona. Oku bekuchazwe kumakhasi 26 - 91 yeNngxelo yoNyaka. Oku bekubangwa kakhulu yinyaniso yokuba inani lezalathi lisekelwe kuluntu kwaye luxhomekeke kwiiyantlukwano ezisebenza ngokweemfuno ezichaphazelekayo, into eyenza ukuba kube nzima ukugqiba ngeethagethi ezichanekileyo, ngaphandle kokusebenzisa idatha yamaxesha angaphambili njengeethagethi eqikelelweyo. Kwezinye iimeko imimiselo yayinxulumene ngqo nokukhula kwamanani oluntu umz. ukubonelela ngootitshala, ngezithuthi, abafundi abakwizikolo ezingahlawulisi fizi, njl. njl.</p>	<p>9. Lo mba mawubhekiswe kwiKomiti esiSigxina yokubeka esweni ngaphezulu nokuhlola kunye neSebe leMfundo.</p>	<p>Kuqhubeka okokoko, nanjengokuba kucwangcisiweyo yiKomiti esiSigxina echaphazelekayo</p>	<p>Le meko isengaqhubela phambili kwimeko yezalathi ezisekelwe kuluntu ukuba nje "okwenziweyo" kuchazwa njengobudlelane phakathi kweethagethi nokwenziweyo kanye kanye, kumanani abafundi, njl. njl.</p>
<p>Ikhasi: 188 leNngxelo yoNyaka Isihloko: "Imisebenzi yophando" (amanqaku 28 - 30) Inkcazelo: Le Komiti iphawule ukuba imiba eyi-49 yemisebenzi yobuqhetseba enxulumene nezitenxo zezemali, izityholo zobuqhophololo, ukuqesha izihlobo nezalamane (<i>nepotism</i>)</p>	<p>10. ISebe leMfundo ne-FIU mazichazele iKomiti ngenkqubela efikelelweyo kunye/okanye iziphumo zophando.</p>	<p>Umhla wokuthathwa kwenyathelo uya kucefywa siSCOPA</p>	<p>Oku akuyichaphazeli le ndawo</p>

Oyena nobangela wengxaki	ISigqibo seSCOPA	Inyathelo elithathiweyo ngeZigqibo zeSCOPA kubandakanywa neenkciitho ezinxulumene noko	Indlela oku okuchaphazela ngayo oonyaka-mali bexesha elizayo
<p>enyakeni. Kuvulwe iikheyisi eziyi-65 ezinxulumene nezitenxo zemali, isityholo sobuqhetseba, isityholo sokuqesha izihlobo nezalamane (<i>nepotism</i>) nesityholo sobuqhetseba bokuthengwa kweempahla neenkonz, ezilishumi zazo bezisaqhubeka kweso sigaba. Iikheyisi eziyi-17 ezinxulumene nezitenxo kusetyenziso-mali, isityholo sobuqhetseba, ukuqesha izihlobo nezalamane (<i>nepotism</i>) nesityholo sobuqhetseba bokuthengwa kweempahla neenkonz, zivalwe kulo nyaka-mali umiyo, ezilishumi elinesine zazo zazinxulumene nezitenxo zobuqhetseba kunye/okanye izitenxo kusetyenziso lwemali.</p>			
<p>Ikhasi: 188 leNgxelo yoNyaka (umhlathi 27) Isihloko: "ULawulo lwezeMali noKwenziwa koMsebenzi weSebe" Inkcazelo: Le Komiti iqaphele iziphumo zoMphicothi-zincwadi zokuba iimpahla neenkonz ezinexabiso lentengo elingaphantsi kwe-R500 000 zithengwe kungakhange kufumaneke koteyishini zexabiso elifunekayo, njengoko kufunwayo nguMmiselo kaNondyebo 16A6.1. Esi ibe sisiphumo esiphindeka okwesibini ukwenzeka ukususela kunyaka odlulileyo neenkqubo eziphunyeziweyo ukusingatha iingcebiso ezenziweyo malunga noku kwiNgxelo yaBaphathi yonyaka odlulileyo zenziwe kuphela kwisiqingatha sesibini sonyaka-mali ophantsi kwengqwalaselo kwakhona.</p>	<p>11. ISebe leMfundo maliqwalasele kwakhona libeke esweni ukuthotyelwa kwemithetho nemimiselo yeSCM yokuthengwa kweempahla eziphakathi kwe-R10,000 ne-R500,000.</p> <p>12. ISebe leMfundo maliqalise ngeenkqubo zokuqinisekisa ukuba izithili zihambelana mbo neSCM.</p>	<p>Ukunciphisa ukungathotyelwa kwemigaqo-nkqubo, isebe lemfundo liqalise la manyathelo alandelayo:</p> <p>Liqeshe aMagosa oQhagamshelwano naBathengi naBathengisi kuzo zonke ii-ofisi ezazifumene uqeqesho kwimimiselo yeSCM;</p> <p>Ukusetyenziswa kwesistim yokuthenga iimpahla neenkonz ngekhompyutha; Isebe lemfundo liqalise ngoluhlu lokutshekisha omaluninisekiswa ngumgunyazisi wentlawulo ukuba imigqaliselo yowiso-mthetho noku-thengwa kweempahla neenkonz kuhanjelwene mbo nayo; laza laseka iYunithi yoLawulo yaNgaphakathi ukuqhuba uphicotho-zincwadi olulandelisayo kuzo zonke iintlawulo</p>	<p>Oku akuyichaphazeli le ndawo</p>

Oyena nobangela wengxaki	ISigqibo seSCOPA	Inyathelo elithathiweyo ngeZigqibo zeSCOPA kubandakanywa neenkciitho ezinxulumene noko	Indlela oku okuchaphazela ngayo oonyaka-mali bexesha elizayo
<p>Ikhasi: 213 leNgxelo yoNyaka Isihloko: "Umonakalo ku-5.8" Inkcazelo: ISCOPA siphawule ukuba iKomiti yoPhicotho-zincwadi seyixoxile ngeNgxelo yaBaphathi neyoMphicothi-zincwadi Jikelele nekomiti yolawulo lweSebe leMfundo. Ngokukodwa iKomiti yoPhicotho-zincwadi iqaphele ukuhla kwexabiso leempahla neemali ingxaki eqaphelekayo enxulumene neemali ezihathwe amanyathelo yiKomiti yoPhicotho-zincwadi ukulandelela oko aBaphathi bebezibophelele kuko.</p>	<p>13. ISebe leMfundo malichazele iKomiti ngamanyathelo okulungisa ilahlelo yamaxabiso ukuhla kwexabiso lee-asethi (<i>impairments</i>) neemali ezihlawulweyo (<i>Receivables</i>).</p>	<p>UMgaqo-nkqubo wezoLawulo lwaMatyala eSebe iWCED ufakelwe izilungiso ukunika ingcaciso ngokuhla kwexabiso leempahla (<i>impairments</i>).</p>	<p>Oku akuyichaphazeli le ndawo</p>
<p>Ikhasi: 222 leNgxelo yoNyaka Isihloko: "Inkcazelo yokwenza amagqabantshintshi we-1" Inkcazelo: Le Komiti iphawule ngokuxhalabisayo ukuba iSebe leMfundo lingene kwintlawulo egqithisileyo eyokufikelela ku-R52, 652 yezigidi kwaBonitas Medical Scheme ngoMatshi 2013. Ukubuyiselwa kwentlawulo, nakuba kunjalo, yamkelwe nge-10 Epreli 2013.</p>	<p>14. ISebe leMfundo malichazele iKomiti ngeenkqubo zolawulo eseziphunyeziweyo ukuqinisekisa ukuba naziphi na iintlawulo eziphazanyweyo/ eziphindwe kabini ziyaqatshelwa zithintelwe.</p>	<p>UNondyabo wePhondo uqalise inyathelo elingaphezulu ukwenzela amasebe ukuba angqiniseke izixa-mali ekufuneka zihlawulwe ngeebhanki kumaziko. Le fom isayinwa nguMlawuli okanye liSekela lakhe kwiCandelo eliKhulu loLawulo lweMali.</p>	<p>Oku akuyichaphazeli le ndawo</p>
<p>Ikhasi: 224 leNgxelo yoNyaka Isihloko: "Intlawulo zemali" Inkcazelo: Inkcitho yeSebe leMfundo ibiqulathwe kwibhajethi evunyiweyo. Nakuba kunjalo, oku kubangelwa kakhulu yinkcitho engaphantsi yeemali ezivunyiweyo kwiiprogram 1 no-8 ezingezizo iiseyivongi.</p>	<p>15. ISebe leMfundo kufuneka liphumeze iinkqubo zokuqaphela incitho engaphantsi kommiselo kwasekuqaleni.</p>	<p>ISebe leMfundo liphumeze la manyathelo alandelayo: - Ukucwangciswa kweenkonzo zokuthengwa kweempahla neenkonzu kwasekuqaleni konyaka-mali, ukubeka esweni kwenkcitho qho ngenyanga nengxelo evela kumphathi othweswe uxanduva lolawulo lwestokhwe (<i>responsibility manager</i>);</p>	<p>Oku akuyichaphazeli le ndawo</p>

Oyena nobangela wengxaki	ISigqibo seSCOPA	Inyathelo elithathiweyo ngeZigqibo zeSCOPA kubandakanywa neenkciitho ezinxulumene noko	Indlela oku okuchaphazela ngayo oonyaka-mali bexesha elizayo
		Umphathi othweswe uxanduva lolawulo lwestokhwe uya kunika ingxelo yesiqingatha sonyaka-mali ngenkcitho engaphantsi kommiselo; kunye Nokusetyenziswa kwesixesha esicuntsulelwa enye injongo (virement) kwisebe lemfundo.	

9. UTSHINTSHO OLWENZIWE KWANGAPHAMBILI KWIINGXELO ZOPHICOTHO-ZINCWADI

Isebe lemfundo licwangcisa i-*Financial Management Improvement Plan (FMIP)* egxininisa kwimiba yokungathotyelwa komgaqo-nkqubo okuphakanyiswe nguMphicothi-zincwadi Jikelele. Esi sicwangciso senziwe uqinisekiso lomgangatho kwaye uMphicothi-zincwadi kuthetha-thethwene naye malunga noku. Kwakhona kunikwa ingxelo qho kwikomiti yophicotho-zimali yesebe lemfundo malunga nenkqubela eyenziweyo.

Uhlobo lwekhwiniba (<i>nature of qualification</i>), ukuzikhwebula ekuthatheni uxanduva, okanye ukungavakalisi mbono komphicothi-zincwadi ngengxelo-mali enamakhwiniba (<i>disclaimer</i>), imbono yomphicothi-zincwadi ebonisa ukuba izititimenti zemali zigawethiwe, azinyanisekanga ukubonisa ubume bezemali (<i>adverse opinion</i>)	Unyaka-mali apho oku kuqale khona ukwenzeka	Inkqubela eseyenziweyo ekucaciseni / ekusombululeni umba
Iimpahla neenkonzo ezinxabiso lentengiso elingaphantsi kwe-R500 000 zathengwa ngaphandle kokufunyanwa kweekoteyishini zexabiso elifunekayo njengoko kufunwayo nguMmiselo kaNondyebo 16A 6.1	2012/13	Ukunciphisa ukungahambelani mbo nomgaqo-nkqubo, isebe lemfundo liqalise la manyathelo alandelayo - Kuqeshwe aMagosa oQhagamshelwano naBathengi naBathengisi (<i>Supply Chain Champions</i>) kuzo zonke ii-ofisi ezaziqeqeshwe kwimimiselo yeSCM - Ukuqaliswa kwesistim yokuthenga iimpahla neenkonzo ekhompuyutheni, - Isebe lemfundo liqalise ngoluhlu lokutshekisha intlawulo emaziqinisekiswa ngumgunyazisi wentlawulo ukuqinisekisa ukuba imiqathango yowiso-mthetho nokuthengwa kweempahla neenkonzo ithotyelwe. - Iseke iYunithi yoLawulo LwangaPhakathi ukuqhuba iinkqubo zophicotho-zincwadi olulandelayo kuzo zonke iintlawulo.
Ulawulo nosetyenziso lwemali aluthathanga manyathelo angawo ukuthintela inkciitho etenxileyo, njengoko kufunwayo sisiqendu 38(1)(c)(ii) sePFMA noMmiselo kaNondyebo 9.1.1	2012/13	Kuqaliswe ngala manyathelo alandelayo - Kuqeshwe aMagosa oLawulo loQhagamshelwano naBathengi naBathengisi kuzo zonke ii-ofisi ebezifumene uqeqesho kwimimiselo yeSCM - Kuqaliswe ngesistim yokuthengwa kweempahla neenkonzo ekhompuyutheni, - Isebe lemfundo liqalise uluhlu lokutshekisha iintlawulo emaziqinisekiswa ligosa eligunyazisayo lentlawulo ukuqinisekisa ukuba imigqaliselo yokuthengwa kweempahla neenkonzo iye yathotyelwa.

10. IYUNITHI YOLAWULO YANGAPHAKATHI

Ngo-2013/14 iYunithi yoLawulo yaNgaphakathi yenze le misebenzi elandelayo:

Iqinisekise ulawulo olululo

- Ilawule iSistim yoLawulo yaNgaphakathi eDibeneyo (*Integrated Control Internal Control System*): yalondoloza yaza yahlaziya ngokutsha iziko ledatha yeMigaqo-sikhokelo yezoMthetho (*Legal Frameworks*) nokuqinisekisa ukuphunyezwa ngokufanelekileyo kokugqithiselwa kwemigaqo-sikhokelo
- Ilondoloze irejista ye*Forensic Investigation*: yanika iingxelo ngenkqubela kwiikheyisi ze-FIU kwaNdlunkulu nakwiZithili yaza yanika ingxelo kwirejista ehlaziyiweyo ye-FIU yesebe lemfundo kwiSebe leNkulumbuso.
- Yenze imigaqo-nkqubo, imigaqo neenkqubo ezingeyunithi yolawulo yangaphakathi ebandakanya: iinkqubo nemigaqo yemisebenzi yesebe lemfundo egqityiweyo ukwenzela ukuqaphela ukuhambelana mbo nemigaqo-nkqubo
- Ibeke esweni ukuhambelana mbo nemigqaliselo: ilawule yaza yenza isixhobo esijongene nokuhambelana mbo nemigaqo-nkqubo; ihlaziye ngokutsha ngokungqinelanayo nowise-mthetho olusebenzayo ukwenzela ukuqaphela okwenzekayo kwiindawo ezingasebenzi kakuhle kwisistim yolawulo yangaphakathi
- Ihlole ukusetyenziswa ngokukoko nokuphunyezwa kwemigqaliselo yezemali: ikugqibile ukwenza iinkqubo zohlolo kwisebe; ibeke esweni ukusebenza kwaMagosa oQhagamshelwano naBathengi naBathengisi eSCM; ixhobise aMagosa oQhagamshelwano naBathengi naBathengisi eSCM kwiZithili nakwaNdlunkulu ngokusebenzisa iiseshoni zoqeqesho nokunika ingcaciso
- Ihlole iirejista zokubhala phantsi ilahleko yesebe lemfundo: ilondoloze yaza yagcina irekhodi yeengxelo zelahleko; iqhagamshelane neyunithi ye-ERM kunye ne-Internal Audit ngeelahleko zesebe lemfundo.

Ibonelele ngeeNkonzo zoQinisekiso lweMigangatho

Iququzelele i-Internal ne-External Audits: ibeke esweni inkqubela malunga neengcebiso kwingxelo yabaphathi nakwiingxelo zophicotho-zincwadi zangaphakathi; icazulule yaza yaphumeza iimpendulo zabaphathi; inike iingcaciso nengcebiso

Ichaze imiba kwikomiti yoPhicotho-zincwadi i-AC: yenze ikhomenti ngobume besicwangciso sophuculo lolawulo lwemali kwi-Audit Committee

Iqinisekise ukuphunyezwa kolawulo lokulungisa iinkqubo: inike iingxelo neerejista ngenkcitho engeyonzuzo nedyakrazayo kunye nenkcitho engagunyaziswanga (*fruitless and wasteful expenditure and unauthorized expenditure*); yenze yagqiba inkqubo elandela emva kophicotho-zincwadi ngokunxulumene nentlawulo yeevawutsha; iququzelele izigqibo zeSCOPA ukwenzela ingxelo yonyaka; yenze yagqiba ukungqinisiswa kwamaxwebhu e-MPAT.

11. UPHICOTHO-ZINCWADI LWANGAPHAKATHI NEEKOMITI ZOPHICOTHO-ZINCWADI

UPhicotho-zincwadi lwaNgaphakathi lunika iinkonzo ezizimeleyo, ukuqinisekiswa kolawulo lwelahleko olungakhokelwa luluvo kunye neenkonzo zengcebiso ezenzelwe ukongeza ixabiso nokuphucula okokoko imisebenzi yeSebe leMfundo. Kufuneka incedise iSebe leMfundo ekuphumezeni iinjongo zalo ngokuzisa inkqubo enobucule, enocwangco ukuphonononga nokuphucula ukusebenza ngempumelelo kwezokuPhatha, uLawulo lweLahleko kunye neenkqubo zolawulo (*Governance, Risk Management and Control processes*). Le misebenzi ephambili elandelayo yenziwa ngokubhekiselele koku:

- Vavanya uze wenze iingcebiso ezifanelekileyo zophuculo lweenkqubo zolawulo ekuphumezeni iinjongo zesebe lemfundo;
- Vavanya ukufaneleka nokusebenza ngempumelelo, nokufaka igalelo kuphuculo lwenkqubo yolawulo lwelahleko;
- Ncedisa iGosa eLimele ukuPhendula ngokuSetyenziswa kweMali (*Accounting Officer*) ekulondolozeni iinkqubo ezisebenza ngobuchule nangempumelelo ngokuhlola ezo nkqubo zolawulo ukuqinisekisa ukusebenza kwazo ngempumelelo nangobuchule, kunye nokwenza iingcebiso zokwandisa okanye ukuphucula;

Umsebenzi woPhicotho-zincwadi lwaNgaphakathi ogqitywe kunyaka ophantsi kokuqwalaselwa kwakhona weSebe leMfundo ububandakanya imisebenzi yoqinisekiso lokuthotyelwa komgaqo-nkqubo emi-4. Isicwangciso sophicotho-zincwadi sangaphakathi sibandakanya imisebenzi yoqinisekiso lwemigangatho emi-5. Iinkcukacha zale misebenzi zifakiwe kwingxelo yeKomiti yoPhicotho-zincwadi.

IKomiti yoPhicotho-zincwadi isekwe njengebhunga elongameleyo, elibonelela ngokongamela okuzimeleyo kwezolawulo, kulawulo lwelahleko nakwiinkqubo zolawulo kwiSebe leMfundo, ezibandakanya imisebenzi eluxanduva olunxulumene nokulandelayo:

- Umsebenzi wophicotho-zincwadi wangaphakathi;
- Umsebenzi wophicotho-zincwadi wangaphandle njengoko usenziwa nguMphicothi-zincwadi waseMzantsi Afrika;
- Ulawulo nosetyenziso lwemali yeSebe leMfundo kwanokunika ingxelo;
- Imigaqo-nkqubo yolawulo nosetyenziso lwemali yeSebe leMundo;
- Ukuqwalaselwa kwakhona kolawulo nengxelo yophicotho yoMphicothi-zincwadi Jikelele waseMzantsi Afrika;
- Ukuqwalaselwa kwakhona nokubeka esweni inkqubo enyakeni;
- Ulawulo lwelahleko lweSebe leMfundo;
- Ulawulo lwangaphakathi;
- Iinjongo esezicwangciswe kwangaphambili;
- Imisebenzi yophando malunga nolawulo nosetyenziso lwemali kakuhle kunye nophando ngokusetyenziswa gwenxa kwemali (*Ethics and forensic investigations*).

Le theyibhile ilapha ngezantsi ichaza ingcaciso echaphazela amalungu ekomiti yophicotho-zincwadi:

Igama	Iziqinisekiso zamabanga emfundo	Ngowangaphandle okanye ngowangaphakathi	Ukuba sisikhundla esikwisebe lemfundo	Umhla aqeshwe ngawo	Umhla ayeke ngawo emsebenzini	Inani leentlaganiso ezithanjweyo
Mnu Ronnie Kingwill	CA(SA)	Ngowangaphandle	N/a	01 Januwari2013	N/a	8
Profesa Estian Calitz	DCom (Economics)	Ngowangaphandle	N/a	01 Januwari 2013	N/a	3
Nks Zulpha Abrams	CA(SA) & FIIA SA, CIA	Ngowangaphandle	N/a	07 Epreli 2014	N/a	5
Mnu Linda Nene	BComm (Acc); Post Grad Diploma in Management – Corporate Governance; MDP;	Ngowangaphandle	N/a	01 Epreli 2011	N/a	8

Igama	Iziqinisekiso zamabanga emfundo	Ngowangaphandle okanye ngowangaphakathi	Ukuba sisikhundla esikwisebe lemfundo	Umhla aqeshwe ngawo	Umhla ayeke ngawo emsebenzini	Inani leentlaganiso ezithanjweyo
	CCSA; CRMA; CCP; FIASA					
Mnu Luzuko Mdunyelwa	M(Phil); M(Public Admin); Diploma: Project Management	Ngowangaphandle	N/a	01 Okt 2011	N/a	6

12. INGXELO YEKOMITI YOPHICOTHO-ZINCWADI

IKomiti yoPhicotho-zincwadi iyavuya kukunika ingxelo yayo kunyaka-mali ophele nge-31 Matshi 2014.

UMsebenzi oLuxanduva lweKomiti yoPhicotho-zincwadi

IKomiti yoPhicotho-zincwadi ichaza ukuba iye yathobela imisebenzi eluxanduva lwayo esusela kwiSiquendu 38(1)(a)(ii) soMthetho woLawulo lweMali kaRhulumente noMmiselo kaNondyebo 3.1.13. IKomiti yoPhicotho-zincwadi kwakhona ichaza ukuba ivume ngokusemthethweni imimiselo eqingqiweyo yokusebenza (ivunywe nge-11 Septemba 2013), njengemimiselo yokusebenza yeKomiti yoPhicotho-zincwadi, iye yalawula imicimbi yayo ngokuhambelana mbo nale miqathango kwaye iyenze yonke imisebenzi yayo njengoko ibhaliweyo apha ngaphakathi.

UkuSebenza ngeMpumelelo kweeSistim zoLawulo zaNgaphakathi

Ngokwenkqubo ejonge ekuqwalaseleni ilahleko, lo msebenzi ulandelayo wophicotho-zincwadi wangaphakathi ugqitywe ngonyaka ophantsi kokuqwalaselwa kwakhona:

- IZibonelelo zeNkxaso kuBafundi nooTitshala
- EzoLawulo nokuPhatha
- IiGranti ezikhutshwa ngeMiqathango
- ICandelo loLawulo lwaBathathi-nxaxheba abangooSomashishini (*Business Stakeholder Management*)

